

IMIPHEFUMLO

ESENTOLONGWENI NGOKU



Enkosi. Masithobe iintloko zethu okomzuzwana nje.

Bawo waseZulwini, sinombulelo kuWe, namhlanje, ngeli lungelo lokuhlanganisana kunye kwakhona, sisazi ukuba ngemini ethile siyakuhlanganela okokugqibela, njengababhuhayo, size sihlangane kwelo lizwekazi lobuqaqawuli kunye naWe, kwaye bonke abahlanguleweyo bazo zonke izigaba zexesha bayakuhlangana apho.

² Owu, iintliziyiyo zethu zibetha ngokukhawuleza, nge... ngokulangazelela okukhulu, silindele ukufika kwalo yure! Ngenxa yaloo nto, konke ukoyika kuyanyamalala kuthi. Asinanto siyoyikayo, asinanto sinokuyoyika. Sikhangele phambili kwelo dinga wathi uThixo onguNaphakade wasenzela lona, kwaye siyazi ukuba liyiNyaniso. Yiyo loo nto siphilayo. Siphilele loo nto, loo yure, elo xesha, xa oku kubhubhayo kuyakutshintshwa, size senziwe sifane naYe, kwaye akusayi kubakho kugula kwakhona, kungabikho ntsizi, kungabikho zintliziyiyo zibuhlungu. Owu, kuyakube kuphele konke. Kwaye ngovuyo ezintliziyweni zethu, thina, ngokholo nenkuthalo, silindele loo Mini.

³ Kungoko sihlangene apha namhlanje, Nkosi, ukuza kuvuma iziphoso zethu sicele inceba. Yiyo loo nto sijongene nesi sibingelelo kusanje, ngokuba siyazi ukuba singabantu ababhuhayo, kwaye kukho iimpazamo ezininzi kuthi, kwaye sizele ziziphoso. Kodwa sizokuvuma iziphoso zethu, size sikhangele kuBawo wethu waseZulwini ngeintliziyiyo ezivulekileyo, ukuze sifumane iintsikelelo nokuhlaziywa kwamandla nokholo, aze Yena asinike ngale yure, njengokuba sihlangene apha ngokwedinga, “kwiindawo zaseZulwini kuKristu Yesu.” Kuba sibanga ukuba sidlule ekufeni sangena eBomini, ngedinga laKhe, kwaye sixwiliwe senyuselwa kumoya waseZulwini, sihleli naYe ngoku. Wanga Angasifundisa ngale ntsasa izinto Ayakuthanda ukuba sizazi, asinike iSonka soBomi, ukuze sibe nokumelana nekamva eliphambi kwethu. Siphe loo nto, Nkosi. Lowo ngumthandazo wethu esiwucela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁴ Bhotani kusanje, nonke. Kwaye kumnandi kakhulu ukuhlanganisana nani apha kwakhona ngale ntsasa, kulo moya waseZulwini wokudumisa.

⁵ Ndifike emva kwexesha kancinane, besine...eyona ngenene eyona mibi iminxeba kwimizuzu embalwa edlulileyo; inkwenkwe ilele apho, isifa. Kwaye ngokuqiniseke kanye njengokuba ndimi apha, iNkosi yawuchukumisa umzimba wayo yawuphindisela endleleni. Ngoko...

⁶ Kwaye i—i—inkwenkwe emi apha, engunyana womzala wam. BabengamaKatolika wenene, indawo yokuqala, kodwa baya kumthendeleko wabo ngale ntsasa yaze into ethile yabaxelela ukuba beze apha. Ke ngoko ba...Kukho ukutshintsheka. Ngoko ba—bayeza ngoku kule ndlu, beza kulungiselela ubhaptizo lwamanzi. Ngoko ke ba—ba...Zizinto nje ezimangalisayo ethi iNkosi yethu izenze nje ngokuthe rhoqo izinto. Beza ukuze bangene, kwaye ababanga nakungena. Baze bathi nje akubanga kho ndlela yakungena.

⁷ Ndathi, “Kulungile, ukuba ufuna ukuthetha nam,” ndathi, “kulungile, nyukani nje niye endlwini, kwaye siyakuyithetha loo nto, apho.”

⁸ Ngoko ndacinga, endleleni yam yokuya eNew York ngoku, kule nkonzo izayo, ukuba nje kuyakuba mnandi kakhulu... Ndiyazi ukuba ndingavuseleleka kukufika nje apho ndi—ndincedise ukulumeka umlilo wam kulo mlilo beninawo ninonke, kwaye semisa isithuba sosuku, ngale ntsasa. Kwaye singene izolo, izolo elinye, emini emaqanda.

⁹ Kwaye ke sizakuhamba. Bendizakuhamba, ngale njikalanga, kodwa ndiyacinga ukuba ndiyakuhamba...Kwaye siqalisa kusasa, kwangethuba, kwangethuba kakhulu loo... Sisenokuhlangana nekhephu ezindleleni, nezinto ezinjalo, phakathi kwalapha naseNew York. Simelwe kukunqumla eVirginia, sinqumla ezintabeni, size sinqumle nakanjalo kwii-Allegheny’s nasemazantsi nje ecala ngoko le—le-Adirondack.

¹⁰ Ngoko siqala e, ndiyalibala, isakhiwo esikhulu semidlalo esilapho, esitsha. Badiliza iSt Nicholas iholo enkulu yemidlalo endala bayiwisa, ndiyaqonda. Baze bakha le intsha. Kwaye ngokokwazi kwam, sizakufumana malunga nobunye ubusuku bokuqala obakhe...abakhe babuvumela. Ngoko siyavuya ngenxa yaloo nto, ngenxa yabantu benkonzo yoMoya yaseNew York enkulu. Kwaye ndiyacinga ukuba sinamabandla aliqela asebenzisanayo, kwaye silindele ithuba elimnandi.

¹¹ Ke siyakubuya, iNkosi ithandile, ngelinye ixesha kwiveki ezayo. Kwaye—kwaye ukuba ibe yintando kaThixo, kuba, sithemba ukuba siyakumisa ngeCawe, kwiveki ezayo, ukwenzela—ukwenzela inkonzo yakusasa ngeCawe.

¹² Ngoko ke ndimqubulisile kwakhona umlungiseleli wethu, njengokuba ndihlala ndisenza, uyabona, nda—ndaze ndacinga ukuba mhlawumbi ukuba ndithe ndangena, nangaphandle kokucela. Kwathi ke ngokuba lapho kukho iqela elilungileyo apha, nabantu endibabonayo abasuka ngaphandle kwedolophu,

balapha; ndacinga ukuba mhlawumbi, ngokuhlwanje, ukuba umlungiseleli unento ethile esisikhawu, ukuba singanenkonzo encinane ngokuhlwanje, emfutshane nje, ukuze, ke, mhlawumbi sithandazele abagulayo. [UMzalwana Neville nebandla bayavuya—Mhl.] Enkosi.

¹³ Sithemba ukuba siyakuthandazela abagulayo ngokuhlwanje, sithethe ngempiliso eNgcwele si—sithandazele abagulayo. Siqale kusengethuba ukuze siphume ngethuba. Kwaye ukuba umlungiseleli anganako, into... Ngokwesiqhelo niqalisa ngecala leyesixhenxe. Ingaba kunjalo? Kunjani xa sinokuqala ngentsimbi yesixhenxe ngokuhlwanje, ngeyesixhenxe? [UMzalwana Neville, "Amen."—Mhl.] Nize nindinyuse ngecala leyesixhenxe, loo nto iyakundikhupha ngentsimbi yesibhozo kanye ngecala leyesibhozo, yaye loo nto inika abantu ixesha loku—lokuhamba, ukuba oko—ukuba kuphelele apho—kulungile. Kwahleka wonke umntu nda—ndakuthi ngeyesibhozo, okanye ngecala leyesibhozo. Ndi—Ndiyathemba ukuba ndiyakube ndiphumile ngelo xesha. Ukuthandazela abagulayo, uyazi, asinakwazi.

¹⁴ Ngoko besine—nexesha elimnandi ukusukela ekumkeni kwam ekungeneni koBusika, kwangoko, yaze iNkosi yasisikelela ngezinto ezinkulu ezininzi. Oko... Ke ngokuhlwanje, ukuba iNkosi ithandile ndifuna ukunixelela ngotyelelo lokugqibela endibe nalo, lukaThixo, eColorado, kwiveki ezimbalwa ezidlulileyo. Kwaye yiloo nto endicinge ukuba ndiyakunizisela yona ngoku, mhlawumbi ivuselele ukholo ukwenzela inkonzo yempiliso kusihlwanje, kwabo bagulayo nababulalekayo.

¹⁵ Ngoku, kusanje, ukungena ngqo enkonzweni, ndi... Kukho into eyichukumisileyo intliziyo yam malunga nenyanga edlulileyo. Kwaye isenokuba, ngoku, ndicinga ukuba ba... Ingaba bayakushicilela oku? Niyakushicilela oku? Ewe. Kulungile. Ngoko ukuze ndazi ukuba kuphi na, ukuba eli khasethi liyaphuma liya kwabanye. Andinakuyithetha laa nto ndizakuthetha ngayo ngale ntsasa... Andinakuyithetha i—i—iyiyo... Ndiyazi ukuba ilungile, 'yabona, icala loMyalezo liyakulunga. Kodwa into enye, endifuna ukuyenza, ngumbuzo osengqondweni yam. Ukhangeleka uyinene kangako. Kodwa nangoko oko ndifikile, kwaye ukusukela nda... yatyhilwayo kum, bendisoyika kakhulu ukuba ndingathetha into ephosakeleyo ize ishiye umdla ongalunganga ebantwini. Kwaye yinto... Kwaye ndi...

¹⁶ Into ebendinayo ibhalwe emaphapheni, kwinto ebendizakuyithetha, ndiyayishunqulela inxalenye yayo, ukuze ndingayenzi ibe ngqongqo kakhulu. Ngokuba, uyabona, ukuba—ukuba umntu... Ndi—ndiyayithanda iNkosi uThixo, kwaye, inye indlela endazi ngayo ukuba ndiyaYithanda, kungokuba ndinithanda nina. 'Yabona? Yiloo ndlela kuphela endazi ngayo. Kwaye nangoko a—andifuni kuba nanto ityhiliweyo

kum ndize ndinganixeleli, ukuba yendifanelwe kukunixelela. Kwaye ngoko ndiyoyika ukuba ukuba ndithethe into engqongqo kakhulu, isenokwenzakalisa umntu othile. Kwaye, uyazi, yi uphantse nje ukuba uthi ungena eqongeni uve ukhokelelwa koko uyakukuthetha. Kuphelele apho. Kwaye ngoko ngamanye amaxesha usenokuthetha into, baze abanye babe. . . bafumane enye imbono ngaloo nto, baze babaleke baphume *ngapha* ecaleni; aze ngoko omnye umntu athi, “Owu, yiyo *le*, ’yabona.”

¹⁷ Kodwa ndifuna nazi ukuba oku ndizakukuthetha kukuqikelela nje, kwaye igama u-qikelela lithetha “ukudela ingozi ngaphandle kokuba negunya.” Ngoko ndi. . . a— andithi oku kuyinyaniso, kodwa yingcinga nje encinane endisenokuyijula ize kuni, ukuze nibe nokuyivavanya nibone ukuba nicinga ntoni na ngayo. Ukuze ke ibe, kakade, iya— iyakuba yeyeSibhalo, kuba akukho nto yimbi ndinokuyishumayela. . .

¹⁸ Kodwa ingaba seiyiloo yure? Ingaba oku kufike ngale yure, zibe ezi zinto bezithetha kona? Ndiyathandaza, ngako konke okukum, ukuba ingabiyiyo. ’Yabona? Ndiyathandaza ukuba kube akunjalo, ukuba kube akuyiyo loo yure. Kuyakwenzeka, kodwa ingaba kufike elo xesha? ’Yabona, nantso into endimangaliswe yiyo. Ngoku, wonke umntu uyaqonda, ngokupheleleyo, ukuba andazi? [Ibandla, “Amen,”— Mhl.] Ndinje. . . Ingaba lixesha eli? Ukuba lilo, Thixo yiba nenceba kuthi. Kodwa, ukuba asililo elo xesha, maku. . . liyakufika.

¹⁹ Ngoku, nje ukuba ukuba sibenako, sinocwangciso hambo olukhulu oluphambi kwethu, iNkosi ithandle. Kwaye ndimelwe kukuya phesheya kolwandle, kanye nje emva kweKrismesi, e-Europe nase-Asia; e-Europe ingakumbi. Ndize ke ndibuyele apha e-United States, ukuza kwiinkonzo ezimbalwa, ndize ndibuyele ezantsi eSouth Africa. Ndiqalisa ngowesibini ka—kaSeptemba, eDurban, ndize ndihambe ukusuka ngowesibini, ndiyacinga, kude kube malunga ngoweshumi, ndize ndibe neentsuku ezintathu zokusuka apho ukuya eJohannesburg ndiqalise kwakhona. Kodwa ndiyacinga ukuba kuyakuba yinyanga ka-April, siqale kumazwe eScandinavia, eNorway naseSweden nase—naseFinland, nase—naseHolland naseSwitzerland naseGermany, na—nakuyo yonke i-Europe leyo. Ngoko nithandaze ngenxa yethu.

²⁰ Sineenkonzo ezimbalwa apha, lilixa leKrismesi ngoku, kanye emva kweKrismesi. Kodwa indlela, ndifuna ukuba lapha ngayo yonke iKrismesi, ’yabona, ekhaya. Abantwana bafuna ukuza ekhaya, ngeKrismesi. Kwaye—kwaye siyayithanda i-Arizona, kodwa i—into esiyikhumbulayo, esinganako nje ukudlula kuyo, leli bandla nani bantu. Akunamsebenzi nokuba siye phina, senza ntoni na, yinto nje. . . Abantwana, mna, inkosikazi nathi sonke. Akukho ndawo injengale. Kunjalo. Akukho ndawo nje.

²¹ Ndikhe ndazidada iilwandle ezisixhenxe, nda—ndakuyo yonke indawo, kodwa akukho ndawo ikhangeleka ngokungathi inobuqaqawuli kum njengale ndawana incinci ilapha kanye. Yiyo le. Mka nje kubekanye kuyo, ukuba ufuna ukwazi. Kukho into ethile malunga nale ndawo. Ndikhe ndashumayela kulo lonke ihlabathi, eneneni, kwaye andizange, nangaliphi na ixesha, nakuyiphi na indawo, ndikhe ndive uMoya kaThixo, ngokukhuleleka nezinto ezinjalo, njengokuba ndiwuva kanye apha. Yiyo le.

²² “Thixo, makuthi...” Njengokuba ngalaa mini ndabeka ngayo ilitye lekona phaya, ndathi, “Nkosi Thixo, ungaze uvume iwe.”

Abantu bathi, “Kwiinyanga ezimbini, iyakuba iyigaraji.”

²³ Ndathi, “Ungaze uyivumele iwe, Nkosi. Mayime, nabantu babelapha ngaphakathi bedumisa Wena ekubuyeni kukaYesu.” Ndiyathemba ukuba kuyakubanjalo.

²⁴ Ngoku masityhile eBhayibhileni ngoku, kwaye—kwaye silindele iNkosi ukuba isiphe kwiintsikelelo zayo. Kwaye sifuna ukufunda iZibhalo ezithile. NdineZibhalo endizibhale apha endifuna ukubhekiselela kuzo, nokubhaliweyo okuthile. Ndifuna ukufunda kwiindawo ezintathu eBhayibhileni, ndaye ndiyakuninika, kuqala. Ndifuna ukufunda kuYuda 5 ne-6. UYuda yiNcwadi nje enye, uyazi. Ndize ke ndifune ukufunda kuPetros weSibini isahluko se-2, 4 ne-5. Ndize ndifune ukufunda kuPetros wokuQala, 3:18 ukuya kuma-20.

²⁵ Kwaye ingongoma yam ngale ntsasa, iNkosi ithandile, yile: *Imiphefumlo Esentolongweni Ngoku*. Ehe. *Imiphefumlo Esentolongweni Ngoku, Ivalelwe, Igwetywe Ngokungapheliyo*. Ingenakuze, akukho ndlela yakusindiswa, 'yabona, imiphefumlo evalelwe entolongweni ngoku.

²⁶ Ngoku masifunde ngaphaya kwiNcwadi kaYuda, kuqala. Ndiyakholwa ukuba ndiyiphawule apha indawo yokuqala, kuYuda; size siye ngaphaya kuPetros weSibini, silandele—silandele ngoPetros wokuQala. Ngoku, uYuda, ndingathanda ukumfunda wonke; kodwa ukonga ixesha, ngokuba seyilicala leyeshumi kakade, ndizakuqala ngevesi ye-5. Ngoku, uYuda wayengumzalwana, umzalwana-mbumbulu, kaKristu Yesu, njengokuba sisazi sonke. 'Yabona? Wayengunyana kaYosefu.

Ndinga ke ndinganikhumbuza, nangona nikwazi oku kakade, ukuba iNkosi yakuba ibasindisile abantu emhlabeni waseYiputa, yathi ngokwesibini yabatshabalalisa abo bangakhohlwanga.

²⁷ Yabasindisa, kuqala, yabakhupha eYiphutha, yaze yanyanzeleka ukuba ibatshabalalise ngokuba bengazanga baqhubeke nomyalezo wabo, uyabona.

Kananjalo izithunywa zezulu ezo zazingalugcinanga ulawulo lwazo, zesuka zalishiya ikhaya lazo, izigcinele u-. . .umgwebo ngemixokelelwane engunaphakade phantsi kwesithokothoko.

²⁸ Iingelosi ezazikade zihleli eZulwini, zaze azaligcina ulawulo lwazo nendlela ezazikuyo, zawa, kwaye ngoku zikwimixokelelwano yaphakade yobumnyama, imixokelelwane engapheliyo yaphakade, zigcinwe kule meko kude kube nguMgwebo woMhla omkhulu xa ziyakugwetywa kunye nabo bonke abangakholwayo.

²⁹ Ngoku kuPetros weSibini, isahluko se-2, siqala ngomqolo we-4, ntoleyo iyakuba yincwadi nje okanye ezimbini emva kwayo, 'yabona.

Kuba xa uThixo angaziconganga izithunywa zezulu ezonayo, wesuka wathi ezikhahlele enzonzobileni wazinikela emixokelelwaneni yesithokothoko, zigcinelwe umgwebo;

Naxa angaliconganga ihlabathi lakudala, wesuka walondoloza uNowa, nabantu abasibhozo, umvakalisi wobulungisa, akuba elihlisele unogumbe ihlabathi labangahloneli Thixo;

³⁰ Akazilondoloza iiNgelosi; wazifaka kwimixokelelwano yesithokothoko, wagweba lonke ihlabathi ngentshabalalo, ka-kaNowa.

³¹ Ngoku uPetros wokuQala, isahluko so-1 ne. . .UPetros wokuQala, isahluko se-3, siqala ngevesi ye-18, siyafunda kwakhona. Ngoku, phulaphulisisa ngoku.

Ngokuba noKristu wabuwa kwakanye ubunzima ngenxa yezono, ilungisa lisiva ubunzima ngenxa yabangemalungisa, ukuze asisondeze kuye uThixo, ebulewe okunene esenyameni, kodwa edliswe ubomi ekuwo uMoya: . . .ebulewe okunene esenyameni, kodwa edliswe ubomi ekuwo uMoya:

Awathi ekuwo waya washumayela koomoya abasekukhonkxweni; washumayela kwabo bantu entolongweni;

Ababefudula bengeva xenikweni ukuzeka kade umsindo kukaThixo kwakulindlele ngemihla kaNowa, kwakubon'ukuba kulungiswa ukhomba, ekwasindiselwa kuyo imiphefumlo embalwa, oko kukuthi, esibhozo ngamanzi.

. . .olusisindisayo nathi ngoku ubhaptizo ngokomfuziselo (olungekuko ukulahla ubunyhukunyhuku benyama, olukukubuzisa kuThixo kwesazela esilungileyo,) ngokuvuka kukaYesu Kristu;

*Osekunene kukaThixo, eye emazulwini;
kwakubon'ukuba kuthotyelwe phantsi kwakhe
izithunywa zezulu noomagunya namandla.*

Masithandaze kwakhona.

³² Ngoku, Bawo waseZulwini, olunje u—uludwe lweSibhalo olulapha, ubungqina obuthathu, iindawo ezintathu eSibhalweni zingqina. Kwaye Wena utshilo kwiLizwi laKho, ukuba, “Ngomlomo wamangqina amabini mhlawumbi amathathu, malithi lonke iLizwi lizinziswe.” Ngoku ndiyaKuthandaza, owu Thixo, ukuba Uze ebantwini utolike eli Lizwi, loMyalezo, ngaloo ndlela kumele ukuba yiyo, ukuze yonke indoda, umfazi, inkwenkwe, okanye intombazana, ibe nokuqonda oko kuphakathi uthe Wena wakumisela kwangaphambili ukuba bakuqonde, kwaye ngoku sisazi ukuba la mangqina mathathu angqinela iNyaniso.

³³ Kwaye ndiyathandaza ukuba Uthumele uMoya oyiNgcwele phezu kwethu ngoku. Kwaye siyakukhangela kuYe Lowo unguKumkani wethu, uphakathi kwethu ngale ntsasa, iNkosi uYesu Kristu; xa sithe saphakamisa izandla zethu ngoku ngokholo, sihleli kwezi ndawo ziseMazulwini kuYe. Silindele uMyalezo waKhe. Wuthethe ngathi, Nkosi, wuve ngathi, njengokuba siKucela waluse imilebe ethethayo neendlebe ezivayo, kuze kubekokwembeko nozuko lwaKhe Lowo usiSibhalo. Kuba ndikucela oko ngeGama laKhe. Amen.

³⁴ Ngoku, nizikhumbule iinkonzo ngokuhlwa, inkonzo yempiliso. Andicingi ukuba kuyakuba yimfuneko ukukhupha amakhadi omthandazo, ngoko siyakuthandazela nje abagulayo. Ndinento ethile endifuna ukunixelela yona kwaye ndi—ndiyathemba ukuba iyakulizisa nje ibandla kwindawo apho liyakuthi kubekho nje zonke iintlobo zempiliso. Ndiyazi ukuba ukuba singakholwa nje kuyakubanjalo.

³⁵ Ngoku lo—imiphefumlo ngoku esentolongweni, imiphefumlo esentolongweni ngoku!

³⁶ Ngoku, umphefumlo womntu asingomzimba womntu, ngumphefumlo. ‘Yabona? Kwaye umphefumlo yinto e—e sisimo somoya. Kwaye xa imo yomntu...Xa wayesithi, “Sifile,” iSibhalo sisixelela ngokuphandle ukuba, “sifile, baye ubomi bethu bufihliwe kuThixo ngoKristu, batywinelwa apho kuMoya oyiNgcwele.” Ngoku, yayingenguloo mzimba wakho; yayingengo moya wakho owafayo. Yayiyimvelo yomoya eyafayo; ‘yabona, imvelo, yona ingumphefumlo. Imvelo yomphefumlo wakho i—inguThixo, ukuba uzelwe ngokutsha. Ukuba ayinjalo, yeyehlabathi. Nantoni na eyaqalayo inesiphelo, ngoko ke inye indlela yokuba ube noBomi obunguNaphakade kukuba ube noBomi obungazange buqale. Kwaye ngoko ubomi bakho baqala ekuzalweni kwakho, xa uThixo waphefumlela umphefumlo

wobomi emathatheni akho waze waqalisa ukuba ngumphefumlo ophilileyo, ngoko waqala ngoko. Kodwa xa uthe . . .

³⁷ Loo mvelo yayikuwe, ngemvelo wawungowehlabathi, ungowasemzini kuThixo, ngeliphandle wawusisilwanyana. Injalo kanye loo nto. Nabani na uyazi ukuba sizizilwanyana ezanyisayo. Bangaphi abayaziyo loo nto? Thina, sizilwanyana ezanyisayo, sizizilwanyana ezigazi lishushu, kodwa loo nto yinto esiyiyo ngendalo yethu yasemhlabeni. Kodwa, uyabona, into esenza sahluke kwezinye izilwanyana ezanyisayo, kukuba—kukuba uThixo wabeka umphefumlo phezu kwethu. 'Yabona? Ngoku, ezinye izilwanyana ezanyisayo azimelwe kunxiba mpahla. Akukho silwanyana simbi simelwe kukunxiba impahla ukuze sifihle ihlazo laso, ngaphandle kwethu. Kuphela kwethu abayenzayo loo nto, ngokuba sinomphefumlo. Kodwa, 'yabona, uThixo, ekuqalekeni, wazi ukuba uyakuba njani na umntu. Waze Wadala umhlaba, wezisa zonke iintlobo zezilwanyana, ukusukela kwesona sincinane ukuya kwesona siphakamileyo; kwaye esona siphakamileyo isilwanyana esavelayo, yaba ngumntu.

³⁸ Ke ngoko, okokuqala, umntu wenziwa, wayengumntu womoya, ekumfuziselo kaThixo.

³⁹ Ntoleyo, "UThixo unguMoya," uYohane oNgcwele 4. Ngoku, "Ungu—unguMoya. Kwaye abo baMnqulayo, baMnqula ngoMoya nangeNyaniso. Kwaye iLizwi laKho liyiNyaniso." Ngoku, siMnqula ngoMoya nangeNyaniso. Yena u—ubuBume boMoya.

⁴⁰ Ngoko kwakungekho mntu wakuwusebenza umhlaba, waze uThixo wabumba umntu ngothuli lomhlaba.

⁴¹ Ngoko Wathabatha ecaleni kuye, imveliso ephuma kwimveliso, ubambo; waze, ngalo olo, wahlula lo mntu wayenemvelo embaxa, owayekuko kokubini ubufazi nobudoda. Waze Wathabatha indawo yobufazi wayikhupha, ngokuba yayiluthando, waze Wayibeka kumntu obizwa ngokuba ngu-Eva, awathi u-Adam wambiza ngokuba ngu-Eva, owayeyinkosikazi yakhe. Lwalulapho uthando lwakhe, ngokwemvelo, uthando lwenyama, lubambebele kwinkosikazi yakhe. Nantso indlela umntu amelwe ukuba yiyo namhlanje, naye exhomekeke kumyeni wakhe. Indoda, isiduna; umfazi, isikhomokazi.

⁴² Ke ngoko, 'yabona, emva kokuba Wagqibayo ukwenza umntu ngokomfanekiselo OngowaKhe, "Wabadala ngoko, bayindoda nenkazana," kwakungekho mntu wakuwusebenza umhlaba. Waze Wampheka eluthulini lomhlaba, kwaye waba . . . wayenguloo mntu. Le ndoda yomntu yayiyi-mammal, 'yabona, yayisisilwanyana; kodwa Yena wafaka umoya kaThixo, ubomi, kuyo, wayenza ngokwesiseko sokuba ibe nokuzikhethela. Kwaze kwathi xa le ndoda . . .

43 Ngoku sicinga ukuba kukho into esiyiyo. Khumbula nje, ukuba siyintoni na? Ligade lothuli. Kuphelele apho. “Kwaye ngokuba uluthuli, uyakubuyela eluthulini.” Ngoko xa ubona le ndoda ihamba isihla ngesitrato, icinga ukuba inguthile, uyazi, inemfundo encinane nezinto ezinjalo; khumbula, ligade lothuli lwase-Indiana. Kuphelele apho. Naloo mfazi unxibe wonke ezimfutshane, etshaya imidiza eqhubela phambili esihla ngesitrato, ezibhija ngokungathi lelakhe izwe, ligade lothuli lwase-Indiana, kwaye kuyiloo ndlela ekujika kube yiyo. Ngoko akukho nto inguwe neam indawo yokuqala, ’yabona. Ngoko loo nto, injalo, nantso into oyiyo.

44 Kodwa, loo mphefumlo ulapho ngaphakathi, ’yabona, loo mphefumlo yiloo nto uThixo asebenza ngayo, ’yabona. Ukuba nje Angafumana loo mvelo, loo moya, ukuba uvumelane naYe, ngoko loo mvelo iyafa, imvelo nothando lwehlabathi luyafa, zize izinto zehlabathi zife. ’Yabona? Ngokuba, “Ukuba uthanda ihlabathi, okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kuwe.” ’Yabona? Kwaye umntu umelwe kukuzalwa ngokutsha. Ngoko, le mvelo imelwe kukuba ife, ize imvelo kaThixo ifike iphile ngaphakathi kuwe. Kwaye uThixo kuphela kwento ekhoyo engazange iqale ingasayi kuze iphele.

45 Ke, ngoko ke, Wadibana ngokusebenza, uyabona, wathabatha lo mntu, womhlaba, nalo Moya unguNaphakade, wakuhlanganisa. Ngokuba, uThixo waZibonakalalisa kuloo nto, ukuba Waba ngumntu xa Waba nguKristu Yesu, kwaye WayenguThixo, ’yabona. UThixo wayekuKristu; ukuze, ’yabona, aphile kuYe, exolelanisa ihlabathi naYe ngokwakhe. Kwaye, ngaloo Ndoda igqibeleleyo, mntu ngamnye kuthi singagqibelelanga okholwayo kuThixo aze amkele Oko, uba ngogqibeleleyo kuYe.

46 Kwaye Yena akazange awushiye umzimba waKhe ukuba ubone ukubola, engazange Awushiye umphefumlo waKhe kwelabafileyo, kodwa waMvusa ngomhla wesithathu, kwaye Uphila ngonaphakade. Kwaye siyakuba nomzimba ofana naLowo ungowaKhe wobuqaqawuli.

47 Yiyo loo nto sibhaptizelwa eGameni laKhe, ukuze sibe nokuvuka ngeGama laKhe, ekufeni kwaKhe, kuvuko lwaKhe, ukuze sivuke kwakhona, singqina kwihlabathi ukuba sinoBomi obutsha, ukuba umntu omdala ufile. Siyingcwabile laa mvelo yokuqala. ’Yabona? Imvelo yokuqala iphelile, kwaye ngoku siyimvelo yaKhe. Uphila ngaphakathi kuthi, kwaye asenzi ntando eyeyethu. Senza intando yaKhe. Asicingi iingcinga ezizezethu. Ingqondo, ingqondo yiyo ecingayo. Ingqondo eyayikuKristu Yesu ikwikholwa ngalinye. ’Yabona, nanko—nanko umphefumlo, kwaye yiloo nto le sithetha ngayo. Ngoko, nantso le ndawo ndicinga ngayo ngoko, loo nto koko kungaphakathi kuthi, umphefumlo.

⁴⁸ Ngoku, ukuba siyaqaphela, kule nto, zininzi izinto ezenzekayo ngamanye amaxesha, size simangaliswe ukuba kutheni na zisenzeka nje, kwaye siyazibuza, sibuze nabanye. Kodwa ekugqibeleni, emva komzuzwana, siyayifumanisa loo nto, ukuba singaMakristu, konke kusebenziselana okulungileyo, ngandlela ithile. Niyibonile loo nto. Onke aMakristu ayayibona loo nto. Uyamangaliswa ukuba bekutheni na ukuze siyenze.

⁴⁹ Ndamangaliswa ngaxesha lithile, xa ndandiqala ukufunda iBhayibhile, “Kwakutheni ukuze uThixo avumele u-Abraham, loo ndoda ibalulekileyo, ime apho itsho ukuthi uSara wayengoyonkosikazi yayo?” Nendlela Awathi ngayo wamyeka wema apho waxoka malunga nalo nto, nezinto awazenzayo, nokuba kwakutheni ukuze Avumele u-Abraham ashiye ilizwe ledinga apho Wayemxelele ukuba angalishiyi. Naliphi na iJuda elishiya ilizwe ledinga likreqile, kuba uThixo wabanika lona wathembisa ukuba mabahlale apho, ’yabona, baza balishiya. Ngoko wehla waya kutsho eGerari. Kodwa ukuba kwakungekho ngenxa yaloo nto . . .

⁵⁰ Waze ke u-Abhimeleki, loo kumkani wayelapho ezantsi kwilizwe lamaFilisti, wathanda uSara wabe ezakumtshata, waye wayeyindoda elungileyo, indoda elilungisa. Kwathi emva kokuba ngeliphandle . . .oku kuvakala kunobudenge, kodwa ukuyenza nje ibe yinene kuni. Emva kokuba wayehlambile ngokuhlwa wanxiba iimpahla zakhe zokulala, wenza umthandazo wakhe waya kulala, iNkosi yavela kuye yathi, “Ufana nje nendoda efileyo,” yabe loo ndoda ingenzeka nto. ’Yabona? Wayeqhathiwe ngokupheleleyo, ngabo bobabini u-Abraham noSara. Injalo loo nto. Wathi, “Uthabathe umfazi wenye indoda, ’yabona. Kwaye a—andiyi kuyiva imithandazo yakho, akunamsebenzi nokuba uthandaza kangakanani na. Uyafana nje nofileyo. Kodwa loo ndoda ingumprofeti wam.” ’Yabona?

⁵¹ ’Yabona, kunzima ukuyiqonda loo nto, ’yabona. Kodwa ukuba kwakungekho ngenxa yaloo nto, ngesingalwazi ukuba lwaluyintoni na ubabalo.

⁵² Kwakutheni ukuze ahambe aye kutshata uHagare, ekubeni wayenenkosikazi ethandekayo enjengoSara? Kwaye yena wayengafuni kuyenza loo nto, ’yabona, kodwa uSara nguye owamxelela loo nto. Yaze ngoko iNkosi yamxelela ukuba, “Kuphulaphule oko akuxelela kona uSara.” Ngoba? Kwakumele kubekho u-Ishmayeli, “Ela khobokazana nomntwana walo lalingayi kuba yindlalifa ndawonye nomfazi okhululekileyo nomntwana wakhe.” ’Yabona ukuba ndithetha ukuthini na?

⁵³ Zonke ezi zinto ziyimizekelo. Kwakutheni ukuze laa mprofeti kufuneke atshate ihenyukazi abe . . .naba bantwana, abe nabantwana ababini ngalo? Njengomqondiso. Kwakutheni ukuze omnye angqengqeqe ngasekunene kwakhe

amakhulu amathathu anamashumi amane eentsuku, aze angqengqe iintsuku ezingako ubuninzi kwelinye icala ngolo hlobo? Njengomqondiso. Omnye wakhulula izinxibo zakhe wahamba phambi koSirayeli. Kwaye, ngoku, zonke ezo zinto, zaziyimizekelo nezithunzi, 'yabona; kwaye simelwe kukuba sibe nazo ezo zinto, ukuze zidibanise.

⁵⁴ Kwaye, ngamaxesha amaninzi, izinto ziyenzeka kuthi esimangaliswayo ukuba zitheni na. NguThixo esibonisa kwangaphambili into ethile.

⁵⁵ Ngoku, ndiyinkwenkwe encinane, kwaye niyalazi ibali lobomi bam, nda—ndasoloko ndikholwa yiloo nto, ukusukela okokuqala ndikhumbula... Enye yezona zinto zokuqala zibalulekileyo ndizikhumbulayo... Ngoku lento, ngoku, usenokuba undixelele into ethile izolo, ndingayilibala xa kunamhlanje. Kodwa kukho izinto ezithile, zakudala, ezenzeka ngemihla yobutsha bethu, abaninzi bethu balolo hlobo, esihlala sizikhumbula njalo. Kwaye lento ivakala ngokungathi yephokotshelayo ukuba ndiyithethe, kodwa ndikhumbula ngethuba ndandikhasa, ndinxibe ilokhwe ende. Iintsana ezincinane, ngoku abanye benu bantu bangangam ubudala banokuyikhumbula loo nto, iintsana zazikade zinxiba iilokhwe ezinde kakhulu. Kwaye ndikhumbula ndikhasa, ndisusa ikhephu kwiinyawo zikatat'omncinci ndilidla, ekungeneni kwakhe wema ngaseziko.

⁵⁶ Ize into elandelayo endiyikhumbulayo eyenzekayo ebomini bam, ibe ngumbono, owokuqala endakhe ndawubona, owandixelelela ukuba inxalenye enkulu yobomi bam ndiyakuyiphila kufutshane nesixeko esibizwa ngokuba yiNew Albany. Kwaye ndandilusana oluncinane lwasezintabeni apho phezulu, kungekho nogqirha ukuzalwa kwam. Kwaye—kwaye ndi—ndi... Uyazi, bona... Ndihleli apha isithuba samashumi amahlanu eminyaka, kanye apha; umbono.

⁵⁷ Kwaye nendlela ebendihleli ndisazi ngayo kukuba kwakukho uThixo kwindawo ethile, kwaye ndiyinkwenkwe encinane Wathetha kum, “ungaze utshaye, okanye usele, okanye ungolise umzimba wam,” oko kukuqhuba ngokuziphatha kakubi kunye nabafazi nezinto ezinjalo. Ndahlala ndiyoyika kakhulu loo nto, ndaye ndandingumfana.

⁵⁸ Kwaye ndandizingela ngaxesha lithile, ntoleyo ikhangeleka ngathi yimvelo yesibini kum, ukuthanda ukuzingela. Ndandiphaya phandle ndizingela nenkwenkwe, uJim Poole, umntwana othandekayo. Ndicinga ukuba unyana uhamba apha enkonzweni, uJim omncinane, usapho olulungileyo lwabo bantu. Ndiyabazi abakwaPoole. U-Jimmy kunye nam sasilala kunye siphila kunye ukusukela sisengamakhwenkwe amancinane esikolweni. Sishiyana malunga nenyanga ezintandathu, ngobudala. UJimmy kwenzeka ukuba umpu

wakhe awudubulise, wandidubula waphumela kwimilenze yomibini, ekufutshane kakhulu kum, ngombaxa omde. Ndathatyathwa ndasiwa esibhedlele, kwaye, apho, ndilele apho ndisifa, kungekho siphelisi zintlungu okanye nantoni na ngaloo mihla. Kwaye, ngoku, babeneshiti leseyle phantsi kwam, kwaye ndiyazi ukuba ngobo busuku. . . Babezakundiqaqha ngentsasa elandelayo.

⁵⁹ Bathabatha nje balicoca elo nxeba, amasuntsu amakhulu enyama edlavukile, bathabatha izikere bayisika bayisusa, kwaye kwakufuneka ndibambebele kwisandla sendoda ethile. Babeno-Frankie Eich, usandula kuzibulala kutshanje, baze bamxelela, ukuba avumbulule izandla zam zisuke ezihlahleni kuye, xa—xa babegqibile. Ndakhala ndalila, ndibambebele ngolo hlobo, babe bona besika loo ndawo yomlenze beyisusa. Ndandineshumi elinesibini leminyaka ubudala, ndiyinkwenkwe nje.

⁶⁰ Kwaye kwathi ngobo busuku ndazama ukulala, babe. . . Ndavuka, kwakho into egxampuzayo. Yayililwelo igazi, malunga nesiqingatha segaloni, ndiyaqikelela, elaliphuma kuloo mithambo. Kwaye babene. . . babewuthabathile umfanekiso wegazi, baze bathi oko kudutyulwa kwakufike kufutshane kumthambo omkhulu wegazi, macala omabini, kangangokuba umkrwelo omncinane nje ungenza ukuba ukrazuke kubini, ndize ndiqalise ukopha. “Ke,” ndacinga, “sisiphelo sam esi.” Ndazithoba izandla zam *kanje* ndaze ndaziphakamisa, labe igazi lisihla ngezandla zam, yayiligazi lam elo ndandilele phakathi kulo. Ndakhwaza, ndakhalisa intsimbi. Umongikazi weza, wesuka nje walifunxa ngetawuli kuba kwakungekho nto yimbi babenokuyenza.

⁶¹ Kwathi ngentsasa elandelayo, phantsi kwezo meko zobuthathaka, babenganikezeli ngofunxo-fakelo gazi ngaloo mihla, uyazi, ngoko ba—bandiqhaqha. Bandinika iyeza lokulalisa. Ndaze ndathi nda. . . Elakudala iyeza lokulalisa, ndiyaqonda ukuba niyakhumbula, sisiphelisi zintlungu esidala eso. Ndiphantsi kwelo yeza lokulalisa, ndakuqabuka, ndandiqabuka kweso siphelisi zintlungu emva kweeyure ezisibhozo. Kwakumele bandinike esingako, babcinga ukuba andi—andisayi kuvuka. Babengakwazi kundivusa.

⁶² Ndiyakhumbula ukuba uNkosk. Rooder wayemi ngakum, apho phandle kweso sibhedlele. Andinakuze ndimlibale loo mfazi. Nokuba kwenzeka ntoni na, andinakuze ndimlibale. Wayengumfazi nje oselula ngoko. Umyeni wakhe wayengumphathi ophambili phaya ezantsi kwimisebenzi yeemoto. Kwaye ndi—ndikhumbula emi ngakum, inguye noNkosk. Stewart. Kwaye ngabo ababethe ngenene bahlawula ityala lam lasesibhedlele. Mna. . . Sasingenako nokudla oku kokudla, endlwini, ngoko sasinokuhlawula njani ityala lesibhedlele, amakhulu eedollar? Kodwa yena, ngombutho wecawe yakhe ne-Ku Klux Klan, bandihlawulela elo tyala

lesibhedlele, eMason. Andinakuze ndibalibale. 'Yabona? Akunamsebenzi nokuba benze ntoni na, okanye ntoni na, ndiyakuhlala...kukho into ethile, kwaye loo nto ihleli nam, 'yabona, yinto abandenzele yona. Kwaye bahlawula e lotyala kuGqirha Reeder. Usaphila, uhlala apha ePortFulton, anganixelela elo bali.

⁶³ Ndathi ukuqabuka kwam kwelo yeza lokulalisa, kwakukho into eyenzekayo kum apho. Ndahlala ndikholwa ukuba loo nto yayingumbono. Kakade, ndandiphelelwe ngamandla kangako, kwaye ndandi... Babecinga ukuba ndandisifa. Wayelila loo mfazi. Ndathi ukuvula kwam amehlo ukuba ndijonge, ndabe ndimva ethetha, ndaphinda ndalala kwakhona, ndaze ndothuka, kwakabini mhlawumbi kathathu. Ndaze ndafumana umbono ngoko. Kwaye ngoko ndandi... .

⁶⁴ Malunga neenyanga ezisixhenxe emva koko, kwafuneka ndisuswe amaceba ompu odubula ngelotho nawempahla ezingcolileyo yi-oli kwimilenze yam; ugqirha wayengazange awafumane. Koko ndaba netyhefu yegazi, imilenze yomibini yayidumbile yaba mikhulu kakhulu ngaphantsi kum, baze bafuna ukuyisusa yomibini imilenze apha ezintsuleni. Kwaye nje...Ndathi, "Hayi, ndathi nyukelani ngentla niyisuse *apha*." Ndandingenakumelana nayo nje, 'yabona. Ke ngoko ekugqibeleni uGqirha Reeder noGqirha Piritle, baseLouisville, benza olo qhaqho, baze basika nzulu apho ukuze bawakhuphe; kwaye namhlanje ndinemilenze engumangaliso, ngobabalo lukaThixo.

Kodwa ku—kumbono wokugqibela endaba nawo... .

⁶⁵ Umbono lowo, ndathi ndakuqabuka, ndaze ndangena kweli thongo. Ndandicinga ukuba ndandisesihogweni, kucace kangako... .

⁶⁶ [UMzalwana osebandleni uthi, "Uxolo, mhlekazi.—Mhl.] Aha. [Kukho umfazi ngapha ojubileyo, kanye phaya.] Kulungile, makube umntu ombeka izandla, kwaye yena... qinisekani ngokumbeka emoyeni. Ngoku nokuba ngubani na omi apho, beka izandla zakho kuye.

Masithandaze.

⁶⁷ Nkosi Yesu othandekayo, wanga udade wethu ogulayo kusasanje, wabe ejubile kweli gumbi, lwanga ubabalo lwaKho namandla negunya...kukho izandla ezibekwe phezu kwakhe ngoku, ezimele Wena. Kwaye iSibhalo sithe, "Nantsi imiqondiso eyakulandelana nabo bakholwayo. Ukuba bathe babeka izandla phezu kwabagulayo, bayakuphila." Ke ngoku wanga udade angaphuma koku kugula, aphiliswe ngenxa yozuko lukaThixo. Egameni likaYesu Kristu siyakucela, simnikela kuWe. Amen.

⁶⁸ Ngoku mseni kwindawo enomoya. Ku—kushushu ngokoyikekayo. Ndiбуva ndilapha, bubi, bubi ngenene. Kukuziva nje ngathi uyafuthaniseleka apha eqongeni. Ndiyivile

loo nto, kwaba kane okanye kahlanu apha. Ukuba kukho . . . nje ukuba ezive engcono, kuba, mseni kwindawo apho ayakufumana khona umoya. Ilungile loo nto. Aha. 'Yabona, kushushu ngokoyikekayo nje, uyazi. Abantu badala, ngamnye kuthi, siziinyawo ezithile ngokulingana zokugula nje. Ukuba ninawo umntu othile onamanzi apho, okanye into anokuyibeka phezu kwaloo dade. U—uzaku, kulungile ngoku. 'Yabona? Kulungile. [UMzalwana ebandleni uthi, "Masizivule iingcango nangoku, Mzalwana Branham."—Mhl.] Ewe, mhlawumbi ukuba ningavula iingcango, mhlawumbi, okanye nenze intwanana yomoya, kangangoko sinokuba nako, ngandlela ithile, 'yabona.

⁶⁹ Ngoku ngeli xesha, njengokuba ndandibone loo mbono, ndicinga ukuba nda—ndandidlule kubomi ndaya kwintuthumbo.

⁷⁰ Kwaze kwathi kwiinyanga ezisixhenxe emva koko apha kwiSibhedlele iClark County Memorial, ndenziwa uqhaqho lwesibini. Kwathi ke ngelo xesha, ndakuqabuka, ndacinga ukuba ndandihleli ngaphandle eNtshona. Ndabona omnye umbono. Kwakukho umnqamlezo omkhulu wegolide esibhakabhakeni, babe uBuqaqawuli beNkosi buvuza buphuma kuloo mnqamlezo. Ndema ke izandla zam ndiziphakamise ngolu hlobo, baze bathi obo Buqaqawuli babe bungena esifubeni kum. Ndaze mna . . . Wandishiya loo mbono. Utata wayehleli apho endijongile, ekufikeni kwaloo mbono.

⁷¹ Ndasoloko ndisiva, mna . . . Bonke abantu ababendazi kuyo yonke le minyaka, bayazi ukuba ndahlala ndifuna ukuya eNtshona. Niyazi ukuba kunjani na. Kwasoloko kuyinto ethile ukuya eNtshona. Kodwa ngenxa yokuba iingcali zeenkwenkwezi zandixelela ngaxesha lithile, kwaloo nto, ukuba ndimelwe kukuya eNtshona . . . Iinkwenkwezi, xa zithe zanqamleza indlela yazo njalo njalo, ndazalwa phantsi kwaloo mqondiso, kwaye andinakuze ndibe nampumelelo eMpuma; ndimelwe kukuya eNtshona. Ke kunyaka ophelileyo ndihambile ndaya, eNtshona, ukuzalisekisa loo nto uhleli uyiyo umnqweno wam wobomi bonke, 'yabona, u—ukwenza loo nto.

⁷² Kutheni ndiphaya nje? Eyona nto ingathi yeyempambano. Ndhleli apho entlango, ndihlawula ikhulu elineshumi leedollar ngenyanga, zerhafu yokuhlala, kwakukho indlu elapha phezulu, indlu yobufundisi, ndifakelwe iimpahla kuyo, 'yabona. Kodwa kukulandela iNkosi, 'yabona, koko—koko kuphela endikwaziyo ukukwenza. Kwaye niyayazi imibono nokuba kwenzeke ntoni na phaya ngaphandle. Ngoku—ngoku kule nto ndifuna ukuthi ku . . .

⁷³ Ngoku ukuba udade wethu uziva ebuthathaka na, Mzalwana Roy, kwaye anga . . . ufuna ukumbeka kwindawo ethile umhlalise egumbini ngapha, apho ayakufumana omnye umoya okanye into enjalo, loo nto ke ilunge kanye, ngokuba, ndiva

ukuba uyakuphila ngoku, 'yabona. Kulungile. Uyajuba nje, egula. Ke ngoko ndi—ndiyanixelesa, ukuba anga...ukuba nifuna ukumzisa ngapha apho kukho umoya... ninyuse ezifestile, Mzalwana Roy, ke ukuba ufuna ukuphumela eze, loo nto—loo nto iyakulunga. 'Yabona, ukuba ufuna u—ukuza ngapha, kulungile, ningayoyiki nje loo nto.

⁷⁴ Ndifuna ukumbeka izandla xa adlula apha. Nindixolele nonke okomzuzu nje. Kwaye uThixo andixolele ngoku...Oko, oko kulungile, mzalwana.

⁷⁵ Bawo oseZulwini, le ntombi yaKho ihleli apha kusasanje, yaye izokuva uMyalezo, ibe ne...USathana uzama ukuyibetha kuwo, kodwa akanakuyenza loo nto. Akanakuyenza loo nto. "USathana akanako, eGameni likaYesu Kristu."

Kulungile. Ke, elaa cango, ndicinga abambalwa...?... bazalwana, ngoko umoya ungangena apha, uze kuni.

⁷⁶ Owu, uthetha ngobushushu, ukuba ungaya kwezinye zezi ndawo phesheya kolwandle apho bacukana nje omnye phezu komnye, beneqhenqa nomhlaza. Kwaye, owu, bethu, awukwazi nokuphefumla, uyazi, kwizinto ezilolo hlobo. Belele kwezo zakhiwo zikhulu ziphakamileyo, bebolile nje zi—zizifo. Kwaye uyazi ukuba lingayintoni iqhenqa. Ngoko, belele apho bengenazindlebe, icala lobuso babo lidlekile, bengenazingalo, benamaxhayana okwenza imilenze, nezinto ezilolo hlobo, belele, befumbe omnye phezu komnye. Abaninzi babo besifa kanye ngoko, belele apho phandle, ngokufumba komnye phezu komnye, bezama ukungena kwindawo ethile, uyazi, ukuza kuva uMyalezo.

⁷⁷ Ke ngoku—ngoku kule nto, ndinixelesa into eyenzekayo. Embonweni loo ndawubonayo, ndizakubuyela, kuba ndiyivelisile loo nto, imibono emibini, ukuze ndinibonise ngomnye wawo. Ndandingaphandle eNtshona. Ndihleli ndiyilangazelela loo nto.

⁷⁸ Ke ngoku, injongo yalo Myalezo ngale ntsasa kukuzisa ibandla, kuyo yonke into Ayakundivumela ukuba ndilise kuyo ibandla, kangangoko ndaziyo, kude ku...njengokuba ndibheka phambili. Kwaye le nto indichukumisile, ngoko bendifuna ukulisa phambili ibandla. Ngoku, oku kuza kulo Mnquba kuphela, 'yabona, kule ndawo. Ngoku, kwaye kulo mbono, okokuqala, nantsi into eyenzekayo.

⁷⁹ Emva kokuba undifikele loo mbono, ndaye ndandibuthathaka kakhulu, ndaye ndandilahlekwe lilo lonke elo gazi, ndaze ndahamba...ndicinga ukuba ndandizika nditshona kwiNaphakade elingenasiphelo. Abaninzi benu bakhe bandiva ndiyibalisa loo nto ngaphambili, kwaye—kwaye ndandiseyela kwiNaphakade elingapheliyo. Okokuqala, ndandidlula kwinto enjengamafu, ndaze ndadlula ebumnyameni, ndabe ndizika njalo ndisihla, ndisihla ndisihla.

Yaze into yokuqala uyazi, ndaya kungena kwiingingqi zabalahlekileyo, kwathi phakathi apho nda—ndakhala. Ndaze ndakhangela, ke apho, yonke nje into. Kwakungekho siseko kuloo nto. Ndandingaphezi ukuwa. NgoNaphakade, kwakhangeleka ngathi, ndandiyakuwa njalo. Kwakungekho kuma, ndaw.

⁸⁰ Kwaze ke kwakho umahluko onjani kumbono endibe nawo apha, kungekudala kwithuba elidlulileyo, ngokuba seBuqaqawulini kunye nabantu, sisichasi! Kodwa kulo, ndandisiwa, ekugqibeleni, nda—ndakhalela utata. Kuba, ndingumntwana nje, yiloo nto endandinokuyenza. Ndakhalela utata, wabe utata engekho apho. Ndaze ndakhalela umama, “Makubekho umntu ondibambayo!” Kwaye kwakungekho mama apho. Ndandihamba nje. Ndaze ndakhala kuThixo ngoko. Kwakungekho Thixo apho. Kwakungekho nto apho.

⁸¹ Kwathi emva komzuzwana ndeva esona sandi sokulila ndakhe ndasiva, kwaye yayiyimvakalo eyona imbi. Akukho ndlela... Nditsho nomlilo ovuthayo ngenene. Ungaluyolo endaweni yento eyayiyo le. Ngoku loo mibono ayizange iphosise. Kwaye yayikokunye kokona kuziva koyikekayo ndakha ndanakho, kwaye kwenzeka ntoni. . .

⁸² Ndeva ingxolo, kwavakala ngathi luhlobo lo—lo—lwemeko yokungcungcuthekiswa. Kwathi kwakubanjalo, ndakhangela, kusiza, yayingabafazi. Baye babenento eluhlaza, ndibona nje ubuso babo, baye ke benento eluhlaza phantsi kwamehlo abo. Amehlo abo ekhangeleka ngathi arhoxile, njenga—abafazi namhlanje abaqaba amehlo abo, bawabuyisele emva *ngolo hlobo*, amehlo abo nje nobuso. Babekhala ke, “Owu, owu, owu, owu!” Owu, bethu!

⁸³ Ndakhala ndikhwaza, “Owu Thixo, yiba nenceba kum. Yiba nenceba, kum, Owu Thixo! Uphi na Wena? Ukuba nje Uyakundivumela ukuba ndibuye ndiphile, ndiyaKuthembisa ukuba ndiyakuba yinkwenkwe elungileyo.” Ngoku, yiloo nto kuphela endaba nokuyithetha. Ngoku, uThixo uyazi, kwaye ngaloo Mhla woMgwebo, Uyakundigweba ngaloo ntetho. Yiloo nto endayithethayo, “Nkosi Thixo, ndivumele ndiphindele emva, kwaye ndiyaKuthembisa ndiyakuba yinkwenkwe elungileyo.”

⁸⁴ Kwaye ngethuba ndadutyulwayo, ndandixoka, ndandenze phantse yonke into eyayinokwenziwa, inye kuphela into endiyithethayo... ndisenokuyisusa ndiyicoce ngeli thuba ndiselapha kanye ngoku. Ndathi ndakukhangela phantsi ndaze ndajonga ndiphantsi kokudlabhuka okubini, ngokufutshane, ndathi, “Thixo, yiba nenceba kum. Uyazi ukuba andizange ndikrexeze.” Yiloo nto kuphela endandinokuyithetha kuThixo. Andizange ndilwamkele uxolo lwaKhe, nazo zonke ezi zinto. Ndithi nje, ndathi, “Andizange ndikrexeze.”

⁸⁵ Baze ke bandikhupha apho. Ke ngoko, kuloo nto, ndakhala, “Thixo, yiba nenceba kum. Ndiyakuba yinkwenkwe elungileyo, ukuba uyakundivumela ndibuyele emva,” kuba ndandisazi ukuba kukho uThixo kwindawo ethile. Ke ngoko ndincece, ezo zidalwa zidiniweyo kuyo yonke indawo, ndandisandula ukufika nje. Eyona nto yoyikekayo, emanyumnyezi, ukuziva ngokungenathixo okwakulapho... kukhangeleka ngathi amehlo amakhulu avulekileyo, imisebe emikhulu iphumile *ngolo hlobo*, abuyela umva ngokwekati, erhoxele emva *ngolu hlobo*; nento eluhlaza, ngokungathi adlekile okanye into elolo hlobo. Bona ke babe—babeqhubeka nje, “Owu, owu, owu!” Owu, ukunjani ukuziva! Ngoku ndathi nda . . .

⁸⁶ Kwathi emzuzwini wexesha, ndabuyela kubomi bemvelo kwakhona. Loo nto yandihlupha. Ndacinga, “Owu, makwenzeke ukuba ndingaze ndiye kwindawo enjengaleyo; akukho mntu uphilayo wumbi umelwe kukuya kwindawo efana naleya.”

⁸⁷ Kwiinyanga ezisixhenxe emva koko, ndabona umbono wokuba ndandimi eNtshona, njengokuba ndandibona loo mnqamlezo wegolide usihla phezu kwam. Kwaye nda—ndazi ukuba kwakukho ingingqi zabagwetyiweyo kwindawo ethile.

⁸⁸ Ngoku, andizange ndiqaphele kakhulu kwade kwamalunga neeveki ezine ezidlulileyo. Inkosikazi. . . Andizange ndicinge ngale ndlela. Malunga neeveki ezine ezidlulileyo, inkosikazi kunye nam sehla saya ezantsi eTuscon, ukuya kuthenga. Sathi ke sisahleli. . . Inkosikazi, sehla saya kwigumbi elingaphantsi, kwaye—kwaye kwakukho iqela lamakhwankwe afana noosisi inwele zawo zimanzisiwe, uyazi, njengokuba besenza njalo abafazi, ne—nezihlwitha zichazwe zehla apha ngaphambili, benxibe ezi bhulukhwe ziphezulu kakhulu, uhlobo, ndiyaqikelela ukuba zii-beatniks, okanye nokuba nizibiza njani na. Ayelapho ngaphakathi ke, wabe wonke umntu ejonge kuwo, iintloko zawo zazingaka ubukhulu, njengaba bafazi baba nezi zinto apha i “waterheads” zendlela yokucheba, uyazi. Ayelapho ke ngaphantsi.

⁸⁹ Waze umfazi oselula wedlula, wabuza, “Ucinga ntoni ngalaa nto?”

⁹⁰ Ndathi, “Ngoko ubumelwe kukuba unentloni ngesiqu sakho, ukuba unokuyicinga loo nto.” Ndathi, “Umfana unelungelo nje lokuyenza loo nto kanye njengokuba uyenza nawe. Akakho onelungelo kuni loko.”

⁹¹ Ngoku ndenyukela kwigumbi elingaphezulu, ndaze ndahlala phantsi. Ndathi ndakwenza njalo, kwakukho izitepusi ezizihambelayo, kwakukwa J.C. Penny evenkileni, zabe izitepusi ezizihambelayo zinyusa abantu. Ke, ndaziva ndikruquke ngenene, ndibona abo bafazi benyuka apho; abaselula, abadala, nabaphakathi nje, beshwabene, bebatsha, nakuyo yonke indlela, befake iibhulukhwana ezincinane ezimfutshane; imizimba

yabo engcolileyo, abo bafazi banxibe ngokovelisa imizimba, benezontloko zinkulu ngolo hlobo, nabo ke besiza. Kwakho omnye ephuma kwizitepusi ezizihambelayo nje, enyuka nje ngolo hlobo, apho kuloo ndawo ndandihleli kuyo esitulweni, ndihleli apho ndithobe intloko yam.

⁹² Ndajika ndakhangela. Kwaye omnye wabo wayenyuka ngezitepusi wayesithi, “Whu-u,” ethetha iSpanish, komnye umfazi. Yayingumfazi omhlophe ethetha nomfazi womSpanish. Ndathi ndakukhangela, [UMzalwana Branham uqhwaakraza umnwe wakhe—Mhl.], kwathi ngequbuliso ndatshintsheka. Nako, ndakhe ndayibona loo nto ngaphambili. Amehlo akhe, uyazi, indlela abathi aba bafazi benze ngayo ngoku, kukuqaba amehlo abo, kutshanje, njengekati, uyazi indlela abawafake *kanje*, wabe enxibe iindodo zamehlo zekati nayo yonke into, uyazi, amehlo enyuke *kanje*, loo nto iluhlaza iphantsi kwamehlo wabo. Yayilolo hlobo lwento endandilubone ndisengumntwana. [UMzalwana Branham unqonkqoza epulpitini kambalwa] Yayinguye lowo loo mfazi kanye nje. Ndaze ndaziva umzimba uphelelwe wonke, ndaqala ukubheka-bheka, nabo ke abo bantu behumzela, uyazi, bethetha malunga namaxabiso malunga nezinto ezazikweso sakhiwo. Ndasuka nje. . .

⁹³ Kwakhangeleka ngathi nditshintshiwe okomzuzwana. Ndaze ndakhangela, ndacinga, “Yilento ndayibona esihogweni leya.” Yayingabo abo, okwakudleka. Ndandicinga ukuba kungokuba babesihogweni into eyabenza ukuba babe lolo hlobo, into ebuluhlaza okwengca nokwesibhakabhaka phantsi kwamehlo abo. Kwaye yayingabo abo bafazi beqabe loo nto iluhlaza okwengca nokwesibhakabhaka, kanye le ndlela umbono wathetha ngayo kumashumi amane eminyaka eyadlulayo.

⁹⁴ 'Yabona, malunga neminyaka engamashumi amane eyadlulayo, yiloo nto ebekuyiyo. Ndinamashumi amahlanu anesine; ndandineshumi elinesine ngoko. Ngoko kwakumalunga namashumi amane eminyaka eyadlulayo, nda. . . Kwaye loo nto yi—yi. . . Nalo inani, nakanjani na, lomgwebo, uyabona. Ngoku kwakukho. . .

⁹⁵ Ndandibone loo nto ndaze andakwazi nokuthetha nenkosikazi yam ekubuyeni kwayo. Yayiphaya ngaphesheya izama ukufunela uSarah nabanye abantwana into ethile, uhlobo oluthile lwe—lwekhwe okanye into ethile yesikolo, kwaye a—andizange ndikwazi noku. . . ndandingakwazi nokuthetha nayo. Yathi, “Bill, kwenzeke ntoni kuwe?”

Ndathi, “Sthandwa, ndinje. . . Ndikufutshane nokuba yindoda efileyo.”

Yaze yathi, “Kwenzeke ntoni? Uyagula?”

Ndathi, “Hayi. Kukho into esandula kwenzeka.”

⁹⁶ Ngoku ayazi yona. Iindele ukubuya kweli khasethi. Andizange ndiyithethe nakubani na. Kwaye ndacinga ukuba

ndiyakulinda, njengokuba ndathembisayo, ndiyizise ebandleni kuqala. 'Yabona? Ndiyizise ebandleni. Yayisisithembiso sam eso. Kwaye niyakuqonda, emveni koku kuhlwa, isizathu sokuba ndizame ukusigcina isithembiso sam. 'Yabona?'

⁹⁷ Ndacinga ngoko, njengokuba ndawaqaphelayo loo mehlo akhangela edlekile kwabo bafazi. Babelapho abamaSpanish, amaFrench, nama-Ndiya, nabamhlophe, bebonke behlangene, kodwa ezo ntloko zinkulu, uyazi, zenziwe imfumba apha phezulu, zineezokama, ngale ndlela bazikamela ngayo ngasemva, zibe nkulu kakhulu, zize ke zivele. Uyazi, niyazi ukuba bazenza njani na, bazilungise kanye ngolu hlobo benza ngalo. Ukuze ke loo mehlo akhangeleka edlekile, namehlo analoo nto iqatywayo, abuyela emva ngokwamehlo ekati. Babe bethetha, nako ke ndilapho kwakhona, ndimi apho ngaphakathi kwivenkile i-J.C. Penney, ndisesihogweni kwakhona.

⁹⁸ Ndo—ndo—ndoyika kakhulu. Ndacinga, “Nkosi ngokuqinisekileyo andifanga, kwaye Uvumele ukuba ndize kule ndawo ekugqibeleni.”

⁹⁹ Babelapho ke, besenza. . . ngokujikeleza ngolo hlobo, kuloo nto ifana nombono, kwakunzima nje ukuba uyive ngendlebe zakho, uyazi. Ukuhumzela nje kokuqhubela phambili, kwabantu, babe abo bafazi benyuka ngezitepusi ezizihambelayo behamba bejikeleza apho, nalo, “Owu, owu!” Yayingawo lawo, loo mehlo aluhlaza akhangeleka kakubi, ingawokwenza isijwili.

¹⁰⁰ Inkosikazi yenyuka. Ndaze ndathi, “Khawundiyeke ndihlale ndedwa okomzuzu, sthandwa.” Ndathi, “Ukuba uyavuma, ndi—ndi—ndifuna ukugoduka.”

Yathi yona, “Uyagula na?”

¹⁰¹ Ndathi, “Hayi, hamba nje wena, sthandwa, ukuba usenezinto ofuna ukuzithenga.”

Yathi, “Hayi, ndigqibile.”

¹⁰² Ndaze ndathi, “Mandikubambe ngengalo.” 'Yabona? Ndaphuma ndahamba.

Yathi, “Kwenzeke ntoni?”

Ndathi, “Meda, ndi—ndi—ndi. . . Kukho into eyenzekileyo phaya phezulu.”

¹⁰³ Ndathi ndisephantsi kwaloo nto, ndacinga le nto, “siphila kowuphi umhla? Ingaba olu luTsalo lweSithathu lwamandla?” Ngoku ndinokubhaliweyo apha.

¹⁰⁴ UYesu. Sifumanisa ukuba uYesu, kulungiselelo lwaKhe, emva kokuba Wayeshumayele ebantwini. Ngoku ndizakuqhuba ngokweSibhalo ngenene kule nto. Emva kokuba uYesu wayelugqibile ulungiselelo lwaKhe, lwabe ulungiselelo lwaKhe lwaliwe ngabantu. Ngoku uyakufunda phakathi kwemigca ke,

uzithabathele oko ukuqondayo. Nikhumbule into ebendinixelele yona ekuqaleni. Emva kokuba Wayeshumayele . . .

¹⁰⁵ Weza njengaLowo wayethenjiselwe loo mini. Siyayazi sonke loo nto. ISibhalo samqondakalisa uYesu Kristu njengoMesiya. Kunjalo. Ngokupheleleyo, ngokuqinisekileyo, kungqinelwe nguThixo neLizwi laKhe, ukuba Yena wayenguMesiya. Akukho mbuzo ngaloo nto. Ukuba kukho mntu oyibuzayo, ukuba unawo, ngoko umelwe kukuza esibingelelweni, ukuba, “Yena wayenguMesiya.” Wayeqondakalaliswe ngokucacileyo njengoMesiya. Kodwa emva kokuba Wathi ngokucacileyo . . . UThixo waMqondakalisa.

¹⁰⁶ Njengokuba uPetros watshoyo ngoMhla wePentekoste, xa wayethetha neSanhedrin apho, ngolwesine . . . malunga neentsuku ezine emva koko. Wathi, “UYesu waseNazareth, iNdoda engqinelweyo nguThixo phakathi kwenu ngemiqondiso nezimanga, awathi uThixo wayenza ngaYo phakathi kwenu, esingamangqina ayo thina sonke. 'Yabona? Niyithabathile, ngezandla zabachasene nomthetho, nayibethelela iNkosana yoBomi; awathi uThixo wayivusa, wazibonakalalisa ezi zinto nizibonayo.” 'Yabona? UKristu waphila oko. Kakade, usaphila nanamhlanje.

¹⁰⁷ Ngoku emva kokuba uYesu weza ngokucacileyo, waZazisa; uThixo waMazisa, naYe waprofeta. Kwathi emva kweentsuku zokuprofeta kwaKhe, nangona wayazisiwe ngokweSibhalo, abantu baMala. Injalo loo nto. Kwaye Washumayela kwaye kwathi emva kokuba beMalile apha, abo babefanelwe kukuba ngebasindiswayo. Khumbula, ngethuba Wayeshumayela, yayilithuba lokuba nabani na angasindiswa. Asazi ukuba bangoobani na. Bamiselwe ngenxa engaphambili. Kodwa Washumayela njalo eqhubela phambili.

¹⁰⁸ Kodwa emva kweentsuku zokushumayela kwaKhe, ulungiselelo lwaKhe lwaqhubela phambili, kuba iqela lokugqibela Awashumayela kulo yayiyimiphefumlo esesihogweni, eyayingenakuxolelwa. Ndiyifunde ngokucacileyo loo nto eBhayibhileni apha, kuPetros weSibini. 'Yabona? Waya washumayela kwimiphefumlo eyayisentlongweni, oko kuthetha isihogo, ivalelwe kude kube nguMhla woMgwebo.

¹⁰⁹ Kuba, uyabona, uMgwebo awukho ngoku, kwaye akukho sihogo sivuthayo ngoku. Ukuba kukho umntu okuxelela, “Loo mfo usesihogweni esivuthayo ngoku,” yimposiso leyo. 'Yabona? Umgwebi weli hlabathi wanele nje kukuba angakhe agwebe mntu ade aziswe ematyaleni. Kwaye uThixo akasayi kuze ajule mntu kwi—kwiziko lomlilo kuqala abe abe ugwetyiwe ngemithetho EyekaThixo. Wayala inceba, ngoko, uyabona, umelwe kukuthi kuqala ade abe nokuvavanywa, kwaye ukuvavanywa kwetyala nguMgwebo weTrone eNkulu eMhlophe. Kodwa ngoku ukwindawo ebizwa ngokuba yindlu eyintolongo.

¹¹⁰ Njengokuba ndawubonayo umbono wezo ndawo zombini, kwaze ngobabalo lukaThixo... Oko ndikuthetha ndingenzeli ukuhlambela, ukuba kuyimposiso, uThixo andixolele. Ndikholelwa ekubeni ndikhe ndaya kwezo ndawo zombini, 'yabona, kwezo ndawo zombini. Kwaye ndababona abahlanguliweyo, abasikelelekileyo; ndaze ndababona abalahlekileyo, nalapho babekhona. Kwaye kungeso sizathu ndisima njengomzalwana wenu, namhlanje, ukuba ndiniyale ukuba nibaleke nimke kuloo ndlela isingisa ezantsi. Ningakhe niye kuloo ndlela. Kwaye ninayo yonke into eninokuyiphilela, laa ndlela isikileleyo isingisa phezulu, apho abahlangulweyo baseluvuyweni naseluxolweni, kwaye abanakona. Abanakuze babe lusizi. Abangekhe. Apho, apho akukho nto; ngaphandle kokuba begqibelele. Ndazibona zombini ezo ndawo! Ndiyazi ukuba yintetho eyoyikekayo ukuba yenziwe ngumntu leyo, kodwa, uThixo enguMgwebi wam, ndikholwa ngokunyanisekileyo ukuba ndazibona zombini ezo ndawo. Ndi—ndiyakholwa yiloo nto.

¹¹¹ Kwaye, owu, makube le kuye nabani na ukuba abe nokuya kungena kweza ngingqi zabalahlekileyo! Ukuba ubumi kukho iingcingo ezishushu ezigqojozelwe zaphumela ngaphaya, wathuthunjiswa ngandlela zonke, bekungayi kufana nokuya kuthuthunjiswa komtyholi kula ndawo. Loo nto ayinakuba yodwa... ingqondo ayinakuze iyicinge, ingqondo yomntu ayinakuze ibe nakuyiqonda into eziyiyo iingingqi zabalahlekileyo. Akukho ndlela yakuyicacisa. Kwaye akukho ndlela yakuyicacisa into eziyiyo iingingqi zabasikelelekileyo, imangalisa kakhulu. Leya yoyikeka kakhulu, kwaye Le i—imangalisa kakhulu, kusuka kwimfeketho ukuya kokuphantsi kakhulu. Ngoko ukuba kukho umntu ondivayo...

¹¹² Ndiya ndisiba lixhego. Andazi ukuba lingakanani na ithuba endisenalo. Ndizakuba namashumi amahlanu ubudala kwakutshanje. Kwaye a—andazi, ngokwendalo, ndisenokuba andinaminyaka mininzi. Andazi ukuba eli khasethi liyakuya phi na. Kodwa makathi wonke ovayo, apha okanye ekhasethini, okanye nokuba kuphi na apho linokuya khona. Musa ukusingisa ngakwingingqi zabalahlekileyo. Awunako ukuba nomfanekiso wesihogo ukuba sibi ngolo hlobo. Kwaye nantoni na oenzayo, ungakhe ufumane nakuphi na... ukulibale oku, ukuba ingingqi zabasikelelekileyo... Ndingathetha oku, kunye noPawulos oNgcwele, "Iliso alibonanga, indlebe ayizivanga, okanye akuthanga qatha entliziyweni yomntu, oko uThixo akugcinele abo baMthandayo." Ngoko yima, ukuba uphulaphule eli khasethi, wumise umatshini lowo, uze uguquke ukuba awusindiswanga, ulungisane noThixo.

¹¹³ Oku ndikuthetha njengomntu onamava ngokwawo, njengokuba ndikholwa entliziyweni yam. Kwaye ndithi, ukuba ezi zinto, ukuba imibono indilahlekisile, uThixo abe nenceba

kum ngokwenza intetho enjengaleyo. Kodwa ngokunyaniseka okusentliziyweni yam, ndisazi ukuba akukho namnye kuloo mibono owakhe wasilela, ndiyakholwa ukuba ndakhe ndakuzo zombini ezo ndawo. Makube le kuye nawuphi na ongumntu ukuhamba loo ndlela ibheka zantsi!

¹¹⁴ Ngoku, uYesu, emva kokuba Wayelugqibile ulungiselelo lwaKhe, washumayela kwimiphefumlo eyayingenakusindiswa, eyayingenakuze isindiswe. Ngoku iBhayibhile iyasixelela loo nto. “Waya washumayela kwimiphefumlo eyayisentolongweni, eyayingaguquki.” Xa inceba bayinikwayo, bayimangala inceba, ke ngoku balindele uMgwebo. Owu, inokuba yayilixesha elinjani elo! Owu, ndinqwenela ukuba kube bekukho indlela ethile ebendinokulishukumisa ngayo ihlabathi ngaloo nto, ndenze ukuba babone ukuba iyinene kangakanani na.

¹¹⁵ Kwaye uYesu wathi, ngokwaKhe, “Njengokuba uBawo waNdithumayo, ndinithuma ngokunjalo naM.” Kwaye njengokuba uBawo waMthumayo ukuba ashumayeke kwa—kwabaphilileyo, kwabo babenethemba, aze aphinde azise uMyalezo okwamnye kwabo babengenathemba, kubonakala kulungele, ngeli xesha, ukuba oko kumelwe kukwenziwa, kuba uMoya kaKristu ophila ngaphakathi kuthi akayitshintshi imvelo yaKhe, okanye awuyitshintshi inkqubo kaThixo. Umelwe ukuba abeyinto enye kuso sonke isizukulwana. Umelwe kukuba yinto enye. Wathi, “Njengokuba uBawo waNdithumayo, Ndinithuma ngokunjalo naM.”

¹¹⁶ Ulungiselelo lumelwe kukuba yinto enye, kangangokuba Yena wathi...Ndibona abanye benu bezibhala iZibhalo. KuYohane oNgcwele 14:12, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi eNdiyenayo Mna uyakuyenza naye.” ‘Yabona, imisebenzi,’ ukushumayela kwabalahlekileyo, ukuphilisa abagulayo, ukuze ke kube kwabo kungenakwenzeka ukuba baze basindiswe. ‘Yabona? Umsebenzi waqhubela phambili kuyinto enye nje. Ngoko, oku kwenzekile, (kwenzekile?) ndanga ndingakubeka ngolu hlobo, ulungiselelo lukaYesu Kristu lufakwe ngaphakathi kwiBandla laKhe kule mihla yokugqibela. Nantso into eyenze abaninzi bethu bakholwa. Ndikholwa kunye nani. Ndiyakholwa koku. Ukuba bendingakukholelwa, ngendisenza into ethile ngako. Ngokuba, ngaphaya koko, ndim lo unoxa-... unoxanduva apha ngaphakathi. Kwaye ukuba uMoya kaThixo ungaphakathi kuwe, unoxanduva ngabantu.

¹¹⁷ Kwakukho iSibhalo esasihlala sindixaka, ukuba kwakutheni na ukuba uMosisi abe nokuxelela uThixo imbono engcono kunaleyo uThixo wayenayo, ndade ndafumanisa ukuba yayinguMoya kaKristu lowo ungaphakathi kuMosisi. ‘Yabona?’

¹¹⁸ UThixo wathi, “Mosisi, zahlule kubo. Ndiyakuyitshabalalisa yonke into, ndiqalise ngawe.”

119 Wathi, “Nkosi!” Waziphosa ethubeni, wathi, “Thabatha mna. Licime igama lam.” Ngenxa yaba bantu kanye babevukela, intliziyo yakhe yabavela. ‘Yabona?

120 Kwaye xa umlungiseleli enabantu entliziyweni yakhe... Ndingathini ukuziva ndingenatyala kokwam... phambi koThixo, nakum, ukuba ndibe nento ethile endiyikhohlileyo ebantwini obathanda ngcono kunokuba uzithanda wena. Ingathini indoda ukuthabatha umntu ebandleni ngokujoyina ngesandla, okanye ukufefa okuthile, okanye ubhaptizo oluthile lobuxoki, okanye into eyenye, ize ibenze bahlale phantsi kwe—kwempembelelo yobuxoki ibe isazi ukuba iBhayibhile ilele apho, ize ithi iyamthanda loo mntu?

121 Nokuba ndithe ndakungqibela ukuphila kwam, nokuba kuyintoni na, mandinyaniseke kuThixo nabantu, ukuba ndibaxelele iNyaniso. Mandingaze ndibe ngumlahlekisi. Ndingathini ukulahlekisa endimthandayo? Nokuba ndingabenza buhlungu ndiyabathanda nangoko. Naso isizathu sokuba umthwaxaze umntwana wakho, kungokuba uyamthanda. Akukho ngenxa yokuba ungamthandi; kungokuba uyamthanda. Ukuba wenza into ephosakeleyo, uyakufa ukuba awumlungisi.

122 Ngoku, ngoko lube njalo ulungiselelo. Njengokuba kwakunjalo, kunjalo namhlanje. Kushunyayelwe, kwangqinelwa ngokupheleleyo ngeLizwi likaThixo, ukuba ayinakuba ngumntu, kunyanzelekile ukuba ibe nguThixo. Kunyanzelekile ukuba kube njalo. Qaphela, laa miqondiso minye yomoya waYenzayo uYesu, ityhilekile emhlabeni ngemihla yokugqibela. Kwa lamqondiso mnye womoya waMazisayo ngokwaKhe ukuba nguMesiya, uMazisile namhlanje. UsenguMesiya! Kwa ukwenzeka kwala miqondiso okunye kuvelile emhlabeni, oko kwavela ngaYe, into Awayeyiyo. Laa Ntsika yoMlilo inye wathi uPawulosi oNgewele wayibona, Lowo mnye, konke oko kuphindekile kunemveli enye kuko, kusenza into enye.

123 UYesu wabanga ukuba Yena wayengenzi nto ade uYise aMbonise. Kwaye uYise nguMoya oyiNgcwele, siyayiqonda loo nto. Sisikhundla nje sikaThixo. Ukuba asiyiyo, ngoko nguwuphi kubo onguYise kaYesu Kristu? UYesu wathi uThixo wayenguBawo waKhe, kwaye iBhayibhile ithi uMoya oyiNgcwele wayenguYise waKhe. Ngoku, awunakuMenza ukuba abe ngumntwana ongumgqakhwe, ngoko uMoya oyiNgcwele nguThixo, ngokunjalo uYesu wayenguThixo. Ngoko, uThixo, uYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele ngu... Zizi... Zizikhundla ezithathu zikaThixo omnye. Zizibonakaliso ezithathu, zikaThixo omnye.

124 Uyinxalenye kaThixo, uyinxalenye kaThixo, ‘yabona; kodwa andinguye wonke uThixo, nawe awunguye wonke uThixo.

'Yabona? 'Yabona? Ezi zibonakaliso zikaThixo eziphezu kwethu, njengoonnyana abenziwe oonyana nguYesu Kristu. Awathi, uThixo ngokwaKhe waba yinyama, ukuze asifele.

¹²⁵ Ngoku, uMoya oyiNgcwele wahlala uMbonisa izinto ezizayo, kwaye Akazange aphosise. Yayigqibelele yonke loo nto. Ingaba kunjalo? Akazange aZamkelele dumo. Wanikela udumo kuThixo. Wathi, "Unyana akanakwenza nto ngokwaKhe koko Abona uYise ekwenza." Kwaye uYise, uMoya oyiNgcwele, yayinguYise waKhe. Ingaba kunjalo? "Yosefu, nyana kaDavide, musa ukoyika ukumthabathela kuwe uMariya inkosikazi yakho, kuba oko kukhawulweyo ngaphakathi kwakhe kungoMoya oyiNgcwele," owayenguYise waKhe. Kwaye uMoya oyiNgcwele wabonisa uYesu izinto ezizayo, waMxelela izinto ezazikhohlo.

¹²⁶ Kwaye Yena wayengumprofeti-Thixo. Ngokuba iLizwi leNkosi liza kuphela kumprofeti; libonisa ukuba aMazwi eza, ekwimo engeneno, abaprofeti babhala oko iNkosi yayibaxelela kona. Kodwa Yena akazange abhale nto, ngokuba Yena wayeliLizwi. YayinguYe iLizwi.

¹²⁷ Qaphela, kwaloo Moya uyiNgcwele wawuphila kuYe, "Kuyakuba mzuzwana, ihlabathi lingabisandibona; ke nina niyakuNdibona, ngokuba Ndiyakuba nani, ndibe kuni, kude kusephelisweni kwehlabathi. Ndiyeza kuni," Wathi. "Mna," yayinguYise owayengaphakathi kuYe lowo, "Oyakuza kuni." Kwaye Wathi, "Xa uMoya oyiNgcwele uthe wehla phezu kwenu, Uyakunithilela ezi zinto Ndinifundise zona, anibonise izinto ezizayo." Nantso ke ngoku.

¹²⁸ Ngoku siyaqaphela, ukuba njengokuba uMoya oyiNgcwele wasebenzayo eBandleni ngoko, wenze ngokunjalo uMoya oyiNgcwele kanye izinto ezikwanye namhlanje; usazisa ngeNtsika yoMlilo, kanye ngokuchanekileyo njengokuba kwakunjalo ekuqalekeni, yinto enye. Ekuboneni yona isihla phezu koYesu, uYohane wayivakalisa emlanje iYordane. Kwaye yaqondakalisa yonke into. Nditsho nemifanekiso yenzululwazi yayo. Ayinakuphikiswa. Yayingokwenzululwazi. Yayiyinto ephathekayo. Yayingeyongcinga intsomi. Yayingebobungcali bengqondo. Njengokuba uGeorge J. Lacy wathi, "Iliso lobuxhakaxhaka bekhamera alinakubamba ubungcali bengqondo. KukuKhanya okubethe kwiliso lekhamera."

¹²⁹ Kuyintoni ngani, bandla, nokwathi malunga neenyanga ezintandathu okanye ezisibhozo ezidlulileyo apha, ndimi apha, ndisithi, "NguITSHO INKOSI, ndizakuya eTuscon, e-Arizona. Kuyakubakho ukudubula, kuyavela iiNgelosi ezisixhenxe." Niyakhumbula? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kungekho. . . UThixo eyenza ibeyinene kangangokuba ulindixesha i-Look wathabatha umfanekiso waloo nto. Ngokomoya, ibonwe kwangaphambili, yenzeka yayinto ebonakalayo kanye ngokuchanekileyo, iiNgelosi ezisixhenxe ezathi zezisa

ngokuhlanganiswa kweZibhalo ziphela. Kuba, zonke iimfihlelo zeBhayibhile iyonke zilele kuMatywina aSixhenxe. Siyazi ukuba loo Nto yi—yiNcwadi, Itywiniwe, loo Nto nayo ilungelelene. Imfihlelo yeNcwadi iyonke, ilele kuloo Matywina aSixhenxe, eyathi iNkosi yenza ukuba siwazise.

¹³⁰ Kwaye kukho amadoda ahleli apha, namhlanje, awayelapho kanye ekho kunye nam ukwenzeka kwaloo nto. Ulindixesha iLook waqondakalisa kwaloo nto inye, ukuba e—eneneni yenzekile. Ngokuba, yayinguThixo owayethethe ngayo. YayinguThixo oxhasa iLizwi laKhe, ukuba Alenze xa Athi Uyakulenza. Ngoko ke, asingomntu uthile, umntu onengqondo yobuntu njengam, ophakathi kwenu bantu. NguThixo onguNaphakade.

¹³¹ Usebenzisa umntu. Yinyaniso leyo. Akukho nto ayenzayo ngaphandle kokuba Ayenze ngomntu. Siyayiqonda loo nto. Yena, okwaKhe—sixhobo saKhe sokusetyenziswa eso. Nantso into Awayikhethayo. Ukuba kutheni, andazi. Ngewenza ukuba ilanga lishumayele iVangeli. Ngewenza umoya ukuba ushumayele iVangeli. Ngewenza umoya ukuba uzenze ezo zinto, kodwa Wakhetha umntu.

¹³² Yayiyimbono yaKhe leyo, ukuba umntu athethe emntwini; hayi ngokwakhe, kodwa, “ILizwi leNkosi leza kubaprofeti,” abaprofetyo, abashumayeli. Oprofetyo ke okhanyela iLizwi lakuqala, angathini ukuba ngumprofeti wenyaniso? ‘Yabona? Akanakuba nguye, ngokuba ukhanyela iNyaniso yeLizwi. Kwaye ngoko ukuba akenzi njalo, ngoko eli Lizwi, ngokwaLo, kukuba Lishunyayelwa ngobunyaniso beLizwi nangobunyaniso boMoya, Liyakubonakalisa lonke idinga Elalithembisayo. Nantso indlela esazi ngayo ukuba yinyaniso na okanye hayi. Nantso into eyathethwa nguYesu, “Ukuba andenzi oko kubhaliweyo ngaM ukuba ndiyakwenza, ngoko musani ukukholwa ndiM.” ‘Yabona? Ngoku siyazibona ezo zinto.

¹³³ Khumbula, aMatywina asixhenxe ayegqityiwe, zathi ezo Nyaniso zisixhenxe ke . . .

¹³⁴ Enye yazo, Akazange asivumele ukuba siyazi. Thina . . . Bangaphi ababekho kwiTywina leSixhenxe, beva? [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Ninonke, ndiyaqikelela. ‘Yabona, i—iTywina leSixhenxe, Akazange asivumele.

¹³⁵ Wema kanye phaya kwelaa gumbi wawatyhila onke ngamanye. Kwaye ukuba ndiyakuze ndishumayele nantoni na ebomini bam, eyakhe yaphefumlelwa, yayiyiloo nto. Imelwe ukuba ibe yinyani, kuni. Ndime apha ndinixelele into ezakwenzeka, ze ndiye kanye phaya, ukuze nkqu inzululwazi nayo yonke enye into, uphando lwezenzululwazi nayo yonke into, imfihlelo ebantwini, iqondakalise ngokuba oko kwenzekile kanye phaya. Nize nibuye niyive isombuluka, yenze iLizwi

ngalinye libe yinene kanye. Ngowuphi lo mhla siphila kuwo? Sipi apho sikhoyo?

¹³⁶ Kwaye khumbula, kwelaa Tywina leSithandathu, apho, onke loo Maxilongo aSixhenxe avakala phantsi kwelaa Tywina leSithandathu. Sakufika kulo, uyakuyibona loo nto. Onke (isixhenxe) amaXilongo enzeka kwelaa Tywina leSithandathu.

¹³⁷ Isixhenxe sihlala njalo siyimfihlelo. Sikhangele eso sixhenxe, kukugqitywa oko. YayikuKuza kweNkosi oko. Izulu lazola, kwathi cwaka, akwabikho mntu ushukumayo. Ngokuba, uYesu wathi ngokwaKhe, “Akukho neNgelosi yeZulu eyaziyo ukuba Ndibuya nini na. Andikwazi oko, ngokwaM, ukuba kuxesha nini na. UBawo ukufake engqondweni yaKhe.” nguThixo okwaziyo, uMoya. Wathi, “Bendingakwazi.” Ngoko, kwakungatyhilwanga. Xa elaa Xilongo leSixhenxe lavakaliswayo...okanye iNgelosi yeSixhenxe i—iTywina lavulwayo, ngoko kwabakho ukuzola eZulwini. 'Yabona, akuzange kukhutshwe, okuya kwenzeka.

¹³⁸ Kodwa phantsi kweTywina leSithandathu, apho laa maXilongo avulwa khona. Khumbula, ngaphantsi apho, sifumanisa ukuba laa Mvana yavela, yathi gqi. Yasishiya iSihlalo seNceba. Umsebenzi wayo wokuhlangula wawugqityiwe. Yaze Yavela yathabatha iNcwadi kwisandla sokunene saLowo wayehleli phezu kweTrone, ke “Ixesha lalingasekho.” Kwathi ngesiquphe iNgelosi yavela kwisahluko sesixhenxe, okanye isahluko se-10 umqolo we-7, isithi... Le Ngelosi yehla yafunga, ukuba, “Ixesha lalingasekho.”

¹³⁹ Kodwa, uyabona, kule Ncwadi, kwakulapho okuhlangulweyo. YayiyiNcwadi yeNtlangulo. Kwaye yonke into Awayeyihlangule yayibhalwe kuloo Ncwadi. Konke oko Wakufelayo kwakubhalwe eNcwadini, kwaye Wayengenako ukusishiya iSihlalo saKhe sokucamagushela Ade abe ugqibile ngokupheleleyo. Kwaye Wayengenako ukukuhlangula emnqamlezweni, ngokuba babemiselwe ngenxa engaphambili kwiNcwadi yoBomi yeMvana, kwaye Wayemelwe kukuma Apho enze izincwino ade umntu wokugqibela kugqitywe ngaye. Uzuko!

¹⁴⁰ Kodwa ngenye imini Waphakama apho, weza. Yayiphi iNcwadi? YayisekuMnini ongumoya, uThixo Onamandla onke. Kwaye uYohane wabhekabheka, walila, ngokuba kwakungekho mntu unakho nokukhangela oku eNcwadini aze, ngokukodwa avule aMatywina, ukutyhila into eyayiyiyo imfihlelo efihliweyo.

¹⁴¹ Iimfihlelo zazikuMatywina aSixhenxe. Ngethuba laMatywina aSixhenxe avulwayo, oko kwavula iBhayibhile iphela. AMatywina aSixhenxe; Yayitywinwe ngeMfihlelo eZisixhenxe, kwaye kula Matywina aSixhenxe kwakuqulethwe imfihlelo iphela yaYo. Kwaye yayiyiNcwadi yeNtlangulo, iTestamente eNtsha.

142 Asiyiyo endala. Yayimemeza kuphela ngeTestamente eNtsha. “Abenziwanga . . . abanakwenziwa bagqibelele ngaphandle kwethu,” amaHebhere 11. ‘Yabona? ‘Yabona? Ngoku, intlangulo yeza kuphela akuba uMhlanguli efile. Kwaye bona babephantsi kwegazi leemvana ngokolutho, hayi uMhlanguli; babengekahlangu, wade uMhlanguli wafika.

143 Qaphela ngoku xa lo Mhlanguli . . . uYohane wabhekabheka, naku kuhleli uThixo eTroneni, eneNcwadi esandleni sakhe eyayitywinwe ngaMatywina aSixhenxe, kwaye lonke icebo lentlangulo lalikuvo.

144 Kwaye yayilahlekile kuhlanga loluntu, ku-Adam. Waze uThixo . . . Yaphindela phi? USathana wayengenakuyithatha; wenza nje ukuba alahlekwe yiyo. Kodwa yayaphi ngoko loo Ncwadi? Yayingeyohlangu loluntu. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kambalwa epulpitini—Mhl.] Iintsikelelo yayingezozalapha; apha uhlangu loluntu lwayilahla. Ngoko yaphindela emva kuMnini wayo wakuqala, yayinguThixo ke lowo.

145 Naku Ehleli naYo apha, waze Wabiza umntu othile, othile ukuba aze kuYibanga.

146 UYohane wabhekabheka, akwabikho mntu eZulwini, akwabakho mntu emhlabeni, akabakho, naNgelosi, nanye into enokuyithabatha iNcwadi okanye inqike aMatywina, okanye nokuYikhangela oku. Akukho mntu wayefanelekile. UYohane uthe walila ngokukrakra.

147 Ngoko iNgelosi yeza kuye, yathi, “Musa ukulila, Yohane, kuba iNgonyama yeSizwe sakwaYuda yoyisile, kwaye Ifanelekile.”

148 Kwaye uYohane wakhangelanga ukuba abone iMvana . . . okanye abone iNgonyama, kodwa wafumanisa ntoni? IMvana, kwaye yayiyiMvana eneGazi, iMvana eyayixheliwe. Ithuba elingakanani? Ukusukela ekusekweni kwehlabathi.

149 IMvana yeza, yahamba yaya kuLowo wayeneNcwadi esandleni saKhe sokunene, yayithabatha iNcwadi; yakhwela phezu kweTrone yahlala phantsi. Yiyo leyo. Kwakuphelile (Nini?) xa aMatywina atyhilwayo. Xa owokugqibela, leyo yayiyinto yonke Awayeyihlangule, kwakungekho nto . . .

Wezela ukuhlangula.

150 Uthi, “Kwakutheni ukuze Angahlanguli kumashumi amane eminyaka eyadlulayo? Kumawaka amabini eminyaka eyadlulayo?”

151 ‘Yabona, amagama abo aseNcwadini yoBomi, kuloo Ncwadi. Kwaye Yena wayemelwe kukuma apha, ngokuba yayiyinjongo kaThixo ukubahlangu. Amagama abo abekwa kwiNcwadi yoBomi yeMvana ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. IMvana

yayilapho kunye nawo, ukuze ixhelwe. Nantso iMvana isiza, xa yaxhelwayo, yabuya ukuze yenze izincwino zentethelelo.

¹⁵² Khangela kuYo! Kungakho okuninzi ukulinganisa, okuninzi kwayo yonke enye into, kodwa kukho othile oyinene owayeyakusindiswa, kuba Yona . . . IBandla lalimiselwe ngenxa engaphambili ukuba lingabi nabala okanye mibimbi. Liyakuba Phaya. Kwaye iMvana yafela loo njongo. Kwaye ngoko xa igama lokugqibela elikula Ncwadi lahlangulwayo, iMvana yafika yathabatha iNcwadi, “NdinguLowo wakwenzayo oku!”

¹⁵³ IiNgelosi, iikerubhi, amashumi amabini anesine aMadoda amakhulu, iZilo, yonke into, yathula izithsaba zayo, yawa phambi kweTrone, athi, “Ufanelekile Wena!”

¹⁵⁴ UYohane uthe, “Yonke into eZulwini nasemhlabeni yandiva ndikhwaza, ‘Amen,’ ndikhwaza, ‘Haleluya,” neendumiso zikaThixo. Ukukhwaza kwenyuka. Kuba? Amagama abo ayekulaa Ncwadi, ukuze atyhilwe, yaze iMvana yabe ityhilile.

¹⁵⁵ IMvana yayiyihlangule, kodwa Yona yayingenakuza lide libe lonke igama lithiliwe, oko kwakusenzeka phantsi kweTywina leSithandathu, phambi kokuba ele Sixhenxe liqhekezwe. Baze abangenabala . . . IMvana yezela oko Yakuhlangulayo. Yeza kubanga oko Yakuhlangulayo. Sele inako kakade, kulapha kanye eNcwadini, Yayithabatha esandleni saKhe. Ngoku Iyeza ukuza kwamkela oko Yakuhlangulayo. Ngumsebenzi waYo lowo. Igqibile. Ize kukwamkela. Owu, elinjani—lelinjani ixesha! Ikuqondakalisile oko, iTywina leSixhenxe likuqondakalisile oko. Yabuya Yathabatha iNcwadi yeNtlangulo!

¹⁵⁶ Qaphela, yayinguMyalezo wesithunywa sesixhenxe owawuzakutyhila elesixhenxe, aMatywina aSixhenxe. ISityhilelo 10:7, ngoku, uyakukufumana apho oko. ‘Yabona?’

¹⁵⁷ “Wayibona le Ngelosi isihla yabeka unyawo lwaYo phezu komhlaba naphezu kolwandle,” yayinguKristu lowo, “enomnyama phezu kwentloko yaKhe.” Qaphela Yena, uyakuMfumanisa kwiSityhilelo 1, kwakhona, “enomnyama phezu kwentloko yaKhe; ekhangeleka njengeyaspile nesardiyo,” njalo njalo. NguYe lo esiza, ephakamise esinye isandla . . . “Olunye unyawu luphezu komhlaba, olunye luphezu kwamanzi; waphakamisa isandla saKhe. Wayenomnyama phezu kwentloko yaKhe,” esenjalo. Ngumnqophiso lowo. WayeyiNgelosi yoMnqophiso, eyayinguKristu; enziwe wanganeno kancinci kuneeNgelosi, ukuze eve ubunzima. NguYe lowo esiza, “Waphamisela izandla zaKhe phezulu eZulwini, wafunga Lowo uphila ngonaphakade kanaphakade,” Lowo unguNaphakade, uYise, uThixo, “ukuba akusayi kubakho xesha,” xa kusenzeka oku. Liphelile. Kuphelile. Kugqityiwe.

¹⁵⁸ Kwaye ngoko iZibhalo zithi, “Ngo—ngoMyalezo wesesixhenxe isithunywa sasemhlabeni,” umthunywa osemhlabeni, esesixhenxe neSigaba seBandla sokuqibela,

“ekuqaleni kolungiselelo lwaso,” xa siqalisa ngokungena emhlabeni, ngelo xesha, “imfihlakalo kaThixo, yala Matywina aSixhenxe, iyakwaziswa ngeloo xesha.” Ngoku siyabona ukuba siphilile na. Ingaba kunjalo, zihlobo, ingaba kunjalo? Qaphela, konke kungenzeka.

¹⁵⁹ Konke okwakuhlangulwe eNcwadini, Weza ukuza kuhlangula. Konke okwakuya kuhlangulwa kwakuseNcwadini, kumiselwe kwangaphambili ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Wezela ukuhlangula oko. Konke Awakuhlangulayo kwakubhalwe apho.

¹⁶⁰ Ndifuna ukunibuza umbuzo ngoku. Nani bantu bamamele ikhasethi, phulaphulisisani. Loo mehlo oyikekayo, ezo ntloko zinkulu ngokoyikekayo, ingaba seso sizathu esibangela ukuba lo Myalezo ubachase ngolo hlobo abafazi besi sigaba sanamhlanje? Ingaba lo nguloo Myalezo woMthunywa wokugqibela? Wathini Yena phaya ezantsi emlanjeni, malunga namashumi amathathu anesithathu eminyaka eyadlulayo? “Njengokuba uYohane wathunyelwayo,” ‘yabona, “ukuza kubauakalisela ukuza kokuqala kukaKristu, uMyalezo wakho uyakwazisa uKuza kwesibini.” Kwihlabathi jikelele, kwaye wenze loo nto kanye, ngoko uKuza kunokuba kusondele. Khangela into eyenzekayo ngoku.

¹⁶¹ Kuba? Ndiye ndakrwempa intloko. Ndazibhuqabhuqa phezu komqamelelo wam. Ndahamba emgangathweni. “Yintoni undonakele?”

¹⁶² Kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, ndabuza amadoda amabini endandikhwele nawo. Ndakhe ndabuza uJack Moore ngaxesha lithile. Kwaye nonke niyamazi uJack Moore. Ndiya kuye eShreveport. Ndathi, “Mzalwana Jack, ube ngumhlobo osenyongweni endakhe ndanaye emhlabeni.” Kwaye phambi kokuba ndimbuze, ndabuza inkosikazi yam.

¹⁶³ Ukuba kukho umntu onento ayaziyo ngam, okubi no—nako konke, inkosikazi yam, ‘yabona, umntu endimthandayo. Ndakhe ndathi ke kuye ngenye imini, ndathi, “Sthandwa, ndingumyeni wakho, ndingumlungiseleli weVangeli. Andifuni kuzisa hlazo kuLowo ndimthandayo. Hayi. Andifuni kukukhathaza. Andinakukuzisela hlazo. UThixo makale ukuba ndingaze ndenze nantoni na enokukwenzakalisa. Kwaye ucinga ukuba ingamenzakalisa kangakanani yena uThixo, ukuba ndimthanda kangakanani na! Uyinkosikazi yam, Yena ngumsindisi noThixo wam. Ndifuna ukukubuza umbuzo. Ungafihli nto. Undixelele inyani.” Ndathi, “Ndifunde kakhulu . . .”

¹⁶⁴ Kwaye ndiye ndamangaliswa. Mna, ndi—ndenziwe ngendlela apha, engaqondakaliyo, engaqhelekanga. Ndiyayazi loo nto. Wonke umntu wathi, “Luhlobo olunjani lomntu!” Ke, ‘yabona, awunakho ukuzenza. Uyiloo nto uyiyo, ngobabalo lukaThixo.

165 Kwaye nda—nda—ndathi, “Ingaba ndilahlekwe yingqondo yam nje kancinane, yazi, nda—ndabe ndiphantse ukungabikho?” Ndathi, “Kutheni ndibagxeka nje aba abafazi, rhoqo, ngeli thuba ndibathandayo?”

166 Bandibiza, bathi ndingu “mthiyi-bafazi,” andithiyi nje... mna nje “ndithiye abafazi.” ’Yabona? Yimposiso leyo. Ndiyabathanda abafazi, ndithetha ukuthi, njengoodade wethu.

167 Andizukunimbambazela emqolo, ndibona ukuba nenza okungalunganga. Andinako ukunixelela loo nto. Ndinithanda kakhulu ukuba ndingayeka loo nto. Amanye amadoda anokuyenza loo nto, luhlobo olwahlukileyo lothando olo. ’Yabona? Ndiyanithanda ngokuba ndithanda oko nikuko; ningumncedi kunyana kaThixo, kwaye niyinxalenye yaKhe. ’Yabona? Kwaye ndi—ndiyanithanda ngokuba ne—nenziwe ngokomfanekiselo wendoda, nendoda yenziwe ngokomfanekiselo kaThixo, ngoko ke, kunye, nibanye kuKristu. Naso isizathu sokuba ndinithande. Nayiphi na enye into, ayinanto yakwenza noko. UThixo uyakwazi oko, ubomi bam bonke. ’Yabona? Injalo loo nto. Ndiyanithanda. Ndingathini ukuma ndithi rhoqo...

168 Xa bathi, “Xeleta bonke abafazi, xa bathi bazakuza apha beze kumamela uMzalwana uBranham eshumayela, mabakame iinwele zabo ngendlela eyahlukileyo. Bathwale umnqwazi okanye into eyenye, kuba uyakuqalisa ukubadubula nje malunga neenwele ezimfutshane, nezenu... Ningafaki into eqatywayo,” nezinto ezinjalo ezilolo hlobo. Nantso into ababeyenza. “Owu, uthethe ngomntu othile...”

169 Bathi, “Kutheni unga...” Bathi, “Abantu bayakholwa kuwe ukuba ungumprofeti. Kutheni ungafundisi abafazi ukuba bangazamkela njani na izipho zomoya nje, nezinto ezilolo hlobo, endaweni yokuzama ukubafundisa izinto ezinjengaleyo?”

170 Ndathi, “Ukuba abanakubafunda oo-ABC babo, bayakuzazi njani izibalo ezisebenza ngoonobumba?” ’Yabona? Lungani, kuqala.

171 Kwaye okukhona ndishumayelayo, kokukhona kusiya kuba kubi. Ngoko uthi, “Kutheni ungayeki nje?” Hayi, mhlekazi. Kumele kubekho izwi, elingqina ngokuchasene noko.

172 Enye yawona madoda abalulekileyo kubulungiseleli namhlanje, yabeka isandla sayo phezu kwam kungekudala, yathi, “Ndizakukuthandazela, Mzalwana Branham, ukuba uyakuvuma ukuba ndiyenze loo nto, ukuba uThixo ayikhuphe loo nto entliziyweni yakho.” Yathi, “Bayeke aba bafazi, kwezo zinto.”

173 Ndathi, ndathi, “Uyakholwa kuloo nto, mhlekazi? Ungumshumayeli wobungwele.”

174 Yathi, “Ngokuqinisekileyo. Andikholelwa yiloo nto, kodwa,” yathi, “ku—kuxhomekeke kum. . .”

Ndathi, “Hayi.”

Yathi, “Kuxhomekeke kubalungiseleli.”

Ndathi, “Abakwenzi.”

175 Kumele kubekho umntu okwenzayo. Umelwe kukuwela umlambo. Simelwe ukuxotyulwa isikhumba. Andifuni kuyenza loo nto. UThixo uyazi ukuba andifuni kuyenza. Abaninzi babo bafazi bondla abantwana bam, kwaye bangabuncama ubomi babo ngenxa yam, ngokufutshane. Uyacinga, kwaye ubabalo lukaThixo lusasazwe ngoMoya oyiNgcwele, ucinga ukuba ndingema ndizole ndibone usizana lomntu lusiya ngqo phaya phandle kwiNaphakade lingenathemba, ukuba andikhwazi ngokuchasene naloo nto?

176 Ndingenzeli kuba ngokrele-krele; kodwa umoya wesi sizwe, umoya webandla, ingenguwo uMoya kaKristu, ngoku; uMoya webandla, ihlelo, ubajikile aba bafazi bayakungena kwimbutyulela phaya ngaphesheya. Kwaye mna ndilizwi nje, elikhwazayo, “Phumani kuyo. Balekani nimke ekungcoleni.” Musani ukuvumela umtyholi enze into enjalo kuni. Yinto engalunganga!

177 Kwaye nina ma-Assemblies of God, nivumela abo bafazi, nibavumela banqothule iinwele zabo, nize nibalele ukuba baqabe imake-up. Eneneni akukho Sibhalo sichasene nemake-up, kodwa sikho esichasene nokunqothulwa kweenwele. Akamelwanga nakuthandaza phambi koThixo, itsho iBhayibhile. Umyeni wakhe unelungelo lokumala amshiye. Kunjalo. Uzimisa kwihlabathi njengomfazi ongengewele. IBhayibhile itshilo. Uyamhlaza owakhe umyeni xa esenza loo nto. Yiloo nto kanye eyathethwa yiBhayibhile. 'Yabona?

178 Ke, kodwa umfazi oqaba imake-up, sifumanisa umfazi owayenzayo loo nto eBhayibhileni, kwakanye. Yayingu-Izebhele. Yayingulowo ke. Kuphela komntu eBhayibhileni owayeziqaba ubuso, yayingu-Izebhele, kwaye uThixo kwangoko wondla ngaye ii—izinja zasendle. Waba lihlozo, kwaye naye. . .Yonke into, yonke into eziphethe kakubi ibizwa ngokuba ngu-Izebhele.

179 Animelwe kukuyenza loo nto. Aninyanzelekanga ukuba niyenze. Yintoni ebangela ukuba niyenze ngoko? Ngumoya womtyholi.

180 Aniyiqondi loo nto. Ndiyazi ukuba aniyiqondi. Ni—ningabantu abalungileyo kakhulu. Nilungile. Nindibamba isandla, nithethe nam.

181 Ndiyanithanda. Injalo loo nto. Kodwa ukuba ndiyayibona loo nto, andingebi ndingumhanahanisi. . .UPawulosi wathi, “Andikucezelanga ukunixelesa lonke iCebo likaThixo.” Kwanga akungebikho gazi lamfazi liyakuba phezu kwam ngaloo

Mini, okanye nokuba lelendoda. Ndinixelele iNyaniso. Kwaye bendikuthiyile ukuyenza loo nto; ndingakuthiyanga ngenxa yokuba ndingafuni kukwenza oko uThixo andixelela ukuba ndikwenze, kodwa ndiyanithanda. Andifuni kunikhathaza, ngoko ndiyakwenza ntoni? Kodwa olusulungekileyo, uThando oluNgcwele luyakukuqhuba ukuba uyenze loo nto.

¹⁸² UYesu wathandazela nkqu ukuphepha umnqamlezo. “Kunokwenzeka ukuba indebe idlule?” Wathi, “Noko ke, ingabi yintando yaM, koko eyaKho.”

¹⁸³ Ingaba kuyakufuneka ndibe nguloo mfo uyakukuthetha oku? Kuyakufuneka ndibathathe aba bafazi bathandekayo balunge kangako nayo yonke into, ndize ndibacukuceze babe ngamasuntsu? Ingaba ndiyakunyanzeleka ukuba ndiyenze loo nto? Ingaba ndiyakunyanzeleka ukuba ndithathe abazalwana bam abangabalungiseleli, ndize ndime apho ndibaxelele ukuba bathanda imali ne—nehlelo lemvaba kunokuba bethanda uThixo? Mna, kubazalwana bam abathandekayo ababeka ingalo yabo. . . Owu, ingaba ndimelwe kukuyenza loo nto? Owu Thixo, musa ukuvumela ukuba ndenze loo nto.

¹⁸⁴ Kodwa andikucezelanga ukunixelela lonke iCebo. LuThando olululo olundiqhubele kuloo nto.

¹⁸⁵ Ingaba yiloo nto lo Myalezo ulolu hlobo nje? Akukho ndawo yimbi ehlabathini okuyo. [Ibandla, “Amen.”—Mhl.] Uphi apho ukhoyo? Kulungile. Bayoyika. 'Yabona? Kodwa ubungenaloyiko. Ngokuchanekileyo. UThixo wahlala enjalo, 'yabona. Kulungile. Ingaba yiloo nto aba bafazi bekhaliyelwe kangaka nje ngulo Myalezo? Bengazi, ukuba awutyhilwanga. Ndakuboniswa oko, kodwa akukhange kuthi qatha kum kwade nje kwangenyane imini. 'Yabona? Khangelana apho. Kulungile. Ngokuqinisekileyo kulingene ulungiselelo.

¹⁸⁶ Ngoku yima umzuzu nje. Ingaba kwakhe kwakho ixesha apho kwathi kwakho ihlabathi lomfazi ngaphambili? Ewe. Ngokwezembali, ngemihla ka-Eliya, kwakukho umfazi obizwa ngokuba ngu-Izebhele. Waba nolawulo phezu kwebandla likaThixo, ntoleyo ithi iBhayibhile uyakuphinda kwakhona kwimihla yokugqibela; umoya wakhe, ngebandla, umbutho. Kwaye uyakuba lihenyukazi, aye amanye amabandla kunye naye ayakuba ngabafazi abaziphethe kakubi, kanye njengokuba enjalo yena. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

¹⁸⁷ ISityhilelo 17, sithe, “Wayelihenyukazi, kwaye yena uNGUNINA WAMAHENYUKAZI.” Ayinakuba ngamadoda lawo. Ngabafazi abo. 'Yabona? Kwaye bonke balahlwa, bephila, bafakwa eChibini loMlilo, batshatyalaliswa. Ingaba yinyaniso leyo? Nantso ke.

¹⁸⁸ Qaphela, ngethuba laa Izebhele wabakhoyo, kwakukho indoda eyathi yabakho yachasana naye. UThixo wezisa indoda. Asazi nokwazi ukuba yayivela phi na. Yayingenamlibo

wolungiselelo. Ayizange ibe ngumpriste okanye nantoni na. Yafika, indoda yakudala engqashalala yasemahlathini enegama elingu-Eliya, kwaye yabeka izembe kwiingcambu zomthi, kwaye babeyithiyile. Ingekokuphela oko, kodwa ibandla layo liphela laliyithiyile.

¹⁸⁹ Kwaye ngethuba elithile yayicinga ukuba yayimi yodwa. Wathi Yena, “Hayi, ndinamawaka asixhenxe asekhoyo akunye nawe.” ’Yabona? Yayiliqela elinyuliweyo elo, ’yabona. Kuhlala njalo kukho elo qela. Wathi, “Musa ukoyika, Eliya. Ndiyazi ucinga ukuba ulahliwe, ngenxa yokuba amahlelo ethe akunyusela phaya phezu kwenduli. Kodwa,” wathi, “ndinamawaka asixhenxe akholwa kwalento uyishumayelayo. ’Yabona, ndinawo.”

¹⁹⁰ Ngoko emva komhla wakhe, iRoma yathabatha ulawulo, kwaza kwakho ixesha ekwakukho ihlabathi lomfazi ngalo kwakhona, zonke iifashoni za—zabafazi, indlela abathi ngayo bavela nemiqwasana yabo nezinto ezinjalo, ’yabona. Waze uThixo wavelisa omnye okwanaloo Moya mnye kuye, uMoya ka-Elisha. Ingaba kunjalo? Waze wathi, “Izembe libekiwe ezingcanjini zomthi.”

¹⁹¹ Kwaye kwakukho umfazana omdala okrwada apho, awayemtshatile. . . washiya umyeni wakhe, watshata umntakwabo, uHerode. UHerodiya, kwaye yena e—eziqabile engohlekisayo waloo mhla, edanisa. Wafundisa intombazana yakhe ukudanisa. Wayenentombi, ngoyise lo ungengoyise, u—uyise-mbumbulu; ngoyise, umntakwabo. UHerodiya! Yayiyintombi yakhe lo—lo—lomfazi. Waze ke wayifundisa ukudanisa, yaze yangozihluba iimpahla wenene umdanisi, ifuze unina. Kwaye wayecinga ukuba wayenokutshata kane okanye kahlanu, enze nantoni na athanda ukuyenza.

¹⁹² Naku ke kuphuma uHerode. BabengamaYuda bonke, ngoku ukhumbule. Babengabantu benkonzo. Naku kufika uHerode, nebandla lakhe, ukuza kuphulaphula umprofeti, kwaye abantu babekholwa ukuba wayengumprofeti.

¹⁹³ Wahamba waya ngqo ebusweni babo bobabini, wathi, “Akukho mthethweni kuwe ukuba umthathe.” Indlela ekwamphakamisa isiciko ngayo oko! ’Yabona?

¹⁹⁴ Ngoku, indoda nje eqhelekileyo ngeyathi, “Kunjani, Herodiya? Siyavuya ukuba nani kweli bandla lethu namhlanje.” Kodwa hayi uYohane.

¹⁹⁵ UYesu wathi, “Naniye kubona bani, xa naniphumele ukuya kubona uYohane? Ingaba naniye kubona umpriste onxibe kakuhle wonke?” Hayi, akunakubanjalo, olo hlobo luncamisa iintsana lungcwabe abafuleyo. ’Yabona? Wathi, “Naniye kubona ntoni? Umoya, ingcongolo ezanyazanyiswa nangawuphi na umoya? Bathi, ‘Welela ngapha, Yohane. Siyakukuhlalwula ngokuthe chatha ukuba uyakushumayela kuthi. Kwaye, thina,

singowona mbutho mkhulu?” Hayi uYohane. Hayi, akazange aye kubona loo nto.

¹⁹⁶ Wathi, “Naniphume nisiya kubona ntoni, ngoko, xa naniye kuva nokubona uYohane, umprofeti?” Wathi, “Kwaye ndithi, kuni, nongaphezulu komprofeti!... ningakwamkela, nguye lo umprofeti wayethetha ngokuba uyeza, ‘Ndiyakumthuma umthunywa waM phambi kobuso baM, yena uyakulungisa indlela yeNkosi.’” Wayengumthunywa woMnqophiso. Wathi, “Akuzange kubekho ndoda, izelwe ngumfazi, inkulu njengokuba yena enjalo.” ‘Yabona?’

¹⁹⁷ Nalo uhlobo lwendoda uThixo awayivelisela loo mhla, u-Eliya, indoda yasemahlathini emva. UYohane, ikwayinto enye. ‘Yabona? UMoya ka-Eliya wawuphezu koYohane. Kwaye Yena wathi, xa kuthe kwafika umhla womfazi kwakhona, loo Moya uyakuvela kwakhona, “Phambi koKuza kweNkosi, xa ihlabathi liyakutsha, aze amalungisa ahambe phezu ko— kothuthu lwabangendawo, njengothuthu phantsi kwenyawo zabo.” Wayithembisa loo nto, kwakhona, kule mihla. Qaphela, uMoya oyiNgcwele uyithembisile loo nto. Lixesha elifanelekileyo kweli xesha siphila kulo.

¹⁹⁸ Kumele kubekho ubani oyakuvela. Omelwe kukuthi eze, kuba lowo nguTSHO INKOSI, uMalaki isahluko se-4. Yiloo nto kanye Awathi iyakuba ngumqondiso, “Kanye phambi kokuza kweMini enkulu eyoyikekayo yeNkosi, Ndiyakunithumela u-Eliya.” Ke yena uyakwenza ntoni? “Uyakubuyisela iintliziyi zabantwana emva kwiMfundiso yooyise, emva eBhayibhileni,” baphume koku kwahlukana kwamahlelo, “babuyele emva eBhayibhileni, babuyele kuThixo.” Nantso into Ayakuyenza. Qaphela ukuba lixesha elimnandi kangakanani na eli siphila kulo.

¹⁹⁹ Abo baprofeti babakhalimela abo bafazi bangengabo mhla baloo mihla, kwaye bobabini bayihlawulela ngobomi babo loo nto. Imbali iqondakalisa ukuba ngalinye kuloo maxesha yayilihlabathi lomfazi, apho abafazi babelawula khona.

²⁰⁰ Khangela ngonamhlanje. Siyakuba noMongameli omnye ngolunye lwezi ntsuku, kukhangeleka ngathi ingenzeka loo nto khona ngoku. Eneneni, ngumfazi uMongameli. ‘Yabona? Yena ungumfanekiso nje oyintloko. Apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, kwesinye sezinye izizwe, umfazi wafumana ukudunyiswa nayo yonke into kubo bonke abantu, ngokude uMongameli, ngokwakhe, athi, “Ndim umyeni wakhe.” UMongameli weZizwe eZimanyeneyo, ‘yabona. Nguye omisela iifashoni, abafazi bezilandele, kanye njengokuba wenzayo u-Izebhele. Nike nayiva intshumayelo yam ngo*Nqulo Luka-Izebhele*. ‘Yabona Uyazi. Niyazi ngalo. Niyabona ukuba siphi na ngoku?’

201 Niyabona ukuba kwenzeka ntoni na apha, kwiveki okanye ezimbini ezidlulileyo, apha esixekweni? Umlungiseleli weFaith Lutheran wamema umpriste wamaKatolika weSacred Heart ukuba enyuke aze kumshumayelela, waze wenza njalo, kwaye umlungiseleli weFaith Lutheran wehla waya kumpriste womKatolika wamshumayelela.

202 IBhunga leeNkonzo liphaya ngaphesheya ngoku, lihlange eRome. Le leta ijikelezayo athe umhlobo wam olungileyo uDavid duPlessis; xa ndandihleli apho ndamxelela malunga nayo, eFourteen-Mile Creek, kungekudala kwixesha elidlulileyo; engaqondi ukuba wajika ibandla walifaka kanye eBhabhilon, xa wonke umntu wayesithi, “Owu, zonke iinkonzo zizakubanye ngoku.” Ewe, ndiyayazi loo nto, 'yabona, kanye njengokuba kwakubhaliwe encwadini yam yesiprofeto ngowe-1933, ukuba oko kuyakwenzeka. Ngoba, aniqondi ukuba oko kukumanya nokuhlanganisa kukaSathana? IBhayibhile iyayithetha loo nto. Kwaye kuyakuba semva komzuzu nje, umzuzwana nje, nje ukuba zihlangane zibe nye, ukuze unkonzo-zonke abe ugqityiwe, 'yabona. Liyakuba lapho iphawu lakho lerhamncwa, kunjalo. 'Yabona?

203 Andinaxesha nje lokuqhubela phambili noku, kodwa, sekumalunga nomkhono phambi kweyeshumi elinesibini. 'Yabona, ndifuna ukugqiba, ndifake eli nqaku. Ndizibeka nje ezi Zibhalo apha apho unokubona khona kuba kunokwenzeka ukuba siphilile na size ke sivale emizuzwini nje embalwa.

204 Ngoku qaphela nje okwenzekayo. A—abaprofeti babakhalimela abo bafazi ngaloo mihla baze babizwa ngokuba “ngabathiyi-bafazi.” Injalo loo nto. Ezembali ziqondakalisa ukuba kwakunjalo.

205 Ngoku yima umzuzu nje. Niyazibhala iZibhalo, bhalani uTimoti wokuQala 5:6. IBhayibhile ithe, “Umfazi ophila kwi—kwiziyolo zehlabathi.” Azinakuba ziziyolo zikaThixo; ngoko zimelwe ukuba zizo ezo, 'yabona. “Umfazi ophila kwiziyolo zehlabathi ufile ngeli thuba adla ubomi.” Nantso into eyathethwa ngumprofeti, uPawulosi oNgcwele, “Umfazi ophila kule meko yasehlabathini ufile ngelithuba adla ubomi.” Ukuba wala incebisa, unokuwela umgca owahlulayo apho kungekho thuba kuye kwakhona. Ngoko ke uphi, naloo mehlo akhe aqatyiweyo, iinwele zakhe ezichetyiweyo? Ungaphaya komgca, kungekho ndlela yakubuya umva, kwaye kufanelwe kukuba kubekho ulungiselelo oluya kumshumayeza. Kodwa khumbula, ngelo xesha, sekugqitye konke. Kuphelile. Kukungcungcuthekisa nje.

206 Kuyakubakho ulungiselelo oluyakubonakalisa imimangaliso emikhulu, uYoweli watsho, kodwa akuyi kubakho ixesha lentlangulo. Seliphelile. IMvana sele iyithabathile iNcwadi yaYo, kwaye ukuhlangula kwaYo kugqityiwe.

Njengokuba uYesu kuqala washumayela waze waliwa, waza waya wangcungcuthekisa abo babengaphakathi apho, wabashumayeza abo babesentolongweni, bengenakuguquka, bengenathuba lakusindiswa, olo lungiselelo lunye lumelwe kukuphindeka kwakhona. Kungathini ukuba lona lungaba luTsalolweSithathu lwamandla, lusiya kwabalahleke ngoNaphakade. Kungenzeka ntoni ukuba kulapho? Ndiyathemba ukuba akukho apho. Kuthini ukuba kulapho? Yicinge nje loo nto umzuzu ngoku. Kuthini ukuba kulapho? UThixo makale. Ndinabantwana. 'Yabona? Kodwa kukhangeleka ngokuqinisekileyo kukufutshane apha.

²⁰⁷ Wawutheni ukuze loo mbono ufike ndisengumntwana? Kwakutheni ukuze ndingacingi ngawo ngaphambili? Kwakutheni ukuze elo thongo lize apho kwelo gumbi ngenye imini, lithi, "Lulo olu"? Kuphakathi ezinzulwini ze... mi— miphefumlo elahlekileyo. Kwaye uYesu washumayela kuyo, wangqina, kodwa yona—yona ayizange iguquke. Kwaye okukhona ndashumayelayo, kokukhona baya besibababi. Akukho nguquko. Akukho thuba layo.

²⁰⁸ IMvana iyithabathile iNcwadi yaYo xa, iTywina leSixhenxe ilungele nje ukulivula, iTywina leSithandathu. Khumbula, Walifihla iTywina leSixhenxe kuthi. Akazange akwenzeoko. Xa iNgelosi yemayo, umhla nomhla, iwachaza, kodwa ngoko Ayizange yenze njalo kweliya. Yathi, "Kukho ukuzola eZulwini." Akukho mntu waziyo. YayikuKuza kweNkosi.

"Owu," uthi, "akunakubanjalo." Ndiyathemba ukuba akunjalo.

²⁰⁹ Masihambe nje sibheke phambili apha. Ndinento ethile endiyibhalileyo, 'yabona. Kulungile.

²¹⁰ Khumbula, "Lowo uphila kwiziyolo zehlabathi," zezinto zehlabathi, esenza njengalo. Angaya enkonzweni enze njengengcwele, oko akunayo nanye into yokwenza noko, 'yabona, kodwa, "ufile ngeli thuba adla ubomi."

²¹¹ Khangela into amenzele yona umfazi amahlelo. Amenze umphathi weLizwi eliNgewe, ntoleyo ichaseneyo neBhayibhile. Amenze umshumayeli. Oko kuyaliwa siSibhalo. Bade bamenza ngoku wangumlawuli, usodolophu, abalawuli, nayo yanke into elizweni, nomlungiseleli endlwini kaThixo.

²¹² Ngeli thuba, anetyala laso sonke isono esakhe senziwa, inguye unobangela waso. Injalo loo nto. Ngoku, andithi, andithethi ngamalungelo. Unetyala. Nguye owabangela ukuba lonke usana luzalwe luyimfama. Nguye unobangela wokuba kumbiwe lonke ingcwaba. Nguye owabanga isono, ukugula, hosizi. Inqwelo yezigulana ayinakukhala ngaphandle kokuba oko kube kubangwe ngumfazi. Akukho kukhala kunokwenziwa, akukho sono, akukho kufa, akukho lusizi, akukho kutsala nzima, koko ngumfazi owakwenzayo. Kwaye uThixo makale ukuba

umfazi aye kungena epulpitini ashumaye, kodwa bayayenza loo nto. Ihlelo lemvaba, 'yabona ukuba kuphi na?

213 Usisithixokazi. Indlela asebenza ngayo umtyholi! Kuba, abantu abangamaKatolika bayabenza, abafazi, izithixo, bathandaze kuzo; injalo loo nto, isithixokazi uMariya, njalo njalo. Ndiyayibona eyokuba kwiBhunga lezeNkolo batshilo ukuthi kuyakwenzeka ukuba bathandaze ngokuthe chatha kuYesu ukuba oko oko kunganceda ekubeni amaProtestanti angene. 'Yabona? 'Yabona? Owu, elo qhinga! "Ayinakuguquleka," batsho. 'Yabona? Isekwangulaa Mtyholi wakudala mnye. IBhayibhile yatsho, ukuthi, "lenza ukuba bamnkele uphawu emabunzini abo, abo bamagama angabhalwanga eNcwadini yoBomi yeMvana."

214 LiBandla elamiselwa ngenxa engaphambili eli ndithetha nalo, hayi kwabo baphaya phandle. Hayi, mhlekazi. Bephuma kwiqela ngalinye, Ubatsalile abamiselwa ngenxa engaphambili baKhe. Nabo Azela bona, kwisigaba sexesha ngasinye.

215 Kodwa nalo limile. Lilo elo. Lilo; lishumayela iLizwi, liphatha iLizwi, laba sisithixokazi, nonobangela waso sonke isono. IBhayibhile yathi, "Andimvumeli umfazi ukuba afundise, okanye abe negunya, koko makathobele njengokuba usitsho u—umthetho." 'Yabona? Kwaye akanakuyenza loo nto. Kodwa bamaenza umlawuli welizwe, usodolophu, irhuluneli; kungekudala uyakuba nguMongameli. Ngokuqinisekileyo. Nantso ke. Yiloo ndlela, nantso indlela ekuhamba ngayo, 'yabona. Kwaye abantu bayayenza loo nto ngenxa yokuba bengakhathali ngeli Lizwi. Hayi, mhlekazi. Abanakuze bayibone loo nto.

216 Khangela kulaa maJuda emi phaya, izifundiswa, amadoda achubekileyo. Waze uYesu wathi, "Ningaboyihlo, umtyholi."

217 Bekunokuthini ukuba bendinokuMzisa ematyaleni khona ngoku phambi kwenu? Masike sikuzame oko okomzuzu nje, kwaye uThixo andixolele ngokuma ngokuchasene naYe; kodwa okomzuzu nje, ukunibonisa into ethile.

218 Kungathini ukuba uthi, "Ke, mna, uzuko kuThixo, ndathetha ngeelwimi! Haleluya! Ndiyazi. Mna, ewe, ndi—ndinaWo. Makabongwe uThixo. Ewe!" He-eh, wenza njalo?

219 Khumbula abo bantu bakwaSirayeli. IBhayibhile ithe, emva kokuba Wababizayo baphuma abantu, wabasindisa ebakhupha eYiphutha, Wabatshabalalisa ngenxa yokuba bengazanga bawulandele uMyalezo. 'Yabona? Badla imana ephuma eZulwini. Badla imana awathi uThixo wayinisa phezu komhlaba ukuze badle, baze bema phambi komthunywa, bayibona iNtsika yoMlilo, baliva iZwi likaThixo, baze balibona lingqinelwe. Baze ngoko, ngenxa yokuba babefuna ukukholwa kuKora, "Akusenakubakho madoda angcwele angamanye. Kungakho oku, okunye, okanye okuya. Simelwe kukuba singcwele, nathi.

Simelwe kukukwenza konke *oku*. Bonke abantu bangcwele." UThixo wathi, "Zahlule kubo. Mnka apho."

220 UMoses wathi, "Bonke abangakwicala leNkosi, mabahambe nam." Injalo loo nto. 'Yabona? Yaze Yavula nje umhlaba wabaginya. 'Yabona?

221 Babengabantu abalungileyo, nabo, ngokuqinisekileyo, babengabo. Babengabantu abalungileyo. Ewe, mhlekazi, kodwa oko akuzange kubangele loo nto. "Asingabo bonke, abathi, 'Nkosi, Nkosi,' koko ngokwenzayo ukuthanda kukaBawo waM." "Asikokoqalisayo; ngulowo ugqibezelayo." Ngoko, akukho ndlela zinqunqayo; uyakhutshwa ngokusemthethweni ekugqibeleni elugqatsweni. Akukho zindlela zinqunqayo. Umelwe kukuba uze nje ngendlela esayithethayo iSibhalo.

222 Ukuba Sithi, "Guqukani, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, naniyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele," akukho ndlela inqumlayo, ukubamba isandla, ukujoyina icawe okanye imvaba. Yiza ngaloo Ndlela! Ngaphandle kokuba ufe kwisiqu sakho, uze uzalwe ngoMoya oyiNgcwele kaThixo, u u—u—lahlekile. Kuphelele apho. Akukho ndlela zinqumlayo.

223 Wena uthi, "Ke, ndingowenkonzole." Ndiyayazi loo nto. Ilungile loo nto. "Ke, umama wam..." Andiyithandabuzi loo nto, kodwa apha nguwe endithetha naye. 'Yabona? Nguwe omelwe kukuza ngaloo Ndlela, ngokuba akukho zindlela zinqumlayo; uyakukhutshwa ngokusemthethweni ngoMgwebo. Yiza ngaloo Ndlela inye.

224 Inye kuphela iNdlela, kwaye uKristu nguye loo Ndlela. Kwaye uKristu uliLizwi eliphila ngaphakathi kuwe, elingqina yonke into Awayithembisayo ngethuba elilelayo. 'Yabona? Nikuqondile oko? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.] Kulungile. Qaphela ngoku.

225 Abanye bathi, "Aba bantu balungile." Ngokuqinisekileyo. Anditsho ukuba abangabantu balungileyo. Anditsho ukuba uCecilia oNgcwele nabo bonke babengengobafazi balungileyo; wayenjalo nomama, kodwa ngokuqinisekileyo andithandazi kuye. Ngokuqinisekileyo andenzi njalo. Ngokuqinisekileyo, ndikhe ndabona abantu abaninzi abalungileyo, kodwa abazozithixokazi. Bangabafazi, amadoda. "Mnye kuphela uMlamleli phakathi noThixo nabantu."

226 Ngoko kutheni, kutheni ukuba umntu, ongowakwaMoya, indoda yehlabathi... ileta ejikelezayo awathi uMzalwana uduPlessis, umzalwana wethu othandekayo, amelwe kukuyijikelezisa. Mhlawumbi abanye benu banayo. Ahlale... Ewe, ninayo. Kwi-Bhunga leeNkonzo zonke, ngakuphapha, ithi, "Ibiyinto eyeyomoya kakhulu." Kukucalula oomoya oko, akunjalo? "Owu, uMoya weNkosi ubukho phaya, ibinomoya kakhulu." Ewe. Nantso ke.

227 Kuba? Ngokuba lithuba lokuhlenganisa amaProtestanti naloo nto abemanye, into esithe sayilwela iminyaka nyaka, kwaye iBhayibhile imele loo nto yasixelela ukuba iyakwenzeka. Kwaye abethu... enye yezona nkokheli zethu zibalulekileyo ingena kanye phakathi, ithi, “Ilungile laa nto. Yinto eyenziwe sithi,” lize lonke ibandla lobuProtestanti liyiwele.

228 Kanye ngokuchanekileyo nje, ukuba uyakukhangela phaya phezulu, ITSHO INKOSI. Okokuqala, iLizwi layithetha loo nto. Waze uMoya weNkosi wayithetha loo nto, ngowe-1933, oko kwachaza zonke ezi zinto malunga nezizwe ezizakuya emfazweni, nendlela abayakuba yiyo oomatshini, yonke into elolo hlobo, yathi yiloo nto kanye eyakwenzeka ekupheleni. Kwaye yiyo le ke. Ayizange isilele. Kwaye naku siyibona ihlangana.

229 Niyayikhumbula intshumayelo yam ngo*Unqulo Luka-Izebhele* kungekudala kwixesha elidlulileyo? Niyamkhumbula u-Elisha esihla ngendlela ngaloo ntsasa, ukuya kubaxelela? Ukuba, ndashumayela ngaloo nto. 'Yabona? Nendlela endathi ndachaza ngayo kwangaphambili ngoko ukuba kuyakufika ixesha xa eli Bhunga leNkonzo liyakuthi ekugqibeleni libe luphawu lwerhamncwa, ngokuba luyakumanyana nerhamncwa. Liyayenza loo nto. Kwimihla yam, ndiphile ndade ndayibona loo nto. Kwaye nanga amaProtestanti, ngezigidi, esiwela loo nto. Kuba? Yiloo nto abakhangele yona.

230 Bazimfama! UYesu wabaxelela aboo baFarisi, “Zimfama ndini zabakhokeli beemfama. Ukuba imfama ikhokela imfama,” wathi, “azisayi kuthi zeyele zonke emhadini?” Kwaye nako apho bawele khona. Ndingayikholelwa njani into yokuba indoda ingema kunye nam ithethe kunye nam, ibe nokuhlala ize indixelele into enjalo! 'Yabona, “Ifihliwe, amehlo, kumehlo eengqondi nezilumko, Yatyhilelwa iintsana eziyakuthanda ukufunda.”

231 Ndiyazi ukuba ngamhla uthile loo nto iyakundidla ubomi bam. Kunjalo. Iyakwenza njalo, kodwa nantsi iNyaniso isaziswa. Ehe.

Owokuqala ukufela eli cebo loMoya oyiNgewele,
 NguYohane umBhaptizi, kodwa akazange agungqume; wafa ngokwendoda;
 Ngoko, kweza iNkosi uYesu, baYibethelela,
 Washumayela ukuba uMoya ungasindisa umntu Esonweni. (Ingaba kunjalo?)

Baze bamxuluba uStefano, washumayela ngokuchasene nesono,
 Wabacaphukisa kangako, bayifaka phakathi intloko yakhe;

Kodwa wafa ekuMoya, wanikela ngomoya,
Waya kuhlangana nabanye, loo mkhosi
wobomi.

Kwakukho uPetros noPawulos, noYohane
ongcwele,
Banikela ngobomi babo ukuze iVangeli
ibengezele;
(Benza ntoni?) Baxuba igazi labo,
nelabaprofeti bakudala
Ukuze inyaniso yeLizwi kaThixo ixelwe
ngokunyaniseka.

Imiphefumlo ephantsi kwesibingelelo,
yayikhala, “Lixesha elingakanani?”
Ukuze iNkosi ibagwebe abo benza okubi;
Kodwa kuyakubakho abangabanye
abayakunikela ngegazi lobomi babo (ewe,
injalo loo nto)
Ngenxa yale Vangeli kaMoya oyiNgcwele
nomkhukula wayo obomvu.

²³² Ihlala isopha ligazi! Ewe, kuyakwenziwa njalo ngenye imini,
kodwa ndilindele loo yure xa sekugqityiwe.

²³³ Kukho odade osandula kuphupha iphupha. Walithumela
kum, wathi, “Ndibabonile, ela bandla lilungisa indlela
yokubulala” mna, ngokufihlakeleyo, ngaxesha lithile
xa ndiphuma emotweni yam, ndingena, ndidutyulwe
ngokusuka . . . Kodwa wathi, “Ngoko uMoya wathi, ‘Hayi ngeli
xesha, kodwa loo nto iyakuza emva kwexesha.’” Aha.

²³⁴ UThixo makale ukuba ndibe nokwenzelela nangayo nantoni
na. Andazi nto ngaphandle koYesu Kristu naYe ebethelwe
emnqamlezweni. Siphila kumhla owoyikekayo Sisono esenze
oku. Ewe. Ba—bamxuluba uStefano. Benza ukuba intloko
kaYohane inqunyulwe, ngumfazi owenza oko. Andazi ukuba
siyakunikela njani ngezethu, kodwa oko kuyakwenzeka ngenye
imini. Kulungile, qaphela.

²³⁵ KuYohane oNgcwele, ukuba benisifuna eso Sibhalo malunga
naloo nto. UYohane oNgcwele 6:49, kulapho babesidla khona
imana, waze uYesu wathi, “Ke bonke, ngabanye, bafile.”

²³⁶ Uthi, “Ke, u—udade wethu, nda—ndakhe ndambona lo
mfazi exhentsa ekuMoya.” Owu, ewe. Ehe. “Ndakhe ndababona
besenza loo nto. Ndakhe ndambona ethetha ngeelwimi. Ndikhe
ndambona . . .” Ewe.

²³⁷ UYesu wathi, “Baninzi abayakuza kuM ngaloo mini,
bathi, ‘Ndazenza zonke ezi zinto.’” Yabona? “Badla imana
entlango,” uYesu wathi, “kwaye, bona, ngabanye, bahlukaniswe
ngoNaphakade. Bafile.” Kuphelile ngabo ngoNaphakade.
Batshabalala kanye apho entlango.

²³⁸ Niyawakhumbula amaHebhere isahluko se-6, “Abo bakha bayaziswa iNyaniso, bakwala ukuhamba kuYo, akusekho nguquko konke kubo.” ’Yabona, elasemdeni ikho-...Ngeli thuba iNyaniso izisiweyo emntwini okwethuba lokugqibela, baze bakwale ukuYamkela; ngokweNcwadi yamaHebhere, ’yabona, bayakuthi...akusekho kwanto ehlabathini inokuze ibasindise.

²³⁹ Kuphelile ngabo. Akukho nguquko, akukho kuhlangulwa, akukho nto ishiekileyo kubo. Bahlukaniswe ngoNaphakade. IBhayibhile itshilo, “Balindele ingqumbo eyoyikekayo yomlilo eyakutshabalalisa abo bachasayo.” Kwaye xa iNyaniso yeVangeli iqondakalisiwe, ngokupheleleyo yangqinelwa, baze ke bajike bemke kuYo, kuphelile ngabo. Kuphelele apho. Yinto eyoyikekayo, kodwa ndimelwe kukuyithetha.

²⁴⁰ Khumbula iiNgelosi ezazingayigcinanga indawo yazo yakuqala, kodwa zemka zaya kutsho kwindlu yentolongo yasebumnyameni, apho ihlabathi lihamba khona namhlanje kwakuloo ntolongo inye, akukho nguquko.

²⁴¹ Khumbula kwiminyaka embalwa edlulileyo, ndathi, xa ndandisihla ndivela eChicago, “Kuphakathi kokuba iMelika iyamkele kulo nyaka, kungenjalo ayinakuze iyamkele konke konke.” ’Yabona ukuba ibhekele phi na? Ewe.

²⁴² Ngoku ndiyamangaliswa ukuba ingaba luTsalo lweSithathu na olu? Owu Thixo, makube le kuloo nto! Ingaba yiloo nto uTsalo lweSithathu olulolwayo? Kunganjalo? Owu, bethu! Yicingeni nje, zihlobo. Yicingeni; andithandi ukwenza njalo.

²⁴³ UYesu wathi, “Oluhlobo lobuhanahanisi...” Ukuba ufuna ukuyibhala loo nto, uMateyu 23, -sixhenxe. Ndi—ndinayo apha, “funda apho,” kodwa ningayibona. “BaFarisindini bazimfama!” Ma... .

²⁴⁴ Ninayo imizuzu nje embalwa eyeminye? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Masibone. Masityhile kuyo, kuba ndithe “fundani.” Bekukho into ethile ebendifuna ukuyifunda nje phambi kokuba...Ngoku ndiyakuthi mhlawumbi ndishiyelele enye into, kodwa ma—masifumane nje le okomzuzu nje. UMateyu 23, umzuzu nje, kulungile, kwaye sizakuqalisa ngevesi yama-27. Phulaphula nje ngoku. Ukuze uyifunde yonke loo nto wakufika ekhaya, ukuba unakho. Okweminye nje imizuzu embalwa.

²⁴⁵ Ngoku khangela apha. Mateyu 23, siqale ngomqolo wama-27, “Yeha nina, babhali!” Ngoku, khumbula, ngamadoda angcwele la Athetha nawo.

Yeha nina, babhali baFarisi, bahanahanisindini! ngokuba nifana namangcwaba aqatywe ifutha (ngabantu abafileyo abo, ’yabona), namangcwaba aqatywe ifutha, athi abonakale emahle okunene

ngaphandle, kanti ngaphakathi azele ngamathambo abafileyo, nokungcola konke.

246 Ukuhanahanisa noomona neengxabano, ngaphakathi kwabo; ngaphandle, “NdinguGqirha uZithilengeshe.”

Ngokukwanjalo nani ngaphandle okunene nibonakala kubantu ningamalungisa, (khangela kwiBhunga leeNkonzo nezakwaMoya zihleli apho), kanti ngaphakathi nizele luhanahaniso nokuchasene nomthetho.

247 Yintoni ukuchasana nomthetho? Yinto eneneni owaziyo ukuba ilungile uze ungayenzi. UYesu, ngoku khangela Yena wa . . . sesiphi isizukulwana Akubeka kuso oku ngoku.

Yeha nina, babhali baFarisi, bahanahanisindini! Ngokuba niwakha amangcwaba abaprofeti, nivathise amangcwaba amalungisa, 'yabona, "Owu, abaprofeti!"

Nithi, Ukuba sasikho thina ngemihla yoobawo, singe singabanga nabudlelane nabo ngegazi labaprofeti.

248 “Ngesakholwayo liLizwi leNkosi ukuba sasiphila phaya kudala.” Khangela.

Ngoko niyangqina kwanina, ukuba ningoonyana babo babulala abaprofeti.

Wuzaliseni kambe nina umlinganiselo wooyihlo.

249 Yiloo nto kanye le yenzekayo. Ngoku khangela into Awayithethayo apha.

Ziinyokandini, nzala ndini yamarhamba, ningathini na ukuwusaba umgwebo wesihogo?

250 Ningayenza njani loo nto? Ngoku uthetha nabalungiseleli, 'yabona, injalo loo nto, amadoda angcwele. Ningathini ukuma nisazi ukuba iBhayibhile ixele kwangaphambili ibaxelela abantu ukuba bangayenzi loo nto, nize nime nenzelelele ngenxa yeminqongo embalwa, yeedollar ezinukayo, ngenxa yodumo oluthile, nomntu othile oyakumbambazela emqolo akubize ngokuba ungu “Gqirha,”? Ungathini ukuthi uyabathanda abo bantu?

Ndishumayela kumakhasethi, kananjalo. 'Yabona?

251 Ungathini, ungathini ukuthi uyabathanda abo bantu, uze uvumele into enjengale ukuba yenzeke? 'Yabona? Nina—nina baFarisi, zimfamandini, ziinyokandini, nzalandini yamarhamba, niyakuwusaba njani umgwebo wesihogo? Xa nithi . . . Ingathini indoda namhlanje, eyaziyo ukuba ezi zinto azilunganga, ize ime ukuba ibambe ibandla layo, ukuze yenze ihlelo layo likhule, ize isilele ukuxelela abafazi namadoda? Uyakuyisaba njani ingqumbo yesihogo, ngeli thuba yayenzelwe wena? Uyakuyenza njani loo nto? 'Yabona?

252 Phulaphula, phulaphula apha. Iyakuba yintoni ke? “Ngoko ke . . .” Ivesi yama-34.

. . . *niyabona, mna ndinithumela abaprofeti, . . .*

253 “Ndini,” kwixesha elizayo. Nabo abafarisi bakho bebuya kwakhona. ‘Yabona?’”

. . . *nezilumko, . . . nababhali: niyakuthi inxenye kubo niyibulale niyibethelele eminqamlezweni; nithi inxenye kubo niyityakatye ezindlwini zenu zesikhungo, niyitshutshise kwimizi ngemizi:*

254 Waxela kwangaphambili ukuba Uyakuthumela abaprofeti, neLizwi leNkosi. Baye beyakwenza ntoni ke? Kwalanto inye ooyise babo bayenzayo, kuba leyo yinto oyiyo. ‘Yabona, imimoya ayifi. Ngabantu abangenwe yiyo abafayo, kodwa imimoya ayifi. Wathi, “Ningabantwana babo. Ningabo kanye.” Kwaye qaphela nje indlela eziyiyo ezi zinto.

255 Indlela awathi ngayo uPawulos oNgcwele wema apho (niyakholwa ukuba ungumprofeti?) wabagxeka abafazi, ngokunqothula iinwele; wawagxeka amahlelo abo; wavakalisa ukuba wonke umntu owayengabhaptizwanga ngeGama likaYesu Kristu unyanzelekile ukuba eze aphindwe ukubhaptizwa kwakhona. Injalo loo nto.

256 Kwaye namhlanje bayenzelelela bayifake iswekile jikelele. Abawazi umahluko, nangoko. Kulusizi. Ukuba iyure idlule, ndisenokukuthetha oku, ‘yabona: babeziimfama, baxelwe kwangaphambili ukuba bayakuba ziimfama. UThixo makabe nenceba. Abazange babe nakuyibona.

257 UYesu wathi, “Niziimfama. Babhalindini nabaFarisi abazimfama, bahanahanisindini! Ngeli thuba nifunda kwa ela Lizwi bathi bonke balifunda, naku ke nisiza niNdigxeka. Kwaye ngokuchanekileyo ndiyiloo nto iLizwi lathi iyakubakho ngalo mhla. Ndandimelwe kukuba ndibe nguMthunywa walo mhla. NguMesiya,” Watsho, ngamazwi amaninzi. “NdinguMesiya. Ingaba ndisilele ukukuqondakalisa oko? Ukuba andenzanga oko kubhaliweyo ngaM, ngoko Ndigwebeni. Kwaye nina baFarisi bazimfama nikhokelela abantu nibakhuphela kanye kwinto efana naleyo, nize niluthumele lonke elo qela.” Wathi, “Ke, imfama ikhokela imfama.” Wathi, “Nizi . . .”

258 Nina nithe, “Owu, ukuba sasiphile phaya kudala ngexesha likaPawulos oNgcwele, ewe, ngendathabatha icala likaPawulos oNgcwele.”

259 Bahanahanisindini! ‘Yabona? Kutheni ungathathi icala leMfundiso yakhe nje? Ngenenza kwa into enye ngoko nale niyenze namhlanje, ngokuba ningabantwana booyihlo, ooyihlo bobuhlelo: abafarisi, abasadusi, nabazenza ngcwele. Yiloo—yiloo nto. Aha. Ndiyanixelela, kwaye—kwaye iyure le siphila kuyo, ndiyamangaliswa ukuba ayingebe luTsalo lweSithathu na

olu? Umzuzu nje ngoku, 'yabona, uYesu wathi, "Aba bafanelwe lolona gwebo lukhulu." 'Yabona? Asiyonto yoyikekayo leyo?

²⁶⁰ NjengomMelika omkhulu, ngaxesha lithile, xa utshaba lwalungela ukuthabatha eli lizwe, kukho indoda ngeyure yenzulu zobusuku, eyaphuma yaxhumela phezu kwehashe yaphalisa isihla ngendlela, ikhwaza, "Utshaba luyeza!" YayinguPaul Revere.

²⁶¹ NdingumMelika, nam. Kwaye ndiyaphalisa, kule yure yenzulu zobusuku, ndingathi utshaba luyeza, koko lulapha! Aluzi; selulapha! Seloyisile. Ndiyoyika ngokuba kuphelile; ukoyiswa, ngale yure yenzulu zobusuku.

²⁶² Khumbula, eTuscon, iiNgelosi ezisixhenxe, ngokuba yayiyintoni na uMyalezo, "Ukupheleliswa kwemfihlelo kaThixo." Ngokukhawuleza emva koko, ekuhlени ulundi. . .

²⁶³ Nakhe neva nonke ngezoo ntaba. Qaphela. UMzalwana Fred wayithabatha imifanekiso yayo, noMzalwana uTom. Kwaye ndinayo imifanekiso ethile, imifanekiso ehambayo, nayo yonke into. Sikuyibonisa apha ngenye imini, sinibonise kanye nje ukuba kwakuphi na. Niyalazi elo bali nonke.

²⁶⁴ Khangela, iinduli ezintathu. Wathi, "Nalo olokuQala lakho, elesiBini, nolweSithathu."

²⁶⁵ Kwaye uMzalwana uFred unomfanekiso onguwona uphume phambili wayo, ngethuba yena noDade uMartha babeledlula. Amafu ayenyukile ukusuka ekunyakameni komhlaba, aze azifihla eziseleyo zazo, ubonisa nje oko kuTsala kuThathu; enye *apha*, enye *apho*, nenye *phaya*. 'Yabona? Isixhenxe!

²⁶⁶ Khangela, olokuQala, iSithathu. ISithathu yingqibelelo. Kuxa imfihlelo yathi yavela.

²⁶⁷ KuTsalo lwesiBini yayikukucalula oomoya, ukuprofeta. (Elokuqala yayikukuphilisa abagulayo.) ElesiBini yayisiprofeto esaphumayo, saze sazi imfihlakalo yeengcinga, ngethuba iLizwi ngokwaLo lathi labonakalaliswa. Olo ke, lubabalo.

²⁶⁸ Kodwa, khumbula, eyesixhenxe kukugqiba. Ingaba olu luTsalo lokugqibela, kuphele konke? Ingaba kunjalo? Yicinge loo nto ngoku. Cinga nje. Uphi apho sikhoyo? 'Yabona? Isixhenxe sisoloko sigqibela. UkuTsala okuthathu!

²⁶⁹ Ulungiselelo lukaYesu lwalwenziwe kukuTsala okuThathu. Ubuyazi loo nto? Qaphela! Kwaye unyaniseke, ukuba wakhe wanyaniseka ebomini bakho, ngoku okomzuzu nje, imizuzu embalwa.

²⁷⁰ UTsalo lwaKhe lokuQala yayiyimpiliso yabagulayo. Waba yindoda edume kakhulu. Wonke umntu wayekholwa kuYe, kwakhangela njalo. Ingaba kunjalo? Ngethuba wathi Wahamba ephilisa abagulayo, wonke umntu wayeMfunu kwinkonzo yakhe.

271 Kodwa ngenye imini Wabuya wajika waqala ukuprofeta, ngokuba Yena wayeliLizwi, kwaye Wayengulaa Mprofeti wathetha ngaye uMosisi. Kwaye Wahamba ukuya kubaxelela, ebaxelela indlela ababephila ngayo, nezinto ababezenza, Akazange adume kakhulu. YayiluTsalo lwaKhe lwesiBini olo.

272 Ndimangaliswa kukuba ingaba kuzenze umzekelo waphaya emva na kwakhona? Yicinge nje okomzuzu. Ingaba kunjalo? OlokuQala, yimpiliso, wonke umntu. OlwesiBini: “Owu, inganguYesu Yedwa. Ingaba nguBhelezabhule, ingaba ngu...” Yiloo nto inye bayenzayo ngoko. ‘Yabona? Loo mimoya minye isaphila kuhlobo olunye lwabantu, abantu abagwetyiweyo abangenakuze basindiswe, ukuba babegwetywe ngaphambili; bona, njengoYuda Skariyoti, wazalwa engunyana wentshabalalo.

Uthi, “UYuda?” Ngokuqinisekileyo.

273 Khumbula, wayelikholwa kakhulu, kodwa akazange ahambe yonke indlela kunye noMyalezo. Wayenako ukuthatha inxenye yawo, kodwa okuseleyo kwawo wayengenakuwuthwala. Bangayithatha impiliso nezinto ezilolo hlobo, kodwa kuthi kwakufika kuThixo ethetha kubekho onomatse, ngoko loo nto inzulu kakhulu kubo. “Ayinakwenzeka!” YayinguYuda lowo. Umoya wakhe ungaphila ude uyokufika nje kuloo ndawo. Akanakuba sayihamba emva koko. ‘Yabona?’

274 Babenokumthabatha uMosisi ngokukuko ekuvuleni kwakhe uLwandle oluBomvu, nezinto ezinjalo ezinjengaleyo. Kodwa kwathi kwakufika ekubeni axele, babengekhe, bebonke babengamelwanga kukukwenza *oku* okanye *okuya*, okanye *okunye*; “Uzenza uThixo, phezu kwethu.” ‘Yabona, babengenakuyihamba loo ndawo, uKora nabanye. Ngoko, kwakunyanzelekile ukuba babe nombutho, ngoko uThixo wabaginya nje baphela.

275 Ulungiselelo lukaYesu, ngethuba Wayephilisa abagulayo, “Wayengumntu omangalisayo, laa Mprofetiuselula waseGalili! Kuba, Wenza ukuba iimfama zibone. Uvuse nabafileyo. Sinabathathu kwababefile. Wabavusa ngenene abafileyo.”

276 Kodwa ngenye imini Wajika, Wathi, “Nzalandini yamarhamba. Nicoca umphandle wesitya. Nikhangeleka ngathi ningwele, kodwa ngaphakathi kwenu, akukho nto niyiyo koko niligquba leenyoka.” Owu, sathi eso siprofeto sakuphuma, sigxeka loo mbutho, kwatshintsha ke ngoko. BaMjikela. Injalo loo nto. Kwaze kwathi ekugqibeleni, ngokuMala, baMbethelela.

277 Kodwa awunako ukubulala uLungiselelo. Luphila lubheke phambili. Ungamenza alale umthunywa, kodwa awungekhe uwenze njalo uMyalezo. Aha. Kunjalo. Waphila wabhaka phambili. Kwaye qaphela ngethuba uTsalo lweSithathu lolungiselelo lwaKhe lwafikayo. OlokuQala yayikukuphilisa abagulayo.

278 OlwesiBini yayikukukhalimela amahlelo, nokuprofeta; into abayenzayo, into abebyeyiyo, nento eyayisiza. Yintoni, yintoni, eyakuza; nokuba yintoni eyayikho, yintoni ekhoyo, nokuba yintoni na eyakuza. Nantso into Awayenzayo. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

279 Kodwa uTsalo lwaKhe lweSithathu lwaluxa Washumayeza abalahlekileyo abangenakuze basindiswe kwakhona. Babephaya ezantsi lawo makhulu, aqatiwe amehlo ayekhona, “Uhu, uhu!” Washumayela kwimiphefumlo esesihogweni, eyayingayamkeli inceba, kodwa yayahlukaniswe ngoNaphakade kuBukho bukaThixo. Kodwa nangoko abazange bayiqonde loo nto, into Awayeyiyo, ngokuba uThixo waMenza apho.

280 Ndiyamangaliswa ukuba ingaba ulungiselelo lwaKhe lunyukela kwindlela enye kwimihla yokugqibela, njengokuba lwalunjalo? “Njengokuba uBawo waNdithumayo, ngokunjalo Ndithuma nina mna. Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani.”

281 Abalahlekileyo, abangenakuze basindiswe. Babeyalile inceba. YayiluTsalo lwaKhe lwesiThathu olo.

282 Ngoku ingaba kukho umbuzo? UTsalo lwaKhe lokuQala, WAPHILISA ABAGULAYO. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] ULungiselelo lwaKhe lwesiBini, WAYEPROFETA. ULungiselelo lwaKhe lwesiThathu WAYESHUMAYELA KWABALAHLEKE NGONAPHAKADE. Iintaba ezintathu, njalo njalo; abalahlekileyo, ngoNaphakade!

283 Ulungiselelo lukaNowa, lonke ulungiselelo, lwenza into enye. UNowa washumayela. Injalo kanye loo nto. Wangena enqanaweni. Wathi akungena enqanaweni, kwakukho iintsuku ezisixhenxe ekwathi akwenzeka nto ngazo. Ubungqina bakhe bushumayela kwabagwetyiweyo.

284 ISodom neGomora! UYesu wabhekiselela kuzo zombini njengokuza. “Phambi kokuza koNyana womntu, kuyakubanjalo ukuba njengemihla kaNowa, kuyakubanjalo ukuba njengemihla yeSodom.” Wabhekiselela kuNowa.

285 UNowa wayenoTsalo oluThathu, kwaye olwesiThathu lwakhe lwalusiya kwabalahlekileyo emva kokuba ucango lwasele luvaliwe. Kuba, uThixo wayiyeka yahlala apho, apho kwakungekho mntu unokungena okanye aphume. Babengaphakathi bona. Kuba, (njengaphezu kwentaba yesixhenxe) eyona ntaba iphakamileyo, kulapho Yahlala khona inqanawa, entabeni. 'Yabona? Ingaba kunjalo?

286 Ngemihla yeSodom, uTsalo lokuQala yayililungisa uLothe. Kwaye iBhayibhile ithe, “Izono zeSodom zawuthuthumbisa umphefumlo wakhe olungisayo imihla ngemihla,” indlela abafazi ababeqhuba ngayo.

287 Niyakhumbula, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa.” Babesenza ntoni? “Babesidla, besela, bezeka, besendisa.” Abafazi, ’yabona, abafazi. Yayiyintoni ngemihla ye—yeSodom? Ngabafazi.

288 Umyalezo wokuQala yayinguLothe. Bamhleka bephoxisa.

289 Baze bathunyelwa abanye abathunywa, ababini, baze behla. YayiluTsalo lwaKhe lwesiBini lukaLothe. . . lweSodom.

290 Kodwa khangela kuLowo waya ekugqibeleni, kukho enye inceba engaphezulu. Kwasekuphelile ngoko, kwasekuphelile konke ngelo xesha. Loo Mthunywa wesithathu wathi wehla apho, uTsalo lwesiThathu wayeyintoni Yena? Yayiluhlobo olunjani lolungiselelo Awayenalo? Wahhala nabanyuliweyo, waze wabaxelela oko kwakusenzeka emva kwaKhe. Ingaba kunjalo? Kodwa wathi Akuhla ebhekisa eBhabhilon, okanye eyakungena eSodom, Wafuna ukufumana. . .

291 No-Abraham ngokwakhe, ekhala, “Ukuba ndinokufumana amalungisa angamashumi amahlanu?” Konke ukuhla ukuya kwi “shumi lamalungisa?”

UTHixo wathi, “Ewe, fumana ishumi lamalungisa.”

292 Mandikuxelele into ethile, dade, umzuzu nje. Usenokuba ungowodidi lwakudala, kodwa unento ethile abakumkanikazi bokwazana kwendoda nomfazi abangenayo. Unento ethile angenakuze abe nayo. Kunjalo. Usenokuba ungowodidi lwakudala ngokunxiba kwakho, unxibe njengenenekazi. Basenokuthi, “Khangela kula mqengqeleki ungcewele mdala.” Musa ukukhathazeka. Unento ethile loo kumkanikazi mncinane wokwazana kwendoda nomfazi, onehlabathi liphela lijonge kuye phaya phandle, angenayo. Akanakuze abenayo. Ulahlekile, ngoNaphakade. Ugwetyiwe. ’Yabona? Akangeze. . . Unokuziphatha kakuhle; unesidima. Akukho nto anayo yena. Unelobi ebambisa ingenise imiphefumlo elahlekileyo esihogweni. Iimfama zihamba ziyokutshona kuyo. Ngoku, unento ethile wena.

293 Uyazi, usenokungabikho nkqu kwincwadi yenkonzo, kodwa kusenokwenzeka ukuba bubomi bakho bobulungisa ukubamba ingqumbo kaThixo ukuba ingaweli ihlabathi. Ihlabathi alisayi kukholwa yiloo nto. Nina madoda nibizwa ngokuba ningabaqengqeleki abangcewele, wena ndodana ingazi kwanto, kodwa ukhala kuThixo, imini nobusuku, ngenxa yezono ezilapha elizweni, isenokuba nguwe obambe loo ngqumbo ingawi. “Ukuba Ndingafumana ishumi, ndiyakuyisindisa. Ukuba ishumi Ndingafumana ishumi!” “Njengokuba kwakunjalo ngemihla yeSodom, kuyakubanjalo.” ’Yabona ukuba ndithetha ukuthini na?

294 Hayi, “Ukuba Ndingafumana amaWisile alishumi, ukuba Ndingafumana ishumi lamaBhaptizi, ukuba Ndingafumana ishumi labakwaMoya, ukuba Ndingafumana ishumi leembaleki,

ukuba Ndingafumana ishumi labaphathiswa, ukuba Ndingafumana ishumi labalungiseleli.”

²⁹⁵ Kodwa, “Ukuba Ndingafumana ishumi lamalungisa!” Ukho Olilungisa, nguKristu. UKristu uphila ngaphakathi, Lowo ungaphakathi kwabo—kwabo balishumi, ‘yabona, “Ndiyakubasindisa.”

²⁹⁶ Kodwa umthunywa wokugqibela washumayela kwabagwetyiweyo. Uthi . . . Wehla waya apho. ISibhalo asixeli ukuba kwenzeka ntoni na, kodwa umlilo wawa ngentsasa elandelayo, injalo loo nto, emva kokuba Yena wenza loo miqondiso, kwamsinya emva kokuba Wenza ulungiselelo lwaKhe lokuprofeta. “Uhlekele ntoni uSara?”

Wathi yena, “Andihlekanga.”

Wathi, “Ewe, uhlekile.” ‘Yabona?

²⁹⁷ Ngoku, ngokukhawuleza emva koko, yaYa kungena eBhabhilon, okanye yehla yaya kungena eSodom. Ayizange ibafumane, ngoku umlilo wawa. Yafumana uLothe neentombi zange ezimbini, yathi, “Phumani apha ngokukhawuleza ngoku.” ‘Yabona? Yaphuma. Yehla yaya apho. Khumbula, Yona yayisendleleni yaYo ehlayo. Yayithumele izithunywa phambi kwaYo, kodwa Yona yehla ngokwaYo, kunjalo, ukuya kufumanisa ukuba yonke into yayinjalo na. Yaze Yayifumana izaliswe yintoni? Ngabafazi abaqabe ubuso. UMyalezo oya kwabagwetyiweyo. Bayakwenza ntoni? Bawuhleka.

²⁹⁸ Benza ntoni namhlanje? Kwaloo nto inye. “Ndingowe-Assemblies. NdingowoBunye. Ndi—ndi . . . Ndikhe ndaxhentsa ndikuMoya. Uzuko kuThixo, ndiyathetha ndiku . . .” Kulungile, qhubela phambili. “Ndiyakuzicheba iinwele zam ukuba ndifuna ukwenza njalo. Ndiyakwenza oku. Ndi—ndiyakuthetha nje oku. Andinyanzelekanga ukuba ndibhaptizwe eGameni likaYesu. A—andikhathali nokuba kuthethwa ntoni na. UPawulosi wayengumthiyi-bafazi omdala, nanjani na. Loo nto yi . . .” Kulungile, qhubela phambili.

²⁹⁹ Ngolunye lwezintsuku, ukuba akusenzalongo, niyakuwuwela loo mgca. Anisayi kunqwena kwakhona ukuba nenze okulungileyo. Niyivile into endiyithethileyo? Ngumcimbi. Mzwalwana, dade, niyayiqonda into ethethiweyo? Niyakuwuwela loo mgca, kwaye anisayi kufuna ukuyenza loo nto. Niyakuhlala niyiva iVangeli, ngokuqinisekileyo kodwa aninakuze niYamkele. Aninako ukuYamkela. Kodwa iVangeli iyakushunyayelwa kwabagwetyiweyo, kwabo balahleke ngoNaphakade, bangenakusindiswa, kwakhona. Senikuloo ndawo ke, nibe ningazi. Nicinga ukuba niphila eziyolweni, nibe nifile ngoku nidla ubomi.

³⁰⁰ Owu, phulaphula. Bonke abo bawalileyo uMyalezo weyure, ngaphambi komgwebo, iVangeli yashunyayelwa kwabagwetyiweyo, kuqala, ngaphambi kokuba bahambe;

ngokungaphandle kwenceba. UNowa, wavala, waba bubungqina. UThixo waluvala ucango, emva koTsalo lwesiThathu. Emva koTsalo lwesiThathu eSodom, iingcango zavalwa. Kwakungasekho nceba. Ishumi lalingenakufunyanwa. Kwaye abalahlekileyo babenayo iVangeli ishunyayelwa, ababengenakusindiswa, ngokuba yayikukuthi nje... Kwahlala kuyiloo ndlela kwisigaba ngasinye sexesha, sigaba ngasinye siyawala uMyalezo ngaphambi koMgwebo.

³⁰¹ Ingaba bayenzile loo nto kwakhona? Ingaba oko kuvela kuyiNtsika yoMlilo apha ezantsi phezu komlambo? Ingaba okwa kuvela koMyalezo osika abafazi, uze ujule indawo apho bamele ukuba khona, ukhalimele abo balungiseleli bathabatha indawo kwicala lehlelo endaweni yokuhlala neLizwi, ngeli thuba, uThixo athe waqondakalalisa ngokupheleleyo ukuba nguYe lo, ingelosizana lwento engazinto engafundanga enjengomntu. NguThixo! Ingaba sifikelele kwindawo ke apho uTsalo lweSithathu luyakubuyela kwakhona kwabalahlekileyo, ngoNaphakade?

³⁰² Ingaba lowo yayinguloo mbono ndawunikwayo, njengenkwenkwe nje encinane yento phaya ngaphesheya? Kwaye ndiye ndaya eNtshona, kwaye kukho uMnqamlezo wegolide weVangeli obengezelayo usihla, uqondakalisa ukuba ngumqondiso ovela eZulwini, ngokuchanekileyo nje. Khumbula, uMnqamlezo wabonakala, unjenge— njengephiramidi, kanaanjalo, wakhiwe. 'Yabona? Ingaba oko yile ndawo iyintloko apho kuphelele khona, kwaze kwaqala *apha* kwayakufika ebuntlokweni?

³⁰³ Njengephiramidi, eyenyuka ukuphumela kuLuther, uWesley, iPentekoste, ukuze ke kulandele ukucika kwelitye. Ingaba yiloo nto le? Ukuba yiyo leyo, siphi ke? [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kasixhenxe epulpitini—Mhl.] Loo nto, isenokuba yiyo. Ndithemba ukuba asiyiyo, kodwa kunyanzelekile ukuba ibe yiyo. [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kathathu epulpitini.] Inyanzelekile ukuba ibe yiyo. Khumbula nje, loo malungiselelo anyanzelekile, asoloko enxibelelana kanye eyinto enye nje. Olunye nolunye. Kumelwe kukufika oko. Kwaye uThixo akatshintshi. Yicinge loo nto!

³⁰⁴ Luma isazela sakho ngamazinyo akho omoya, ufumanise ukuba siphi na. Kunokuthini ukuba yiyo leyo, kube useyile ndlela uyiyo? Ngoko usenokusuka nje uhambe... Kuphelile ngani, kwabo bangaphandle. Emva kokuba iNcwadi yathatyathwayo yiMvana, iTywina leSithandathu lityhiliwe nawo onke aMatywina, kuphelile. Kungenzeka. Ndiyathemba ukuba akunjalo. Kungenzeka. Kulungile.

Ngoku, ingaba seso sizathu esibangele ukuba olu Tsalo lwesiThathu lube lundindize ithuba elingaka?

³⁰⁵ Uyaqaphela, uTsalo lokuQala noTsalo lwesiBini ahambe ukusuka kolunye ukuya kolunye. Ndaxela kwangaphambili, niyakhumbula, ngethuba ndandiqala ukuqalisa, malunga nolokuQala. Ndaze ndathi, “Kuyakufika ixesha apho Luyakuthi lwazi iimfihlelo zentliziyo.” Niyakhumbula? Bangaphi? Kuba, nonke niyayikhumbula loo nto, kwiinkonzo zam jikelele. Kwaze kwathi ngobunye ubusuku ndaya kungena nje eRegina, phaya phezulu, ndahamba ndaya eqongeni; wabe uMzalwana uBaxter elapho, amawaka athile abantu. Kwaze kwenyuka indoda yeza eqongeni, [UMzalwana Branham uqhvakraza umnwe wakhe kanye—Mhl.] yaba yiyo leyo. Kwaye ukusukela ngoko kuhleli kuyinto enye.

³⁰⁶ Kodwa sekuyiminyaka [UMzalwana Branham unkqonkqoza kambalwa epulpitini—Mhl.] ukusukela ndaphumayo entsimini, mine, kumalunga neminyaka emihlanu ukusukela ukumka kwam. Yintoni na? Yintoni eyenze oko? Ingaba kungeso sizathu ukuba kube njengasekuqalekeni, kwiGenesis, “Ukuzeka kade umsindo kukaThixo”?

³⁰⁷ Khumbula, xa Wenza ihlabathi, ngomhla wesixhenxe Akazange enze nto. Waphumla. 'Yabona? Ukuzeka kade umsindo kukaThixo kuloo nyaka wesithandathu, engathandi ukuba kungatshabalala bani, kodwa bonke babenokuza enguqukweni. Ukuzeka kade umsindo kukaThixo.

³⁰⁸ Kwakhona, kananjalo, kwiGenesis 15:16, ukuba ufuna ukuyibhala, 16,15. Waxelela u-Abraham, “ngaphesheya phaya kulaa mhlaba wama-Amori, ukukreka kwabo,” babeziNtlanga ngoku. “Andinakukuthatha ndikuse phaya, kwanguku, kuba ubugwenxa bama-Amori, iiNtlanga, abukazaliseki. Kodwa ndiyakuwagweba. [UMzalwana Branham unkqonkqoza kambalwa epulpitini—Mhl.] Ndiyakuza kweso sizukulwana sesine, ndize Ndisigwebe eso sizukulwana ngentonga yentsimbi.”

Ingaba kunjalo?

³⁰⁹ Ingaba kube lithuba elide kangako, ukuze ukuzeka kade umsindo kukaThixo, kulungiselelo oluqhubekayo, ngamakhasehi nayo yonye enye into, lube lurhangule kwihlabathi jikelele, ukuze lubone ukuba akusekho omnye na ongomnye? Kodwa mhlawumbi lowo wokugqibela ungene kwakutshanje. Ingaba ibubugwenxa obe buqhubeka ixesha elide kangaka? Ukuba uYesu ukwayinto enye, leyo Ayiyo, kumaHebhere 13:8, uMyalezo waKhe ufanelwe ukuba ube yinto enye. (Silungiselela ukuvala.) Isenzo saKhe simelwe kukuba sinye.

³¹⁰ Ukuba olokuQala noTsalo lwesiBini lungaphandle kobuzwa! Ingaba ukho umbuzo engqondweni yakho malunga nolokuQala noTsalo lwesiBini? Ingaba loo nto yenzeke kanye njengokuba Watshoyo? [Ibandla, “Amen.”] Ngoko kutheni ukuba lubuzwe

olwesiThathu? 'Yabona? Kungani ukuba niLubuze? Awokuqala amabini ayeqondakalaliswe siSibhalo. Ndiyiqondakalalisile loo nto kuni kusasanje ukuba olwesiThathu kukwaziswa ngeSibhalo, kananjalo.

³¹¹ Khangela phezu kwehlabathi, bona ukuba liphina. Khangela indlela abayale ngayo iNyaniso, nendlela ethe yaqondakaliswa ngokupheleleyo ngayo, le ndawo isisiprofeto. Ngoku siphil na? Owu Thixo, yiba nenceba! Loo nto iyenza intliziyo yam yophe ngaphakathi. Kuthiweni ngayo? Siphil apho sikhoyo?

³¹² Khumbula, ezi ncopho zisixhenxe phaya phezulu, zazinokukuxelela. I... Akukho ncopho ngaphaya kwazo. KukuMda weMpelazwe. Ziyekungena kanye entlango, ukusuka apho ukuya phambili. Kungena ingunaphakade. Iincopho ezisixhenxe, kanye kuMda weMpelazwe. Apho kuphakathi kokulungileyo nokungalunganga kanye. Kwaye ekupheleni koko, uTsalo lwesiThathu lwaluTsalo lokugqibela lololundi. Ingaba kunjalo? 'Yabona? Kulungile.

³¹³ UNowa waya kungena, kwaze kwathi emva kweentsuku ezisixhenxe, akwabakho nto yenzekayo, 'yabona. Kwiintsuku ezisixhenxe umgwebo wafika. Ukuba nje... Phulaphula ngoku, xa sivala. Ukuba nje, ngexesha likaNowa, ngebabewazile la mqondiso! Ukuba nje babazile! Ngoku ndizakuvala. Ukuba nje babewazile loo mqondiso, ihlabathi ngaloo mhla! Ukuba, uThixo uwuqondakalalisile apha, ngokufundwa kweSibhalo, emzuzwini odlulileyo, Wabatshabalalisa abo bantu.

³¹⁴ Kungengakuba yayingekho inceba; inceba yayithunyelwe ngobuprofeti. Abazange bayikholelwe. UThixo unenceba, kodwa, Wathumela inceba kodwa abazange babe nakuyamkela. Uhlala ethumela inceba njalo, kuqala.

³¹⁵ Bekunokuthini ukuba babewazile loo mqondiso ukuba yayilixesha lesiphelo? Kwaye bathi bakubona, kwathi ngequbuliso, usindiso lwayekelela akwabikho mntu... 'Yabona? Nje, into yokuqala uyazi, ucango lwaba luvaliwe. Ukuba bona... Mnye kuphela umntu owawaziyo loo mqondiso, yayinguNowa lowo neqela lakhe. Nguye kuphela ke owaziyo. Xa olo cango lwajijekayo lwahlangana, uNowa wayeyazi loo nto. UNowa wazi ukuba kwakugqityiwe. Wayazi loo nto. Injalo loo nto. Ukuba beniwazi nje umqondiso!

³¹⁶ Owu, ukuba babewazi nje loo mqondiso, xa bambonayo Lowo engena apho, owayephaya phezulu kunye no-Abraham!

³¹⁷ Ukuba nje babazile ukuba laa Billy Graham walaa mhla, wehla waya apho, inguye no-Oral Roberts, bashumayela laa Myalezo kwabo bantu bamfanyekisiweyo! Ukuba banokwazi nje, laa malungisa akudala amaWisile namaBhaptizi phaya emva ukuba bekukho umqondiso wawo waloo mhla, uLothe, xa izono zayithuthumbisayo kwa imiphefumlo yabo. Ngoko

amaWisile namaBhaptizi ajika angena entweni? Kanye njengokuba wenzayo uLothe, ikwayinto enye. Kodwa amalungisa, phaya ngaphandle, aphuma. Ngokuqinisekileyo.

³¹⁸ Ungathini ukuba bekunjalo xa uBilly Graham wehlayo, benyukela ukwenza isigqibo, kuhlafunwa iintshungama, kugojwana, kuhlekwa, kunqothulwe iinwele, ubuso buqatywiwe, kungekho nento encinane anokuyenza malunga nalo nto. Kubuywe ngemini elandelayo, waze uBilly wathi, “Ndinamashumi amathathu amawaka; ndibuye emva konyaka, ndibe ndingenawo namashumi amathathu.”

³¹⁹ “Owu, ndisenzile isigqibo. A—a—andiyi esihogweni; ndiya eZulwini,” grampuza kanye ebheka phambili esonweni. Ukuba nje bebenako. . .

³²⁰ Ukuze ke ngoko iVangeli ibe ishunyayelwe ngaMandla nemiqondiso nemimangaliso, neNtsika yoMlilo iphezu kwayo, nayo yonke into iqhubeka kanye nje ngokuchanekileyo, uxele kwangaphambili uze uhlalise ngendlela. Ukuba bebe. . . Bathi, “Iqela labaqengqeleki abangcwele. Kukufundwa kwengqondo ngobuchule obuthile. Luhlobo oluthile lomoya wobugqwirha. Umtyholi, nantso kuphela into Eyiyo. Musani ukuYikholelwa. Ayikho kumbutho wethu. Asinanto yakwenza nalaa Nto.” Ukuba nje bebewazile umqondiso! Ukuba nje bebazile!

³²¹ UYesu wathi, wathi, “Ukuba ubuwazile umhla wakho, Yerusalem. Ukuba nje ubuwuqondile! Kodwa,” wathi, “ngoku nishiywa nedwa.” ‘Yabona? ‘Ukuba nje ubuwazile. Owu Yerusalem, Yerusalem, kufuthi kangakanani na Ndithanda ukunibuthela ngaphantsi kwamaphiko njengokuba isikhukazi sisenza kumantshontsho aso, ukunisusa kwimigwebo le izayo! Kodwa aniwazanga umhla wenu.” “Ubaxulube ngamatye abaprofeti, wawabulala amalungisa, ukuba nje ubuwazile umhla wakho! Ukuba nje ubuwazile, wabe umi kwiSibhalo sakho, uze wazi ukuba ukuza kwaM kwakungumqondiso wesiphelo sakho. Ngoku uyimfama. Ngoku ukhalingelwe. Ixesha lakho liphelile.” Kwaye kwakunjalo. Injalo loo nto. “Ukuba nje ubulazile ixesha!”

³²² Khangela, ngethuba uYesu wasenzayo esa sibhengezo, ihlabathi laqhubekela phambili nje. ‘Yabona? Ihlabathi laqhubekela phambili, ngokuqhelekileyo. Kuba? Kuba babengayazi iyure yabo.

³²³ Ihlabathi laqhubela nje phambili, ngethuba uNowa wangenayo enqanaweni. Ihlabathi laqhubela phambili nje. Abagxeki, ngaloo mhla, babesaqhubela phambili ngemigidi yokwazana ngokwesini. Basadla, bayasela, bayatshata, benza ezo zinto bazenza namhlanje. Ngokuchanekileyo kanye, ngokuqhelekileyo. “Ha-ha! Laa mqengqeleki ungewele mdala ulualile ucango. Ngoku, nakhe nayiva into enjalo? Ha-ha!

Uyazi ukuba uthini? Sizaku 'rhaxwa' sonke. Yimfeketho! Aphi loo manzi?"

³²⁴ Abagxeki, ngemihla kaNowa. "Kuyakuba njalo ekuzeni koNyana womntu." Kulungile. UNowa wawazi umqondiso. Kwakuyinto enye ngemihla kaLothe. Kwakuyinto enye ngemihla kaYesu. Kunjalo namhlanje. Bayaligxeka ixesha labo lokugqibela...?...

³²⁵ Kwakuyinto enye eSodom, babengazi. Ngethuba laa Mthunywa wayemi apho, uMyalezo ovela kuThixo, babahleka nje bazama ukubaguqulela kwizenzo zabo. Ingaba kunjalo? "Yizani nijoyine kuthi. Yibani ngabanye bethu." Ingaba kunjalo? "Ngenani nize kusijoyina, yibani ngabanye bethu. Niyakuba ngabanye babafana. Yizani, sijoyineni." 'Yabona? Abazange bawazi umqondiso wabo.

³²⁶ Babengazi ukuba xa laa Myalezo wawuqhubeka, ukuba kwaloo nto... Babengenakuyibona, into yokuba umlilo nengqumbo yomgwebo, njengoThixo, umlilo ovutha isulfure wawubila esibhakabhakeni. Babengenakuwubona. Abathunywa babenako. Aha. ULothe wayesazi, naye. Wayesazi ukuba ukho. Ngokuqinisekileyo.

³²⁷ Yinto enye namhlanje, yinto enye kanye. Umsindo uyabila, iziqhushumbisi ze-atom ziyajinga, yonke into isekupheleni. Kuyinto enye ngoku.

³²⁸ Khangelani, bantu, phulaphulani. Benisazi...nithi, "Mzalwana Branham, owu, kuthiweni ngaloo nto yonke?" Uyazi, abantu bangaqhubela phambili nje beshumayela iVangeli kanye njengokuba bebehleli besenza, loo nto bayibiza ngokuba yiVangeli, kusenokuba kuphelile. Benza njalo ngemihla kaNowa. Benza njalo ngemihla kaLothe. Benza njalo ngemihla kaYesu. Ingaba kunjalo?

³²⁹ Nkqu amaJuda, emva kokuba uYesu wawaxelela ukuba umsindo... "Kuphelile ngani. Kugqityiwe ngani. Akusekho nto. Kugqityiwe ngani."

³³⁰ "Owu," batsho, "laa mqengqeleki ungewe. Uphuma kwesiphi isikolo Yena? Ingaba Wayevela phi, laa nto?"

³³¹ Khumbula, Wayesele elungele uTsalo lwaKhe lwesiThathu. Aha. Injalo loo nto. Wathi, "Kufuthi kangakanani na Ndithanda ukunihlanganisela ngaphantsi kwamaphiko!"

³³² ULothe wenza ubizo lwakhe lokugqibela...okanye, ndithetha, ingelosi eyenza njalo, umthunywa, nokuba yayingubani na. UThixo umisele ukwenzela le mini, uThixo emelwe ekwinyama yomntu, wenza umqondiso wakhe wokugqibela, wenza umsebenzi wakhe wokugqibela. Kwakuphele konke ngoko.

333 UNowa washumayela intshumayelo yakhe yokugqibela; ucango lwavala emva kwakhe. Kwakuphelele apho. Bayihleka loo nto, bahlekisa ngayo.

334 Cinga, abantu bangaqhubela phambili kanye ekushumayeleni! Ibhunga leeNkonzo lingaya kujoyina ibandla lobuKatolika, kanye njengokuba bethembise ukwenza njalo. Yonke imibutho ingeza, kodwa uphawu lwerhamncwa seluphaya. Bayalithatha, kulaa nto. 'Yabona? Kwaye bathi, "Owu, haleluya makabongwe uThixo, baninzi kakhulu abasindiswe phezolo." Basindisiwe? "Baxhentse bekuMoya. Bathethe ngeelwimi." Loo nto ayithethi nento enye. 'Yabona? "Owu, bathobekile bathozamile bazithobile. Ewe, mhlekazi. Banaso isiqhamo soMoya." Ngomqondiso lowo. Nakancinane.

335 Makhe ndininike isiqhamo soMoya, phakathi koYesu nabaFarisi, nibone ukuba nguwuphi owayenesiqhamo soMoya. Bekunokuthini ukuba bendinokuma, njengokuba ndiqalisile ukuyithetha loo nto kwithuba elincinane elidlulileyo, ngokubhekisele kuKristu ngoku okomzuzu nje? UThixo makandixolele nangokuba ndithethe nje loo nto, 'yabona, kodwa ukunibonisa nje into ethile.

336 Bekunokuthini ukuba bendinokuza kuwe ndithi, "Nithi, nina bandla, ngubani umhlobo wenu? Ngubani obonakalisa isiqhamo soMoya? Ngumpriste wenu omdala onobubele. Ngubani oza kuni esibhedlele xa nigula? Ngumpriste wenu omdala onobubele. Injalo loo nto. Ngubani ohlala eniboleka imali xa niyiswele, nikwingxaki naloo nto? Nina malungu ebandla lakhe, aniyi kumpriste wenu omdala onobubele aze aniboleke imali? 'Yabona? Ngubani ohlala enothando enobubele, ebonakalisa isiqhamo soMoya? Umpriste wenu omdala onobubele.

337 "Ngubani lo wafunda iminyaka ngeminyaka, kwisynagogue phaya ezantsi, apho uyisemkhulu-mkhulu-mkhulu-mkhulu-mkhulu-mkhulu-mkhulu wayephuma khona, konke ukuhla? Ngubani owafunda waza wafumana... wasebenza nzima izidanga zobugqirha neePh.D nee LLD, ukuze azi eli Lizwi, aze eme apha anikezele ngalo kuni njalo ngentsasa yangeCawa ebandleni lakhe? Umpriste wenu omdala onobubele.

338 "Ngubani le ndlavini, ibizwa ngokuba, 'Yesu'? Wayevela kwesiphi isikolo Yena? Uphuma kwesiphi isikolo Yena? Liphi ikhadi laKhe lobudlelane? Ngowuphi umbutho Angowawo?

339 "Wenza njani xa sukube nonke nixambulisanana elusatsheni? Ngubani ozayo kuni? Ngumpriste wenu omdala onobubele, ukuzama uku...Kwaye ninokuxambulisanana eninako nalo mmelwane ungaphaya, aze umpriste wenu omdala onobubele eze anilungise. Athi, 'Nonke ningabantwana bakaThixo. Animelwanga kukuyenza loo nto.' Yiloo nto a...

340 “Yintoni lo Yesu waseNazarethe ayenzayo? Uyayikrazula loo nto. Wenza ntoni Yena? Ugxibha umbutho wenu. Wenza ntoni Yena? Ubiza umpriste wenu ngokuba ‘ngumkhokeli oyimfama weemfama.’ Umbize ngokuba ‘yinyoka engceni.’ Wathabatha umnikelo awathi uThixo wawumisela, wakhaba iitafile zabhukuqeka, waza imali wayilahla phandle, wabajonga enomsindo. Wake wambona umpriste wakho ekhangeleka ngolo hlobo?” Ngoku siphi isiqhamo soMoya? Aha. Aha.

341 Akuyi ngakuthetha ngeelwimi. Akuyi ngakuxhentsa kuMoya. Akuyi ngakujoyina cawe. Akuyi ngasiqhamo saMoya; iNzululwazi yoBukristu ingadlula nabani na kuni ngaloo nto, ‘yabona, ize iphike kwa ukuba uYesu Kristu wayengozelwe ngokuNgcwele. Asiyi loo nto.

342 Koko liLizwi, eliphilayo! Nantso ke. Ukuba nje babekhangele, Yena wayenguMesiya. WayeliLizwi eliphilileyo, libonakalalisiwe.

343 Kwaye indoda enoMoya kaThixo ngaphakathi, okanye umfazi, uphila ela Lizwi, liphila kanye ngaphakathi kubo. Kukubetha kweentliziyo oko, kwabamiselwe ngenxa engaphambili, kuba iLizwi leNkosi liza kubo, kwaye bona baliLizwi ebantwini. “Iincwadi ezibhaliweyo ezifundwa ngabantu bonke.” Ingaba kunjalo? Ingaba uTsalo lwesiThathu luyaqhubeka?

344 Nina bantu bamamele amakhasethi, ndithetha nina baphulaphule eli khasethi, ndinqwenela ukuba nibe beninokujonga kweli bandla ngeli xesha. Aha. Ndithemba ukuba niziva kwangendlela enye.

345 Kungathini ukuba kunjalo? Khangela ezi Zibhalo zifumbe apha. Ingaba kunjalo? Ingaba uTsalo lwesiThathu lelokushumayela kwabagwetywe ngoNaphakade abawalileyo uMyalezo wosindiso?

346 “Kulungile,” uthi, “ibandla liyahamba...” Ewe, liyakuhamba. Liyakuqhubela phambili, liyinto enye.

347 Kodwa, khumbula, lonke eli xesha, uNowa wayesemkhombeni. UMtshakazi utywinelwe ngaphakathi kuKristu, ilungu lokugqibela selihlangulwe. ITywina leSithandathu lizizele. ITywina leSixhenxe liMbuyisela emhlabeni kwakhona. IMvana izile yayithabatha iNcwadi esandleni saKhe, yahlala phantsi yabanga oko kukokwaYo, oko Yakuhlangulayo. Ingaba kunjalo? Bekuhleli kuluTsalo lwesiThathu.

348 Isithathu yingqibelelo. Ulungiselelo luza kwingqibelelo yalo lakuvelisa uKristu kwakhona ngokwemveli, phakathi koluntu, njengokuba kwakuxelwe kwangaphambili, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe.”

³⁴⁹ Owu, cinga, abantu bangaqhubela phambili beshumayela, becinga ukuba bayasindiswa, becinga ukuba benza okulungileyo, becinga ukuba imibutho yabo iyakhula, ngokuqinisekileyo, kube kungekho nelitha elincinane lethemba. Kwaye ukuba loo mbono wawuyiloo nto, ube bekulukhuni kangaka ngokuchasene nabafazi, sifikelele kulo yure. Ucango luvaliwe, kuphelile, iNcwadi sele isezandleni zaKhe. Yicinge loo nto.

³⁵⁰ Mandinixelele lento kanye nje phambi kokuba sivale ngoku. Ndiyavala. Kwaxelwa, malunga ne-Ireland, ejongene namanzi. Kwakukho intlambo enkulu ehla ecaleni konxweme, yenyuka ngale nduli inkulu. Kwakukho indoda eyayihamba, ihamba apho ngenye imini, kanye—kanye ngexesha lokuba imisinga ingene. Kwaye kwakukho indoda ebekekileyo eyayihlala kuloo nduli, eyayiyazi loo misinga. Yayilazi ixesha lemini apho loo misinga yayimelwe kukuza ngalo. Yayisazi ukuba umsinga ungena xesha nini na. Lo mfo akazange akhathalele xesha. Wayengomnye wabasazi konke. Wayenembono eyeyakhe. Wayeyindoda ekwazi ukubala, ilumkile, ingqondi yomfo, kodwa wayengazi nje ixesha lomsinga. Wayengalazi elo lizwe. Wayengalazi ixesha apho umqondiso ulunge ngalo, xa inyanga ithe yawunikela umva umhlaba.

³⁵¹ Kwaye xa uThixo ekhe wawususa uMoya wakhe emhlabeni, mzalwana, kuphelile kuwe, kugqitywe konke.

³⁵² Laa nyanga ukuba ingakhe ishukume isuke endaweni yayo, amanzi angawugubungela umhlaba njengokuba kwakunjalo ngethuba uThixo wawuqalayo, kwiGenesis 1. Kodwa inyanga ihleli phaya, kwaye xa ijika nje intloko yayo, imisinga iyaqala ukubaleka ingena.

³⁵³ Eli xhego lilumkileyo lalihlala phaya ngaphandle kubukho bayo, lalisazi ukuba kwakuxesha nini na ngoko. Lo mfo wayengazi. Wayengazange afunde ngaloo nto. Wayengakhathali ngayo. Kwaye eli xhego lilumkileyo labaleka laphuma, lathi, “Mfo olungileyo wakuthi, ungakhe ubhekele phambilana. Jika ubuye umva, ngokukhawuleza. Kukho udonga. Awunakho ukunyuka kolo donga. Uyakutshabalala. I. . . Imiqondiso ivelile, ixesha. U—umsinga uzakugquma ungene ngokukhawuleza, kwaye awunakuba nako ukubuya. Musa ukuya phambilana.”

³⁵⁴ Kwaye loo ndoda yajika, yalihleka yathi, “Hamba uyokujonga imicimbi eyeyakho. Ndiyazi ukuba yintoni na endinokuyenza nendingenakuyenza.” Yaze imisinga yambamba. ‘Yabona?’

³⁵⁵ Kusenokuba liphelile ixesha kunokuba sicinga. ‘Yabona?’ Iyakunibamba. Musani ukuya phambilana. Musani ukuyenza loo nto, bantu. Ukuba benihleli nikholwa kum ukuba ndisisicaka sikaThixo, thabathani ilizwi lam kusasanje, ukuba nakhe nenza njalo. Kusenokuba sele kusemva kwexesha kakade. Esingako

iSibhalo sibonisa ukuba kunjalo. Ngoku, khumbula, andithi kunjalo. Andazi. Kodwa khangela nje.

³⁵⁶ Ndishiyelele ishumi lamaphepha apha ebendisoyika ukunixeleva ngawo. 'Yabona? 'Yabona? UNkosk. Woods ububungqina boko, noMnu. Woods. Xa bendihlile ngale ntsasa ukuya kubabona, ndathi, "A—andinakubaxeleva loo nto, andinakufikeleva apho. Ndiyakubeka nje iSibhalo esingaka, ndiyishiye nabo, kuba yinto eyakushicilelwa." Iyakhamba.

³⁵⁷ Kwaye abantu bayakuwuhleka lo Myalezo. Kulungile, iyakuba lixa elidlulileyo libuya, ngenye yezi mini. Hamba, yiba lilungu nje lenkonzo. Cheba iinwele zakho, unqothule, uqabe ubuso. Hamba, uthathe u"Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele," ukuba ufuna njalo, ukuze, wenze ooThixo abathathu ubengumhedeni. Hamba, namathela kumbutho wakho. Yenza njalo, ukuba ufuna ukwenza njalo.

³⁵⁸ Uthi, "Ndaxhentsa ndikuMoya, ndathetha ngeelwimi; ndinaWo."

³⁵⁹ Ndakhe ndazibona iidemoni zisenza kwaloo nto. Ndakhe ndabona amagqwirha ethetha ngeelwimi aze azitolike; abhale ngolwimi olungaziwayo, ayitolike loo nto; awayesela igazi ngeqokombe lentloko yomntu, abize kumtyholi, axhentse ekumoya.

³⁶⁰ Ama-Mohammed axhentse ekumoya, ngolo hlobo, ade abe nokuthatha iingceba azifake phantsi kweminwe yawo; athathe incula ayikhuphe ebusweni kuwo, ngolo hlobo, ayikhuphe iphume, kungabikho nethontsi legazi eliyakuphuma kuwo.

³⁶¹ AmaNdiya ayakhamba emlilweni, enganxibanga nto ezinyaweni, unobunzulu beenyawu ezintathu; nesine-, nesithathu, okanye isine seenyawo ukunqamleza; udangazela, ungamalahle ngokokude abe mhlophe bubushushu; angafumani nokutyabuka ngumlilo ezinyaweni zawo, aze akhanyele ukuba kukho into efana noYesu Kristu.

³⁶² Hayi, hayi, sihlobo. LiLizwi eliyixelayo loo nto. Abantu kunye neLizwi bamelwe kukuba banye. 'Yabona? UYesu neLizwi wayeyinto enye; Yena wayeliLizwi. Kwaye uYesu uphila emntwini, loo nto imenze ukuba yena neLizwi babebanye. Musa . . . Ubomi bakho buyakuxela ukuba ungubani na.

³⁶³ Ngoku zikhangele nje kwiglasu yokujonga kaThixo, uthi, "Ndikhangeleka njani ngale ntsasa?" Ngoku sithandazayo.

³⁶⁴ [UMzalwana uthetha ngolunye ulwimi. Omnye umzalwana wenza ingcaciso.—Mhl.]

Ndizula kude noThixo,
Ngoku ndiza ekhaya;

Thandaza, ukuba wakhe wathandaza!

Zivule kakhulu iingalo zaKho zothando,
Nkosi, ndiza ekhaya.

Ndiza . . .

³⁶⁵ Usaqhubela phambili ukucula, ndifuna ukukubuza into. Ingaba kukho indawo entliziyweni yakho ekhangeleka imnyama sisono? Ukuba ikho, ngoku lixesha lokuba wahlukane nayo, khona ngoku, ukuba isekho inceba eseleyo.

³⁶⁶ Le nto, ndiyathemba, ukuba ayinjalo. Ndiyathemba ukuba ayikho. Kodwa ayikhangeleki ngokungathi inokubakho? Phulaphula oko kuthethwe nguMoya oyiNgcwele phakathi kwabantu, emva kokuba ndigqibile, “LiLizwi eliza kuni.”

³⁶⁷ Kwaye ukuba ikho, ukuba ubunobumnyama obuthile ebomini bakho, awunakuza kanye apha ngasesibingelelweni ngoku, ngeli thuba siqhubela phambili ukucula. Khona ngoku, ukuba kukho ukudinwa, kukho indawo ethile, musa ukuyimisa elinye ithuba.

³⁶⁸ Ndiyathemba ndithembile ukuba akunjalo oku; kodwa kuyakuba njalo ngolunye lwezi ntsuku, kwaye kusenokuba namhlanje.

Ngoku, Nkosi, ndiyeza . . .

³⁶⁹ Umphefumlo wakho usemathatheni akho kanye kuwe! Ukuba abantu abamamele amakhasethi bangabona nje ukuba kuqhubeka ntoni apha ngoku; kuthontelene omnye phezu komnye, belila, bevela kuzo zonke iindawo.

³⁷⁰ Ingaba laa mbono, ngethuba ndandiyinkwenkwe encinane, ingaba yile yure? Ingaba leli xesha apho abo bantu bakhangeleka bediniwe, beluthuzula; isihogo sidalwa kanye apha phezu komhlaba?

³⁷¹ Izibingelelo nemigca ephakathi kwezitulo, nayo yonke into, zizele ngoku, ukuba awunako ukusondela esibingelelweni okanye kwindawo ephakathi kwezitulo, naphi na phakathi kwala makhulu alapha; yima nje ngenyawo, ukuba uthi, “Ndifuna ukuma ndithandaze, ukwenzela nje ukuba abantu bazi,” okanye uguqe, nantoni na ofuna ukuyenza. Owu, bethu! Ngoku awunakuba nakho nokubona nabani na ohleli phantsi. Ngabantu abemiyo kuyo yonke indawo.

³⁷² Ndingathetha oku. UThixo makale, uThixo makale ukuba ndibe ndiyithethile le nto ngoku. Ndanga ndingayiqonda, wonke umntu; uThixo makale. Kukho . . . Ndinabantwana abangekho ngaphakathi. Neentombi ezimbini nonyana. Ndinabantakwethu. Ndinabantu bakuthi abangekho ngaphakathi. UThixo makale ukuba ibe inceba isishiyile; oku nje kube kukuzenzisa nje kuphela.

³⁷³ Ingaba ikho inceba eseleyo, Nkosi? Mandibe ndiphosisile ngale nto, Nkosi. Mayibe yephosakeleyo ngeli xesha. Ukuba mna, akunjalo, ukuze abantu babe basenokusindiswa. Siphe

oko, Nkosi. Ndiyathandaza, ndinikela esi sihlwele kuWe ngoku, eGameni likaYesu Kristu.

³⁷⁴ Wonke umntu athandaze ngoku kanye njenge. . . Kungathini ukuba kunjalo? Ngoku, andazi ukuba kunjalo na oko, kodwa kuthini ukuba kunjalo? Ungathandaza ngendlela yakho. Thandaza nje ngendlela ofuna ukuthandaza ngayo. Ungathini nje ukuba oko bekuyinyaniso, singenza ntoni, zihlobo? Singenza ntoni? Yintoni, yintoni eyakwenzeka? Ngoku thandazani, wonke umntu. Nje—nje lila, thandaza nje ngendlela ofuna ngayo. Lila nje kuThixo, ngeyakho indlela. Owu Thixo!

. . . iingalo zaKho zothando,
Owu Nkosi, ndiza ekhaya.

³⁷⁵ “Nkosi, bendingwenela ukwenza loo nto kwixesha elide eladlulayo. Ingaba ndilinde ixesha elide, Nkosi? Ingaba oku, ingaba kuphelile? Owu Thixo, vula iingalo zaKho zothando undamkele. Into ethile, intliziyo yam icenga ngenxa yayo, Nkosi. Vula kube kanye kwakhona. Ukuba igama lam lalikiwiNewadi yeMvana, thetha nam ngoku, Nkosi. Mandiyamkele khona ngoku. Nceda wenze njalo, Thixo.”

Ndiza ekhaya, ndiza ekhaya,
Owu, andisayi, andisayi, Nkosi, andisayi
kujikeleza;
Zivule kakhulu iingalo zaKho zothando,
Owu Nkosi, ndiza ekhaya. . .

³⁷⁶ IBhayibhile yathi, bathi bakumqonda uYesu, ukuba, “Ngabanye bayakulila njengononyana okuphela kwakhe obuleweyo.”

. . .-za ekhaya,

³⁷⁷ Nina ningaphandle, nina nisezimotweni zenu, ngamaza amafutshane, nina nimi nijikeleze isakhiwo, abaninzi benu, yayamisani nje iintloko zenu esakhiweni, nithi, “Nkosi Thixo, yiba nenceba kum. Vu-. . .” Yibani nokunyaniseka kokufa, zihlobo! Cingani ukuba siphila xesha nini na! Siphi apho sikhoyo? [UMzalwana uBranham unkqonkqoza kambalwa epulpitini—Mhl.]

. . . thando,
Nkosi, ngoku ndiza ekhaya.
Ndiza ekhaya, . . .

³⁷⁸ Nkosi, Yesu, ndenze okona kungcono ndaziyo ukukwenza. Ndenze konke oko ndikwaziyo ukuba kwenziwa njani na. Siphe, Nkosi, ukuba iingcango zakho zenceba zibe zisavuliwe. Kula makhulu, ngeli phandle ngamakhulu aKufunayo ngeli xesha, susa lonke ichaphaza elinesono, Nkosi, ubangenise namhlanje.

³⁷⁹ Ndi—ndiyacenga, ngentliziyo yam yonke, njengokuba sibona ukuba asingomntu nje othile othethayo, koko, iSibhalo ngokwaSo sisisiza kule yure. Kwaye laa mbono, wenkwenkwe

encinane, ibabona abo bantu bekuloo meko; ke ngoku, cinga, ukuba isihogo ngokwaso, inceba icinyiwe emhlabeni, kwaye ngoku isihogo ngokwaso silapha, babe abantu, Nkosi, bekwimeko eyoyikeka kakhulu.

³⁸⁰ Owu Thixo Onamandla onke, weli Bandla liNyuliweyo, ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uthulule iintsikelelo zaKho, ukuze babe nokwamkela u—ulungiselelo lobungqina, obufana nokuba uLothe wayenabo, njengokuba uNowa wayenabo, njengokuba uYesu wayenabo, kwabalahleke ngoNaphakade, ukuba unokubakho; ukuze bona ngokwabo batywinelwe ngaphakathi eBukumkanini bukaThixo, kodwa benika ubungqina kuYesu Kristu ukuba isenguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Siphe oko, Nkosi. Wanga ungaMnkela umthandazo wethu, njengokuba sicenga eGameni likaYesu.

³⁸¹ Thandaza nje ngendlela ofuna ukuthandaza ngayo ngoku. Musa ukungxama. [UMzalwana uBranham unqonqoza epulpitini—Mhl.] Musa ukungxama. Ungathini ukuba uligama lokugqibela ukungena eNcwadini?

Ndiza ekhaya.

Ndiza ekhaya, ndiza ekhaya,

³⁸² Mzalwana Neville, nyuka uze, bathandazele umzuzwana. Umlungiseleli uzakuthandaza kunye nani ngoku ngeli thuba nithandazayo. Ndiza kucula mna.

Zivule kakhulu iingalo zaKho zothando,
Nkosi, ndiza ekhaya.

Ndiza ekhaya, ndiza ekhaya,
Andisayi kuzula kwakhona; (Ewe, Nkosi.)
Zivule kakhulu iingalo zaKho zothando,
Nkosi, ndiza ekhaya.

Ndiza ekhaya, ndiza ekhaya,
Andisayi kuzula kwakhona;
Zivule kakhulu iingalo zaKho zothando,
Nkosi, ndiza ekhaya.

³⁸³ [UMzalwana uNeville uqhubela phambili ngokuthandaza. “Kwaye wanga ngamnye kubo, Nkosi, anganeliseka, ngale mini, ukuba Wena unguThixo Onamandla onke. Ukuba oku kukwandiswa kwenceba, mayifikelele kuye ngamnye, kumntu ngamnye.”] Siphe oko, Nkosi. [“Makwenzeke ngoku, Bawo. Kwaye maluthi uxolo lukaThixo, elahlala lidlula ukuqonda, maluze kwakhona kwiintliziyo ezilindeleyo.”] Ewe, Nkosi. [“Lena mayibe yiyure.”] Ewe. [“Siyakholwa ukuba uvile okusuka eZulwini.”] Thixo, siphe kona. [“Nantoni na esigcinelwe yona, ukuba iphelile, ngoko, Nkosi, siyazi siyintoni isiphelo.”] Ewe, Nkosi. [“Kodwa, ukuba akunjalo, malize elo Ngqina.”] Ewe, Nkosi. [“Mabathi aba bezileyo, mabafumane uxolo ngalo mhla,”] Siphe, Nkosi. [“ngoYesu Kristu. Kwaye sithandaza eGameni laKhe. Amen.”—Mhl.]

³⁸⁴ Nkosi Yesu, ndiyaKuthandaza sindisa uBecky noSarah noJoseph, nabanye, kananjalo, Nkosi. Musa ukuvumela oku kwenzeke ebantwaneni bam, Nkosi. Musa ukukuvumela oku kwenzeke kubantakwethu nakubahlobo bam. Ndiphe oko, Nkosi.

³⁸⁵ Asazi, asazi, kodwa kukho into esiyibonayo, Nkosi. Ingaba ngumqondiso wokushukumisa khona ngoku phambi kwethu? Siphe oko, Nkosi. Sitsale usisondeze kuWe, ngokukhawuleza, Nkosi. SiyaKuthanda kwaye siKuswele. Makube njalo, Bawo, uMoya oyiNgcwele asiphe intuthuzelo ezintliziyweni zethu ngoku.

³⁸⁶ Siyathandaza ukuba sibe nokuba ngamangqina aKho ngale yure, ngokuba siyazi ukuba oku kumelwe ukwehla. Kuxelwe kwangaphambili kuzo zonke izigaba zexesha, kwaye selmelwe kukujongana nako, kuba sisekupheleni kwexesha xa sibona le miqondiso ivela. Siyazi, kwaye sixelelwe kwiminyaka emininzi ngoku, ukuba le nto iyakwenzeka. Ngoku siyibona kanye kumnyango wethu, umsindo omkhulu onamandla kaThixo ushukuma uhamba ngezitrato, ukhupha abangalukileyo. Apho kungekho Gazi khona phezu komnyango, ingelosi yokufa iyatyelela; kwaye bayahamba beqhubela phambili ukuphila, kodwa bafe ngoku badla ubomi. Akukho nceba banokuyifumana, abanaThixo, bengenakuze basindiswe.

³⁸⁷ Thixo, indlela esiKubulela ngayo ngenxa yabo basindisiweyo! Indlela esiyi. . . Yintsikelelo enkulu kangakanani kwiintliziyo zethu, ukuba sibe kwicala elingaphakathi ngokuba phantsi kweGazi, ngeli thuba ingelosi yokugqibela idlulayo elizweni, ikhupha a. . .

³⁸⁸ Abo baphuma phantsi kwegazi, bafa ngaphandle kwenceba. Yayilutsalo lokugqibela lukaMosisi olo. Olokuqala, u—umfana owayethetha noSirayeli; olwesibini, wehla waya kubahlangula; olwesithathu, ngumyalezo wokugqibela. Imimangaliso yayenziwe, uMosisi wayesindleleni yokuya kwilizwe ledinga, nabahlunguliweyo.

Owu Thixo, yiba nenceba, ndiyathandaza, eGameni likaYesu.

³⁸⁹ Ngoku ndingathanda ukukubuza oku. Wena uthandazayo, wena uvayo ukuba uyifumene inceba, nokuba u (Thixo) uvayo ukuba useBukumkanini bukaThixo, usiva ukuba—ukuba umiliselwe ngandlela ithile okanye enye, ukuba kuKristu unokholo lokukholwa ukuba unguMkristu, uzelwe ngokutsha kwaye uyazi ukuba unguMkristu, ngaphandle kwamathandabuzo. Ndingwenela ukuba nibe ningema ngeenyawo nonke, nina nifuna oko, nikhulwayo koko, ukuba inceba niyolulelwe ngoku. Kwaye ningaMakristu, kwaye ni—niyakholwa ukuba—ukuba iGazi liqatywe entliziyweni yenu, kwaye—kwaye—kwaye nixolelwe sonke isono.

³⁹⁰ Ibe nzima kakhulu le nto ukuyithetha kuni bantu. Ndinombulelo kakhulu. Ndibona abantu abasuka kwindawo yonke. Kunye nani, ndi—ndingoko . . .

³⁹¹ Andazi ukuba oku kuyinyaniso na, kodwa kumelwe ukuba njalo, ngaxesha lithile. 'Yabona, kufanele ukuba kufike kuloo nto, kwaye kusenokuba kungoku. 'Yabona? Ngayo yonke indlela ihlabathi liyakuqhubela phambili. Abantu bayakuba beseza esiguqweni, bayakube besakhala, kodwa oko akusayi kunceda nto. 'Yabona? Bayakube belahlekile, 'yabona, kuyakube kuphelile. Akusayi kubakh nceba. Yikhumbuleni loo nto. "Kwaye isibingelelo saba msi." "Lowo unyhukuyhuku, makahlale enyhukuyhuku; lowo ulilungisa makahlale elilungisa; nalowo ungcwele, ahlale engcwele." Akusekho nceba, xa iMvana iyithabatha iNcwadi; kunjalo, kuphelele konke. Kwaye kukhangeleka kakhulu ngokungathi kunokuba kungoku.

³⁹² Mhlawumbi sisenomnye umhla; mhlawumbi namhlanje yiloo mini. Mhlawumbi ngomso yeyoku . . . Mhlawumbi ngokuhlwanje bubusuku bokugqibela. Mhlawumbi kulo nyaka uphelileyo. Andazi, zihlobo. Ndiyanixelela, andazi. Andinakuze ndiyixelele loo nto.

³⁹³ Kodwa xa uThixo ethabatha elaa gama lokugqibela alihlangule ukusuka kwiNcwadi yoBomi, kuphelele ngaloo nto. 'Yabona, akusenakubakho bangabanye, nakanjani na. Akunakubakho bangabanye, nakanjani na. Kuphelele apho. Kugqityiwe.

³⁹⁴ Bangaphi abaziyo ukuba yiNyaniso leyo? [Ibandla, "Amen."] Kulungile. Yi—yiNyaniso leyo. Ngoku njengokuba siziva.

³⁹⁵ Ndibone eli bandla ndishumaye kulo ndaliyala, yonke le minyaka, ndabona uMyalezo onjengalo ndi . . . lo ndi—ndiwuzise ukwimo yokungagqibeleli. Kwaye khumbula nje, ndikutsho oko ukuze nibe nokuqonda, kwimo *yokungagqibeleli*; kukho ezinye izinto ezinokusuke nje zinishukumise nivuthuluke, 'yabona. Kodwa ndizitsibile nje, ndive ukuba mandenze njalo, kuba andiqinisekanga. Kwaye ukuba andiqinisekanga ukuba ndinyathela phi na, ndiyakunyathela ngobulumko, 'yabona, kodwa ndinixelela nje.

³⁹⁶ Phulaphulani. Anivuyi? Ingaba ikho into eyona inkulu, eninokucinga ngayo, enakhe nayenza ebomini benu?

³⁹⁷ Kuthini ukuba sekudlule ngoku? Kungathini ukuba sekugqitywe konke? "Owu," uthi, "Mzalwana Branham, mhlawumbi . . ." Ewe, ndiyazi. Bangaqhubela phambili. Benza njalo, xesha ngalinye. Ndiyicacisile loo nto ndayiqondakalisa ngeSibhalo, 'yabona, ihlabathi laqhubela phambili lijikeleza, kodwa kwakugqityiwe. 'Yabona? 'Yabona?

³⁹⁸ "Ubudenge bokushumayela busindisa abalahlekileyo. Kububudenge, ebantwini. Kububulumko kuThixo." 'Yabona? UThixo unguMoya. Usebenza ngeendlela zokomoya, 'yabona,

ukwenza imimangalisayo yaKhe; iindlela ezimangalisayo. Kodwa, thina luntu, sinesiphelo. Asazi nto; singakhangela nje koko sinokukubona. Kodwa iNto ethile engaphakathi kwethu. . .

³⁹⁹ Xa uhamba uphuma apha kwela gumbi, ukuba awuzange ube nayo ebomini bakho, ungazange wayibona imini, ungazi ukuba uphumile ukusuka kweli gumbi lilapha, waya kungena ekukhanyeni okanye kwenye into. Kube kushushu. Ungakuva oko. Ukuba akukho luvo emzimbeni wakho lokukuchaza oko, ungazi, owu, kungekho luvo lakubona kuwo. Kungekho ndlela yakubona imithi eluhlaza, yakubona indalo, ube ungenakukubona, kungekho mntu wakha wanaka. Ungazi ukuba kungabe ukubukho bento ethile; ukuziva kwakho kungakuxelela ngaloo nto. Ungayazi loo nto. Ukuba ndingazama ukukuxelela, “Lilanga. Liyakhanya. Libonisa izinto.” ’Yabona, ungazi ukuba likho ngokuba unakho ukuliva ngezimvo zakho. Ingaba kunjalo? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

⁴⁰⁰ Ngoku, siyazi ukuba uKristu ulapha. ’Yabona? Mhlawumbi awuMboni ngamehlo akho. ’Yabona? Mhlawumbi awuMboni. Kodwa ngombono, ndiyakuxelela, Ulapha. SiyaKuva oko. Siyazi ukuba kukho iNto ethile apha ezithi izimvo zethu zingabi nakuyixela. NguMoya oyixelayo, ukuba uKristu ulapha.

⁴⁰¹ Ndiva ukuba Usihlangule. Ndiva ukuba amagama ethu aseNcwadini yaKhe. Ndiyakholwa ukuba sihlangule ngeGazi leMvana.

Ndiyathanda, kwaye ndiyazi ukuba niyathandana.

Owu, lisikelelwe iqhina elibopha
Iintliziyo zethu kuthando loBukristu;
Ubudlelane bengqondo evanayo
Bufana nobo baPhezulu.

⁴⁰² Sifanele ukuhlala siziva ngaloo ndlela omnye ngomnye njalo. ’Yabona, sinyanzelekile, sinyanzelekile ukuba sizive ngaloo ndlela omnye ngomnye. ’Yabona? Kuba, njengokuba sithandana, siyamthanda uThixo. “Ungamthiya umzalwana wakho ombonileyo, uze uthi uyamthanda uThixo Ongambonanga?” Simelwe kukuba sithandane. “Akukho luthando lukhulu emntwini kunokuba Abeke phantsi ubomi baKhe ngenxa yeentshaba zaKhe, ukuze zibe zizihlobo zaKhe.” Owu!

⁴⁰³ Niyalazi elo culo, *Lisikelelwe Iqhina elibophayo?* Alimangalisi? Lisikelelwe iqhina! Ungasinika isingqi kulo, dade apho? Siliyeke lidlale umzuzu nje.

⁴⁰⁴ Kuthiweni ukuba sekudlule? Kungathini ukuba uTsalo lwesiThathu, luyenyuka ngoku, lelokushumayela kwabalalekileyo? Kuthini ukuba yonke imizekelo izakubonakala ngoku? Kwaye singaphakathi, kwaye singaphakathi, ayinakuba yinto emangalisayo leyo? Obunjani ubudlelane!

Owu, lisikelelwe iqhina elibophayo (nantsi into eyenza oko)

Iintliziyo zethu kuthando loBukristu;

Ubudlelane bengqondo evanayo

Bunjengobo . . . (Qhubela phambili.)

⁴⁰⁵ Yintoni leyo? Bubudlelane bengqondo evanayo. “UBukumkani bakho mabufike. Intando yakho mayenziwe.” ‘Yabona?’

⁴⁰⁶ Sizama ukwenza uThixo i—inkwenkwe yomkhoka, isithunywa okanye enye into, “Thixo, yenza *oku*, yenza *okuya*.”

⁴⁰⁷ UYesu wathi, “Thandazani, ‘UBukumkani bakho mabufike. Intando yakho mayenziwe emhlabeni, njengokuba isenziwa eZulwini.’” Ngoko, iZulu lithotyelwe kuthi, kwaye thina—thina sinyuselwe phezulu eZulwini, kwaye sihleli kwiindawo zaseMazulwini ngoku kuKristu Yesu. Siyakholwa sonke ukuba uMyalezo uyiNyaniso, ukuba uYesu Kristu uNyana kaThixo, uyasihlangula.

⁴⁰⁸ Masivale amehlo ethu ngoku siphakamise izandla zethu, ngoku siliculayo.

Lisikelelwe iqhina elibopha

Iintliziyo zethu kuthando loBukristu;

Ubudlelane bengqondo evanayo

Bunje . . . (Lidlale njalo.)

⁴⁰⁹ Ngoku, akukho noncumo olunye. Eli ayilo xesha loncumo. Ngobunzulu bokunyaniseka, ngoku ela culo lidlalayo, masibambane izandla nomntu ongakuwe, uthi, “UThixo akusikelele, Mkristu,” ngokunyaniseka.

⁴¹⁰ UThixo akusikelele, Mzalwana Neville. [UMzalwana uNeville uthi, “Akusikelele, Mzalwana Branham!”—Mhl.] Yiminyaka engamashumi amahlanu anethoba ubudala. [“Kunjalo.”] Indlela ende!

UThixo akusikelele, Mzalwana . . . ? . . . Ngoku masiphakamisele izandla zethu kuYe.

Xa sisahlukana,

Kusinika intlungu ngaphakathi;

Kodwa sisayakuba sihlangene entliziyweni,

Sithembe ukuhlangana kwakhona.

⁴¹¹ Ngoku masithobe iintloko zethu, kwaye, kunye, singazi ukuba ingomso lisiphathele ntoni na, ngalo mzuzu, singazi ukuba kokuphi na okudlulileyo. Andazi. Andinakutsho. Andinakutsho. Andazi. Kodwa ebusweni bezi ngongoma ndizityhilileyo kusanje, masithandaze umthandazo weNkosi eyasixelela ukuba siwenze. Nokuba kunjalo, “UBukumkani bakho mabufike. Intando yakhe mayenziwe.” ‘Yabona?’ Masiwenze kunye.

412 [UMzalwana Branham nebandla benza lo mthandazo ulandelayo kunye, usuka kuMateyu 6:9-13.—Mhl.]

...Bawo wethu osezulwini, Malingcwaliswe igama lakho.

Ubukumkani bakho mabufike. Intando yakho mayenziwe emhlabeni, njengokuba isenziwa eZulwini.

Siphe namhlanje isonka sethu semihla ngemihla.

Usixolele izono zethu, njengokuba nathi sibaxolela abo basonayo thina.

Ungasingenisi ekuhendweni, usisindise enkohlakalweni; Ngokuba ubukumkani bobakho, Namandla, Nozuko, ngoNaphakade. Amen

413 Ngoku iintliziyo zethu zithotywe. IBhayibhile yathi, “Bacula iculo baphuma.” Khumbulani, bathi bakwenza loo nto eSibhalweni, kwakungenxa yokuba babelubethelele ulungiselelo lweNkosi yethu loTsalo lwesiBini, lwaze uTsalo lwesiThathu lwabe lulungele ukungena. Emva kweyure ezimbalwa emva koko, Wehlela esihogweni washumayela kwabalahlekileyo ababeyalile inceba yabo.

414 Isingqi sika: *Lukhangela Kuwe Ukholo Lwam.*


Lu—lukhangela kuWe ukhlo lwam,
Mvana yeKalvari,
Msindisi ongcwele;
Ngoku ndive ndithandaza,
Susa zonke izono zam,
Mandinga . . . kusukela namhla
Ngokupheleleyo ndibe ndingowaKho!

Ndisacand’udada,
Usizi lundijikelezile,
Yiba nguMkhokeli wam;
Yithi ubumnyama mabube yimini,
Hlamba usizi, uloyiko lumke,
Owu kususela namhla
Ndibe ngowaKho ngokupheleleyo!

415 INkosi inisikelele, yenze Ukuba uNyana wayo nobabalo lukhazimle phezu kwenu. Ize iNkosi ininike uBomi obunguNaphakade, ibe nani apha kweli hlabathi, nakwihlabathi eliyakuza emva koku. Kwaye, uBomi obunguNaphakade, nanga ninga Yikhonza kuzo zonke izigidi zezigidi zexesha eliyakuza.

416 Ukuba leloxesha eli, sibe sifikile kulo ndawo, andinazintlani ngoko ndikushumayeleyo. Kwaye ukuba umlungiseleli ngamnye umelwe ukuba eme nebandla lakhe agwetywe, njengokuba ndawubonayo umbono, ndinombulelo ngenxa yeVangeli endiyishumayeleyo, ngokuba yiVangeli enye awathi uPawulos nabanye bayishumayela.

⁴¹⁷ Ndiyavuya ngenxa yenu. Ndiyavuya ngokuba nimamkele uKristu njengoMsindisi wenu. Mthandeni Yena, nithandaze.

⁴¹⁸ Ke ndiyakunibona ngale njikalanga, iNkosi ithandile, ngentsimbi yesixhenxe, apha enkonzweni. UThixo anisikelele. Ningakhululeka. 

IMIPHEFUMLO ESENTOLONGWENI NGOKU XHO63-1110M
(Souls That Are In Prison Now)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham owawushunyayelwe ekuqaleni ngesiNgesi ngeCawe kusasa umhla we-10 kuNovemba, ngowe-1963, kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, wathatyathwa kwisishicileli-mazwi washicilelwa ungafinyezwanga ngesiNgesi. Le nguqulelo yesiXhosa ipapashwe ngowe-2002 ngabe:

XHOSA

©2002 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org